



**URhulumente
weNtshona Koloni**

EzeMfundo


INgxelo yoNyaka 2012/2013

ISebe EzeMfundo

Mnu Donald Grant

UMphathiswa wezeMfundo

Ndingenisa le Ngxelo-mali yoNyaka yeSebe leMfundo leNtshona Koloni yethuba eliqala ngo-Apreli 2012 ukuya kwi-31 Matshi 2013.

A handwritten signature in black ink on a light blue background. The signature is written in a cursive style and reads "PA Vinjevold".

PA Vinjevold
31 Meyi 2013

ISEBE LEMFUNDO

IBHAJETHI 5 EVUNYIWEYO

INGXELO-MALI YONYAKA KA-2012/2013

ICandelo A: Ingcaciso ngokubanzi

1.	Ingcaciso yeSebe ngokubanzi	1
2.	Uludwe lwezifinyezo/lwezishunqulelo	2
3.	Inkcazo yesiCwangciso soBuchule (<i>Strategic Overview</i>)	3
3.1.	Umbono	3
3.2.	Injongo ephambili	3
3.3.	Iimfundiso eziziseko	3
3.4.	Iinjongo eziCwangciswe ngoBuchule neziJolise kwiZiphumo zokuFunda (<i>Strategic Outcome Oriented Goals</i>)	4
4.	IMithetho neZinye iziGunyaziso	5
5.	Ukuma kwestraksha seziko eli	5
6.	Amaqumrhu anika iNgxelo kuMphathiswa	7
7.	Imbulambethe nguMphathiswa wezeMfundo, eNtshona Koloni	7
8.	INgxelo yeGosa eliMele ukuPhendula ngoSetyenziso lweMali (<i>Accounting Officer</i>)	10

ICandelo B: Ingcaciso ngentsebenzo (*Performance Information*)

1.	Inkcazo yemisebenzi ngengcaciso yentsebenzo (<i>Statement of responsibility for performance information</i>)	12
2.	INgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele: Iinjongo ezicaciswe kwangaphambili (<i>Pre-determined Objectives</i>)	13
3.	Inkcazo ngentsebenzo yesebe	13
3.1.	Imeko engqonge ukwenziwa kweenkonzo	13
3.2.	Isicwangciso soPhuculo loKwenziwa kweenkonzo	16
3.3.	Okuqhubeka kwiziko	23
3.4.	UPhuhliso lwemigaqo-nkqubo ephambili neenguqu kwimithetho	26
4.	Iinjongo eziCwangciswe ngoBuchule neziJolise kwiZiphumo zokuFunda (<i>Strategic Outcome Oriented Goals</i>)	29
5.	Ingcaciso yentsesebenzo ngeprogram nganye (<i>Performance information by programme</i>)	31
5.1.	Iprogram 1	31
5.2.	Iprogram 2	46
5.3.	Iprogram 3	75
5.4.	Iprogram 4	80
5.5.	Iprogram 5	85
5.6.	Iprogram 6	94
5.7.	Iprogram 7	100
5.8.	Iprogram 8	106

ICandelo B: Ingcaciso ngentsebenzo (kusaqhutywa)

6.	Isishwankathelo sengcaciso yezemali	110
6.1.	Iimali ezifunyenwe liSebe (<i>Departmental receipts</i>)	110
6.2.	Inkcitho ngeeprogram	111
6.3.	Iimali ezenziwa ngoomatshini, kungabandakanywanga amaqumrhu axhaswa ngurhulumente	113
6.4.	Amaqumrhu axhaswa ngurhulumente (<i>Public entities</i>)	114
6.5.	Iigranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango neemali ezizii- <i>earmarked funds</i>	114
6.6.	Iigranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango neemali ezifunyenweyo ii- <i>earmarked funds</i>	114
6.7.	Inkxaso-mali yezipho-mali (<i>Donor- Funding</i>)	128
6.8.	Utyalo-mali kwiiipjekthi zolwakhiwo (<i>Capital investment</i>), isicwangciso solondolozo nokulawulwa kwee-asethi, (<i>maintenance and asset management plan</i>)	128

ICandelo C: Ezolawulo

1.	Intshayelelo	134
2.	Ulawulo lwelahleko	136
3.	Inkohliso nobuqhophololo (<i>fraud and corruption</i>)	137
4.	Ukunciphisa ukungqubana kweemfuno	138
5.	Umgqaqo wokuziphatha	138
6.	Imiba yezempilo, ukhuseleko nemiba yokusingqongileyo	139
7.	IYunithi yoLawulo lwangaphakathi	139
8.	Ingxelo yoPhicotho-zincwadi (<i>Audit Committee report</i>)	139

ICandelo D: ULawulo kwiCandelo lezaBasebenzi (*Human resource management*)

1.	Imithetho yolawulo lweMicimbi yezaBasebenzi	143
2.	Intshayelelo	144
3.	Iinkcukacha-manani eziphosakeleyo zeMicimbi yoLawulo lwaBasebenzi	146
3.1	Inkcitho	146
3.2	Ezeengqesho nezithuba ezinganabantu	149
3.3	Ukuhlolwa kwemisebenzi (<i>Job evaluation</i>)	151
3.4	Iinguqu kwezengqesho	152
3.5	UBulungisa kwezeNgqesho	160
3.6	Ukusayinwa kweMvumelwano yeNtsebenzo ngaMalungu eSMS	162
3.7	Ukuzaliswa kwezithuba ze-SMS	163
3.8	AmaBhaso eNtsebenzo	164
3.9	Abasebenzi bamanye amazwe	166
3.10	Ukusetyenziswa kwekhefu	167
3.11	I-HIV/AIDS neProgram yokuKhuthaza ezeMpilo	171

ICandelo D: ULawulo kwiCandelo lezaBasebenzi) (kusaqhutywa)

3.12	EzoBudlelwane eMsebenzini	174
3.13	Uphuhliso lwezakhono	176
3.14	Ukwenzakala emsebenzini.....	178
3.15	Ukusetyenziswa kwabacebisi	179

ICandelo E: Ingcaciso ngezemali

1.	INGxelo yeGosa eliMele ukuPhendula ngoSetyenziso lweMali (<i>Accounting Officer</i>) ..	180
2.	Inkcazo yoXanduva yeGosa elimele ukuphendula ngokuphathelele kwiingxelo zemali (<i>Accounting Officer's Statement of Responsibility</i>)	209
3.	INGxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele (<i>Auditor General</i>)	210
4.	Iingxelo-mali zoNyaka	218

IziHlomelo

IsiHlomelo A: Isicwangciso i- <i>Action Plan to 2014</i> neZalathi zeMvumelwano yoKwenziwa kweeNkonzo (kuZwelonke)	266
IsiHlomelo B: Umlinganiselo wentsebenzo kwiiProgram	269



ICandelo A
Ingcaciso ngokubanzi

1. Ingcaciso yeSebe ngokubanzi

ISebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED)

ISebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) lithwele uxanduva lwezemfundo kwizikolo zikarhulumente kwiphondo ukususela kwiBakala 1 ukuya kwiBakala 12. ISebe iWCED lisebenza kwiZithili zeMfundo ezisibhozo ezinoNdlunkulu oseKapa.

Indawo	Idilesi yeposi	Ifofoni	Inombolo yefeksi
WCED Head Office	Private Bag 9114, Cape Town, 8000	021 467 2000	021 467 2996
Metro Central Education District	Private Bag X4, Athlone, 7760	021 514 6700	021 659 4413
Metro East Education District	Private Bag X23, Kuilsriver, 7579	021 900 7000	021 903 9484
Metro North Education District	Private Bag X45, Parow, 7500	021 938 3000	021 938 3180
Metro South Education District	Private Bag X2, Mitchell's Plain, 7785	021 370 2000	021 372 1856
Cape Winelands Education District	Private Bag X3102, Worcester, 6849	023 347 6000	023 342 4138
Eden & Central Karoo Education District	Private Bag X6510, George, 6530	044 803 8300	044 873 2253
Overberg Education District	PO Box 588, Swellendam, 6740	028 214 7300	028 214 7400
West Coast Education District	Private Bag X3026, Paarl, 7620	021 860 1200	021 860 1231

IZiko lefofoni leSebe iWCED:

Imibuzo engeMicimbi yaBasebenzi neyezeMali : 0861 923 322 ;
Izikolo eZikhuselekileyo 0800 45 46 47

Iziko lewebhu: WCED Online <http://wced.school.za>

Uluhlu lwee-imeyili: WCEDnews <http://list.pgwc.gov.za/mailman/listinfo/wcednews>.

Twitter (micro-blogging)

WCEDnews <http://twitter.com/wcednews> (for news-in-education-related tweets); WCEDlearn <http://twitter.com/wcedlearn> (for education-related tweets)

Tumblr (blog)

WCED/News/Home <http://wcednewshome.tumblr.com/> ; WCEDnews <http://wcednews.tumblr.com/>

Posterous (blog)

WCEDnews <http://posterous.com/wcednews>

2. Uludwe lwezifinyezo/lwezishunqulelo

AET:	Adult Education and Training	MTEF:	Medium-Term Expenditure Framework
ACE:	Advanced Certificate in Education	NCS:	National Curriculum Statement
CAPS:	Curriculum and Assessment Policy Statements	NC(V) :	National Curriculum (Vocational)
CEM:	Council of Education Ministers	NPDE :	National Professional Diploma in Education
CEI:	Centre for e-Innovation	NGO:	Non-Governmental Organisation
CEMIS:	Central Education Management Information System	NQF:	National Qualifications Framework
CLC:	Community Learning Centre	NSC :	National Senior Certificate
CTLI:	Cape Teaching and Learning Institute	NSNP:	National School Nutrition Programme
DHET:	Department of Higher Education and Training	OHSA:	Occupational Health and Safety Act
DOCS:	Department of Community Safety	PFMA:	Public Finance Management Act
DotP	Department of the Premier	PILIR:	Policy on Incapacity Leave and Ill-Health Retirement
DBE:	Department of Basic Education	PPI:	Programme Performance Indicator
DMIS:	District Management Information System	PPP:	Public-Private Partnership
ECD:	Early Childhood Development	PPM:	Programme Performance Measure
ECM :	Enterprise Content Management	RCL:	Representative Council of Learners
EE:	Employment Equity	SACE:	South African Council for Educators
EIG:	Education Infrastructure Grant	SAQA:	South African Qualifications Authority;
EMIS:	Education Management Information System	SASA:	South African Schools' Act
EPWP:	Expanded Public Works Programme	SASAMS:	School Administration and Management System
EWP:	Employee Wellness Programme	SAPS:	South African Police Services
FET:	Further Education and Training	SETA:	Sector Education and Training Authority
GET:	General Education and Training	SIP:	School Improvement Plan
HEI:	Higher Education Institution	SGB:	School Governing Body
HR:	Human Resources	SITA:	State Information Technology Agency
ICT:	Information and Communication Technology	SMT :	School Management Team
IMG:	Institutional Management and Governance	SPMDS:	Staff Performance Management and Development System
IMS:	Information Management System	WSE:	Whole-School Evaluation
IQMS:	Integrated Quality Management System		
KM:	Knowledge Management		
LSEN:	Learners with Special Education Needs		
LTSM:	Learning and Teaching Support Materials		

3. IsiShwankathelo sesiCwangciso soBuchule

3.1. Umbono

Ukudala amathuba amahle omntu wonke ngokuphucula iziphumo zokufunda.

Oku kunokubonakaliswa kukufikelela kwezi njongo zintathu zongameleyo:

1. Ukuphucula ulwimi nemathematika kwizikolo eziziprayimari
2. Ukuphucula amanani abafundi abapasayo nomgangatho wokupasa kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke
3. Ukunciphisa inani lezikolo eziqhuba kakubi

3.2. Eyona njongo iphambili

Ukubonelela ngemfundo esemgangathweni kubo bonke abafundi kwiphondo ngokwenza oku kulandelayo:

- Ucwangciso nolawulo lwenkqubo yemfundo iphela
- Imfundo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo
- Ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo
- Imfundo kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa zikarhulumente
- Imfundo noQeqesho oluQhubekayo kwiikholeji ze-FET zikaRhulumente
- Imfundo noQeqesho lwaBadala (AET) kumaziko emfundo oluntu
- UPuhliso lweMfundo yaBantwana aBasaqalayo ukuFunda (ECD) kwiBakala R
- Amathuba oqeqesho olwenzelwa ootitshala nabo bangezotitshala
- Iprogram yokutya ethagethiweyo namanye amanyathelo okunciphisa ubuhlwempu nawokhuseleko
- Ukunika inkxaso ootitshala ngokubonelela ngeemeko zengqesho ezisisiseko, ngezikhuthazi (*incentives*) nangeprogram yempilo-qete yabasebenzi

3.3. Iimfundiso ezisisiseko

- Ukubaluleka komfundi okubekwa phambili
- Iimfundiso ezisisiseko zoMgaqo-siseko waseMzantsi Afrika noMqulu waMalungelo oLuntu
- Ukwenza umsebenzi ogqwesileyo ngokuthi kubonelelwe yaye kunikwe inkxaso abasebenzi abangootitshala, abaxhotyiswe ngokwenene, abanenkqubela, abaqeqeshiweyo nabazinikeleyo emsebenzini wabo
- Ukwazi ukuphendula kwabo baphetheyo ngoxanduva lwabo nokwenzela izinto elubala
- Intembeko nokugqwesa kwimisebenzi yolawulo nakuleyo enika inkxaso

3.4. Iinjongo eziCwangciswe ngoBuchule neJolise kwiZiphumo


<p>Injongo 1 eCwangciswe ngoBuchule neJolise kwiZiphumo</p>	<p>Ukuphucula umgangatho woLwimi neMathematika kwiZikolo eziziPrayimari</p>
<p>INkcazo yeNjongo</p>	<p>Ukuphucula umgangatho wentsebenzo kuLwimi nakwiMathematika ukwenzela ukuba abafundi baqhuba ngokomgangatho weminyaka yobudala babo ngo-2014 ngolu hlobo lulandelayo: IBakala 3: ULwimi: i-40% yabafundi ukuze kwiMathematika: ibe yi-60% yabafundi. IBakala 6: ULwimi: i-40% yabafundi ukuze kwiMathematika: ibe yi-50% yabafundi. IBakala 9: ULwimi: i-55% yabafundi ukuze kwiMathematika: ibe yi-20% yabafundi. Amanqaku makalandelelwe ngovavanyo lwaqho ngonyaka aze amaphulo ongenelelo ngoncedo ahlanga-hlengiswe ngokukungqinelana nawo.</p>
<p>Injongo 2 eCwangciswe ngoBuchule neJolise kwiZiphumo</p>	<p>Ukuphucula amanani abafundi abapasayo nomgangatho wokupasa kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke</p>
<p>INkcazo yeNjongo</p>	<p>Ukuphucula ireyithi yokupasa kwiNSC ngokubonelela ngeencwadi zezifundo, ngeeprogram zoqeqesho loofitshala, ulawulo nenkxaso. Iithagethi zango-2014 ngabafundi abayi-43 000 abapase iNSC ize i-17 500 ine nako ukwamkelwa kwisiDanga sokuQala (<i>Bachelor's degrees</i>); abafundi abayi-11 000 amabapase iMathematika nabayi-8 000 amabapase i-Physical Science.</p>
<p>Injongo 3 eCwangciswe ngoBuchule neJolise kwiZiphumo</p>	<p>Ukuncipha kwenani lezikolo eziqhuba kakubi</p>
<p>INkcazo yeNjongo</p>	<p>Ukunciphisa kokuqhuba kakubi kwabafundi kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke kwizikolo eziphakamileyo: oko kuthi, makungabikho sikolo sinereyithi yokupasa engu-<60% ngo-2014. Ukunciphisa ukuqhuba kakubi kwabafundi kwamanye amabakala njengoko oku kulinganiselwa ngezi mvavanyo: <i>Annual National Assessment (ANA)</i> kumabakala 1 – 6 no-9 neemvavanyo zeSebe iWCED zamabakala 3, 6 no-9.</p>

4. IMithetho nezinye izigunyaziso

UMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996 (uMthetho 108 ka-1996)
UMgaqo-siseko wePhondo leNtshona Koloni, 1998 (uMthetho 1 ka-1998)
UMthetho weMfundo weZikolo zePhondo leNtshona Koloni, 1997 (uMthetho 12 ka-1997)
UMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika, (SASA) 1996 (uMthetho 84 ka-1996);
UMthetho woMgaqo-nkqubo weMfundo kaZwelonke (NEPA), 1996 (uMthetho 27 ka-1996)
UMthetho weMfundo noQeqesho oluQhubekayo kwiiKholeji, 1998 (uMthetho 16 ka-2006)
UMthetho wokuQinisekiswa koMgangatho weMfundo noQeqesho ngokuBanzi, 2001 (uMthetho 58 ka-2001).
UMthetho wezeNgqesho yooTitshala, 1998, (uMthetho 76 ka-1998)
UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, 1999 (uMthetho 1 ka-1999)
UMthetho woLawulo lweMali yooMasipala, 2003 (uMthetho 56 ka-2003)
UMthetho woKwahlulwa kweNgeniso yoNyaka, 2012, (uMthetho 5 ka-2012)
UMthetho weNkonzo kaRhulumente, 1994 (IsiBhengezo 103 sika-1994)
UMthetho weGunya eliLawula iZiqinisekiso waseMzantsi Afrika, 1995 (uMthetho 58 ka-1995)
UMthetho weBhunga looTitshala laseMzantsi Afrika, 2000, (UMthetho 31 ka-2000)
UMthetho weMfundo noQeqesho lwaBadala, 2000 (uMthetho 52 ka-2000)

5. Ukuma kwestraksha seziko eli

Makujongwe i-oganogram kweli phepha lilandelayo.



6. Amaqumru enza iNgxelo kuMphathiswa

Ayingeni ndawo

7. Imbulambethe eyenziwa nguMphathiswa



UMphathiswa Donald Grant

Unyaka-mali ka-2012/13 ube ngunyaka oneziqhamo kulo Rhulumente.

Kwiminyaka engaphambili, iSebe iWCED liqhubekile nokomeleza isiseko esiyimfuneko ukuze kufikelelwe kwiinjongo ezimiselwe kwisiCwangciso soBuchule sethu (*Strategic Plan*) sokuphucula umgangatho wezemfundo neziphumo zokufunda kubafundi eNtshona Koloni.

Ngo-2012/13, siya kwakhela kwesi siseko, sithagethe ngakumbi izikolo zethu ezihlwempuzekileyo, yaye siphucule iinkqubo zokugaya, ukukhetha nokuzalisa izithuba zootitshala nezeenqununu. ISebe iWCED likwaphucule ngakumbi umgangatho wokubeka esweni okuqhubekayo, ukumelwa kukuphendula ngokuqhubekayo nokuthobela kwezikolo.

Ukunceda izikolo zethu ezenza iinkonzo kubafundi abangathathi ntweni, iSebe iWCED livume iimali ezongezelelweyo kubandakanywa nokulinganiswa (*equalisation*) kwezixa ezikhutshwa ngomfundi ngamnye kwizikolo ezingabizi zifizi nokwanda kwezixa ngomfundi ngamnye kwizikolo ezingaphezu kwama-300 ezibiza iifizi. ISebe iWCED likwahlawule izigidi eziyi-R30 million kwizikolo ezibiza iifizi njengembuyiselo ekuxolelweni kwiifizi (*fee exemptions*) okuvunywe kubafundi ngo-2011 laza lenza uphando olulingwayo (*pilot*) ekuqaliseni isidlo sakusasa kubafundi kwizikolo ezifumana isondlo (*feeding scheme schools*).

Isebe lizimisele ukuqhubeka okokoko linika inkxaso abahlali abangathathi ntweni.

ISebe iWCED liqalise isistim yekhompuyutha yokugaya abasebenzi entsha i-*online e-recruitment system* eya kwenza kubelula kootitshala ukwenza isicelo somsebenzi kwiphondo. Kwavunywa kwakhona isistim entsha yokuzalisa izithuba zeenqununu. Oku kujolise ekuqinisekiseni ukuba ezi zithuba ziyazaliswa xa kukho imfuneko, ngokukhawuleza kangangoko kunokwenzeka.

Ukwenzela ukuphucula ukubeka esweni okuqhubekayo, ukumelwa kukuphendula nokuthobela kwezikolo, iSebe iWCED lenza i- *online School Improvement Plan (SIP)* – esisixhobo solawulo esifuna ukuba inqununu nganye ingenise ingcaciso ngesikolo ehlaziyiweyo enokusetyenziselwa iinjongo zokucwangcisa umsebenzi ngokuyimpumelelo. Zacelwa izikolo ukuba zimisele iithagethi zamaBakala 3, 6 no-9 zeemvavanyo zolwazi lokubhala nokufunda nolwazi lokubala (*literacy and*

numeracy tests) neeMviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*National Senior Certificate (NSC)*) ukomeleza ukumelwa kukuphendula.

ISebe iWCED likwavelise isixhobo esitsha i-new *electronic tool* sokuphucula iziseko zophuhliso kwezemfundo eNtshona Koloni, esibizwa ngokuba yi-*Geographic Information System (GIS) for Infrastructure Planning*. Esi sixhobo ngoku sibonelela iSebe iWCED ngengcaciso exabisekileyo emakusekelwe kuyo ikamva lamaphulo otyalo-mali kwiziseko zophuhliso nokuthathwa kwezigqibo.

Ndibe nochulumanco kakhulu ngokuthi ndifezekise injongo yam endandiyicacise ekuqaleni konyaka-mali, yokunika inqununu yesikolo ngasinye, ithablethi eyi-*Personal Computer (PC) tablet*. NgoDisemba, ziyi-1 500 ii-*PC tablets* ezasiwa ezikolweni ukuphucula indlela esinxibelelana ngayo, nesinika ngayo inkxaso kwiinqununu zethu.

Omnye umba oye waqaqamba ngo-2012/13 ibe yindlela abafundi abaqhube ngayo kwiimvavanyo zeNSC zango-2012 nezenkqubo yezemfundo zango-2012 zamaBakala 3,6 no-9. Kwi-NSC, abaviwa bethu baye bagqwesa emagqabini, umzekelo kwimiba efana nokwandisa inani labaviwa ababhala bapase iimviwo zeNCS; nabandise inani labaviwa abapasileyo abanokudlulela kwizifundo zeSidanga sokuQala (*Bachelor's Degree study*); nokwandisa amanani abaviwa abapase imathematika nesayensi. Sivuyiswe ngakumbi kukuncipha kwakhona kwamanani ezikolo eziqhuba kakubi kweli phondo.

Kwinkalo yovavanyo lwenkqubo yezemfundo, sivuyiswe kukuba kubekho ukuphucuka kwiBakala ngalinye elivavanywe kulwimi makwimathematika. Kukwasivuyisile ukuba isithili ngasinye kwizithili zemfundo zethu siwuphucule umgangatho kwisifundo ngasinye kwiBakala ngalinye.

Ezi ziphumo nezinye izalathisi, zibonise impumelelo yeSebe iWCED ekusekeni inkqubo yezemfundo eya ikhula ngokuzinza neya iyondelelana ivelisa iziqhamo – neyisistim eneziphumo ezinika ithemba kwiqela leesistim eziphuculweyo kwiminyaka engaphambili.

Kunyaka-mali ka-2013/14 senza izicwangciso zokuzinzisa nokomeleza ezi zicwangciso ukuqinisekisa uzinzo ngokungaphezulu ukwenzela ukuphumeza ukuzimisela kwethu ekuphuculeni ubomi babona bantu babalulekileyo kuthi – abafundi.

Oku kuphuculwa komgangatho kuya kubandakanya izicwangciso ezizezinye zokuphucula ngakumbi indlela abaqhuba ngayo abafundi, ingakumbi kwimathematika nakwiilwimi, nenkxaso angaphezulu enikwa izikolo. ISebe iWCED liya kuqhubeka nokugxininisa uqeqesho nophuhliso lootitshala nokuphendula kwangoko kwizikhalazo nokusebenza ngempumelelo kweSebe iWCED. Siseza kumisela ngokusesikweni isigaba sesithathu nesokugqibela sesicwangciso sethu seencwadi zezifundo yaye siya kuqalisa ukuphumeza isicwangciso sethu esitsha seziseko zophuhliso nesiya kuba kukugqitywa kwezikolo ezitsha eziyi-26, eziyi-46 ezilungiswayo,

neeprojekthi ezi-5 zokulungiswa kwamagumbi okufundisela kunye namagumbi okufundisela eBakala R ayi-124 kwiminyaka emi-3 ezayo.

Unyaka ka-2013/14 uya kuba ngunyaka oza kudala umdla omkhulu kulo Rhulumente yaye sijonge ngethemba ekwenzeni iMfundo 'Bhetele ngokuBambisana', siphucule iziphumo zokufunda nenkqubo yezemfundo kwiminyaka ezayo.

Donald Grant
UMphathiswa wezeMfundo
INtshona Koloni
31 Meyi 2013

8. INgxelo yeGosa eliMele ukuPhendula ngoSetyenziso lweMali (Accounting Officer)



Ms Pennv Vinievold

ISebe leMfundo eNtshona Koloni lilawula iiprogram ezisibhozo. Ezi program zijolise ekusombululeni iinkalo ezininzi ezimalunga neemfuno zezemfundo: abafundi kwizikolo zikarhulumente; abafundi kwizikolo ezizimeleyo; abafundi abaneemfuno zemfundo ezizodwa; abafundi kumaziko e-ECD nabafundi kwiiKholeji zeFET namaZiko eMfundo yaBadala. Le Ngxelo yoNyala ka-2012/13 inika iinkcukacha ngezinto eziyimpumelelo nezingumngeni ekujongenwe nazo kwezi program zezemfundo.

ISebe iWCED linenjongo yokusa izibonelelo zalo ezingabasebenzi neziyimali kwezo zikolo, kwezo titshala nakwabo bafundi bayidinga kakhulu inkxaso. Ezi zibonelelo ziqwalaselwa ngenyameko ngokumalunga nenxaxheba yazo kumava okufunda nakwimpumelelo ekufundeni kubantwana bethu nakubafundi yaye ukwabiwa kwezi zibonelelo kuxhaswa ziiseti zedatha ezithembekileyo nocazululo lwayo. Ingakumbi isistim ye-CEMIS ivumela iSebe iWCED ukuba lilandelele amanani abafundi, ukungabikho kwabo esikolweni, nendlela abapasa ngayo zezinye zezalathi eziphambili. Esinye isixhobo esilivumele ngokuyimpumelelo iSebe iWCED ukuba limisele uhlobo nalapho zikhoyo iimfuno zenkxaso ibe yi-*Shool Improvement Plan (SIP)*. Zonke izikolo bekulindeleke ukuba zenze i-*online SIP ngo-2012 nango-2013* yaye bezibekwa esweni qho ngekota.

linkalo zenkxaso eyodwa ebonelelwe ngo-2012/13 zezi zilandelayo:

Ukuqiniswa kweenkqubo neemfuno ezimiselweyo zokuqeshwa kweenqununu namasekela-nqununu.

Ngo-2012/13 iSebe iWCED laqesha iinqununu eziyi-117 namasekela-nqununu ayi-128. Umyalezo wethu kumabhunga olawulo waba kukuqinisekisa ukuba kusetyenziswa ubuncinane izixhobo zokhetho ezithathu (udliwano-ndlebe, inkcazo-ntetho, umsebenzi obhalwayo, nabantu abanokungqina ngesimilo (*references*)) yaye ongene njengomgqatswa kufuneka anike ubungqina bokubanako ukuphucula indlela isikolo esiqhuba ngayo ezifundweni.

Ngo-2013 iSebe iWCED laqalisa isistim yokwenza isicelo kwikhompyutha i-*on-line application system* kwizithuba ezingenamntu. Oku kuze nempumelelo ngendlela exubileyo (*mixed success*). ISebe iWCED liya kuqhubeka nokomeleza zonke iinkqubo zokugaywa kwabasebenzi nezokhetho kule minyaka mibini izayo.

liprogram zoqeqesho lootitshala

Bonke ootitshala bamaBakala 4 - 6 neBakala 11 bafumana uqeqesho kwi-CAPS. I-CTLI nee-ofisi zezithili zabonelela ngeendidi zeeprogram zoqeqesho ezilungiselelwe iinjongo ezithile. Kulo nyaka-mali uzayo ootitshala bamaBakala 7 – 9 neBakala 12 baya kufumana uqeqesho kwiCAPS yaye iikhosi ezimfutshane ezibonelelweyo ziya kujolisa kulwimi, kwimathematika nakwi-*Information Technology*.

lincwadi zezifundo neencwadi zokufunda

Bonke abafundi bamaBakala 4 - 6 neBakala 11 bafumana iincwadi zezifundo kwisifundo ngasinye yaye izikolo zasebenzisa iMimiselo neMigangatho yoLwabiwo-mali yokuthenga iincwadi zamanye amaBakala. Kunyaka-mali olandelayo abafundi bamaBakala 7 – 9 neBakala 12 baya kufumana iincwadi zezifundo kwisifundo ngasinye.

Ngo-2012 satshintsha ifokhosi yethu ngokunjalo, sajolisa **ekusetyenzisweni** kweencwadi zezifundo nasekuhambeleni kwethu izikolo zethu yaye ingxelo i-*NEEDU report* ngezithili zemfundo i-*West Coast* ne*North*, ibonisa ukuphucuka okusivuyisayo ekusetyenzisweni kweencwadi zezifundo neencwadi zokwenza umsebenzi.

Iziseko zophuhliso

Kulo nyaka-mali iSebe iWCED lakhe izikolo ezingaphezulu, longeza iiklasi kwizikolo ezikhoyo yaye latshintsha izikolo ezakhiwe ngezinto zokwakha ezingafanelekanga. Ibhokho imali eyongiweyo noko kuleyo yabelwe ulondolozo kodwa ibenkulu kakhulu i-backlog yezinto ezingenziwanga kulondolozo. Ngo-2013/14 iimali ezingaphezulu neeprojekthi eziza nezinto ezintsha zijolise ekuhlangabezani ezo backlog projekthi zingaphunyezwa. ISebe iWCED likugqibile ukubalwa nokufakelwa kweebhakhawudi kwiiyunithi ezizimobhayili kuzo zonke izikolo kwiphondo.

ISebe iWCED linike inkxaso ezindidi ngeendidi kubafundi abasemngciphekweni.

Ezi nkonzo zabandakanya inkxaso yezentlalo-ntle nemalunga nokusebenza kwengqondo (*social work and psychological support*); iindidi zenkxaso ekufundeni nenkxaso yongenelelo ngoncedo kwiimfuno ezizodwa; ukondliwa kwabafundi abangaphezu kwama-400 000; uthutho lwabafundi abangaphezu kwama-50 000 namanyathelo okhuselo nokhuseleko kwizikolo eziyi-296. Iingxaki abajongene nazo abafundi bethu zifuna ukuzibandakanya koluntu ngokupheleleyo yaye sisebenzisane namasebe, ii-NGOs, iiyunivesithi, iinqununu, iimanyano zemibutho yootitshala neMibutho yamaBhunga oLawulo eZikolo ukujongana nezi ngxaki.

PA Vinjevold

INtsumpa Jikelele yeSebe leMfundo

31 Meyi 2013



I Candelo B
Ingcaciso ngentsebenzo


**1. INgxelo engoXanduva malunga neNgcaciso engokwenziwa koMsebenzi
(Statement of responsibility for performance information)**

**INgxelo engoXanduva malunga neNgcaciso engokwenziwa koMsebenzi kunyaka
ophela nge-31 Matshi 2013**

IGosa eliMele ukuPhendula ngoSetyenziso lweMali lilo elithweswe umsebenzi wokulungiswa kwengcaciso engokwenziwa komsebenzi yesebe kunye nezigwebo (*judgements*) ezenziwe kule ngcaciso.

IGosa eliMele ukuPhendula ngoSetyenziso lwemali lithweswe umsebenzi wokuseka nokuphumeza inkqubo yolawulo lwangaphakathi eyenzelwe ukubonelela ngengqinisekiso efanelekileyo ngokuthembakala kwengcaciso engokwenziwa komsebenzi.

Ngokoluvo lwam, ingcaciso engokwenziwa komsebenzi ibonisa ngokufanelekileyo ingcaciso engokwenziwa komsebenzi yesebe kunyaka-mali ophela nge-31 Matshi 2013.



Igama: PA Vinjevoid

IGosa eliMele ukuPhendula ngoSetyenziso lweMali

Umhla: 31 Meyi 2013

2. Ingxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele: linjongo ezimiselwe kwangaphambili

I-AGSA njengangoku yenza iinkqubo eziyimfuneko zokuphicothwa kweencwadi zengcaciso engokwenziwa komsebenzi ukunika ingqinisekiso efanelekileyo eya kuba ziingxelo zophicotho-zincwadi. Okufunyenwe kuphicotho-zincwadi ngokwenziwa komsebenzi kuthelakiswa neenjongo esele zimiselwe kwangaphambili kubandakanyiwe kwingxelo eya kubaphathi, nethi inike ingxelo ngeziphumo ezibonakalayo (*material findings*) ezichazwa phantsi kwesihloko seeNjongo ebeZimiselwe kwaNgaphambili (*Predetermined Objective*) kwicandelo leNgxelo ngezinye iimfuno ezingummiselo zasemthethweni nezolawulo kwingxelo yomphicothi-zincwadi.

Funda iphepha 185 leNgxelo yoMphicothi-zincwadi epapashwe njengenxalenye yeCandelo E: INgcaciso yezeMali

3. ISishwankathelo soKwenziwa koMsebenzi

3.1. Imeko eNgqonge uKwenziwa kweeNkonzo

Isicwangciso sezemfundo eMzantsi Afrika *iSouth African education sector plan* siqulethwe kwi-Action Plan 2014, towards Schooling 2025. Esi sicwangciso sineenjongo eziyi-27. Eziyi-13 zokuqala zimalunga neziphumo zokufunda, zize ezinye iinjongo eziyi-14 zibe malunga nokuba zingafikelelwa njani ezi ziphumo zokufunda.

Inkqubo yokumelwa kukuphendula (*accountability system*) engqinelana nesi sicwangciso iqhagamshelene **neenjongo** zezemfundo zaseMzantsi Afrika (*South African education goals*), **izalathisi** zazo, **neethagethi** zazo kunye **nezigaba ezibalulekileyo** (*milestones*) esele kufikelelwe kuzo. Inani leenjongo liqingqiwe, izalathisi zicaciswe gca yaye zinako ukulinganiselwa. Iithagethi mazibe 'kanye kwezo nkalo kujoliswe kuzo' yaye injongo mayibe kukuphucula iziphumo zokufunda ngokungaphezulu. Zahlula-hlulwe ngokwamaphondo yaye mazingathathwa njengemida ekungenakudlulwa kuyo. Lo gama iithagethi zikazwelonke sele zimiselwe nezizethuba elide eliyе kufikelela ku-2025, izigaba ezibalulekileyo zigxininisa ngokubanzi kwiziphumo ezingqwenekayo (*desired achievements*) kwithuba eliphakathi (ukuya kwiminyaka emihlanu ezayo). Kumiselwe izigaba ezibalulekileyo kwiinjongo 1-13 kodwa akukamiselwa zigaba kwiinjongo 14 - 27 ezimalunga nokuba kufikelelwa njani kwezi ziphumo zokufunda.

IMvumelwano yoKwenziwa kweeNkonzo (*Delivery Agreement*) yitshatha ekwagqitywa ngayo ngo-2010, yasayinwa ngaba, phakathi kwabanye, uMongameli, uMphathiswa weMfundo esiSiseko naBaphathiswa bamaphondo (MECs). Iinjongo eziyi-27 zidweliswe apha ngezantsi. **Iinjongo eziphambili ezintlanu (five priority goals)** zeMvumelwano yoKwenziwa kweeNkonzo (*Delivery Agreement*), zethuba elifikelela ku-2014, ziboniswa ngombhalo ongqindilili.

linjongo **zeziphumo zokufunda** zezi:

- 1 ►Ukwandisa inani labafundi kwiBakala 3 abaya kuthi ekupheleni konyaka babe sele befikelele kolona lwazi lusezantsi lolwimi nakulwazi lokubala kwiBakala 3.
- 2 ►Ukwandisa inani labafundi kwiBakala 6 abaya kuthi ekupheleni konyaka babe sele befikelele kolona lwazi lusezantsi lolwimi nakulwazi lwemathematika kwiBakala 6.
- 3 ►Ukwandisa inani labafundi kwiBakala 9 abaya kuthi ekupheleni konyaka babe sele befikelele kolona lwazi lusezantsi lolwimi nakulwazi lwemathematika kwiBakala 9.
- 4 ►Ukwandisa inani labafundi beBakala 12 abakufaneleyo ukungenela iprogram yesiDanga sokuQala eyunivesithi.
- 5 ►Ukwandisa inani labafundi beBakala 12 abapasa *imathematika*.

linjongo zeziphumo zokufunda zezi:

- 6 ►Ukwandisa inani labafundi beBakala 12 abapasa *iphysical science*.
- 7 ►Ukuphucula umndilili (*average*) wokupasa kwabafundi beBakala 6 kwiilwimi.
- 8 ►Ukuphucula umndilili (*average*) wokupasa kwabafundi beBakala 6 kwimathematika.
- 9 ►Ukuphucula umndilili (*average*) wokupasa kwabafundi beBakala 8 kwimathematika.
- 10 ►Ukuqinisekisa ukuba bonke abantwana bahlala beqhubeka ngokwenene nesikolo ubuncinane ukuya kunyaka abagqiba ngawo iminyaka eyi-15.11 ►**Ukuphucula ukufikelela kwabantwana kwimfundo yophuhliso lwabantwana abasaqalayo esemgangathweni (ECD) abangaphantsi kweBakala 1.**
- 12 ►Ukuphucula ukupasa kwabafundi nokugqithela kwamanye amabakala ukuqala kwiBakala 1 - 9.
- 13 ►Ukuphucula ukufikelela kolutsha kwiMfundo noQeqesho oluQhubekayo (*FET*) ngaphaya kweBakala 9.

linjongo zokuba kuya kufikelelwa **njani na** kwiziphumo zokufunda zezi:

- 14 ►Ukugaya kunyaka ngamnye iqela elitsha lootitshala abasebatsha, abanomdla abaqeqeshwe ngokufanelekileyo ukuba bajoyine umsebenzi wobutiitshala.
- 15 ►Ukuqinisekisa ukubakho nosetyenziso lootitshala ngohlobo lokuba kuthintelwe ubukho beeklasi ezinamanani amakhulu.
- 16 ► **Ukuphucula ulwazi lomsebenzi nokwenza umsebenzi ngokuchubekileyo kootitshala (*professionalism*), izakhono zokufundisa (*teaching skills*) ulwazi ngezifundo (*subject knowledge*) ootitshala abanolwazi ngokusebenzisa ikhompyutha kuyo yonke imisebenzi yabo yokufundisa.**
- 17 ►Ukwenza konke okusemandleni ukuqinisekisa ukuba abasebenzi abangootitshala (*teacher workforce*) baphile qete, banelisekile yaye bayawuthanda umsebenzi wokufundisa abawenzayo.
- 18 ►Ukuqinisekisa ukuba abafundi bafikelela kuzo zonke izihloko nenkalo zezakhono ekufanele bazifunde kunyaka wesikolo oqhubekayo.
- 19 ►Ukuqinisekisa ukuba umfundi ngamnye unako ukufikelela kweyona sethi yeencwadi zezifundo nencwadi zomsebenzi isezantsi (*minimum set of textbooks and workbooks*) efunekayo ngokomgaqo-nkqubo kazwelonke.
- 20 ►Ukwandisa ukwazi ukufikelela kwabafundi kwiintlobo ngeentlobo zemidiya (*range of media*), kuqukwa neekhompyutha, eziphucula umgangatho wemfundo yabo.

21 ► Ukuqinisekisa ukuba iinkqubo zolawulo lwesikolo zonyaka (annual management processes) ziyaqhubeka kwizikolo zonke kweli lizwe ngendlela enegalelo nekhokelela kwisikolo esiqhuba kakuhle.

22 ► Ukuphucula uthatho-nxaxheba lwabazali nabahlali kulawulo kwezikolo, ngokuphucula ukwazi ukufikelela kwingcaciso ebalulekileyo ngokusetyenziswa kwesicwangciso se-*Education strategy*.

23 ► Ukuqinisekisa ukuba zonke izikolo zixhaswa ngemali ngokwawona manqanaba asezantsi ngomfundi ngamnye nabalwa ngokwemimiselo kazwelonke nokuba imali isetyenziswa ngokungafihlisiyo nangendlela eyiyo (transparently and effectively).

24 ► Ukuqinisekisa ukuba iziseko zophuhliso ezizizakhiwo zezikolo (*physical infrastructure*) nendawo engqonge isikolo ngasinye, iyabakhuthaza abafundi ukuba bafune ukuza esikolweni yaye bafunde, nootitshala bafundise.

25 ► Ukusebenzisa izikolo njengezixhobo zokukhuthaza ukwazi ukufikelela kwiindidi zeenkono zikarhulumente kwabafundi kwimiba efana nezempilo, ukunciphisa intlupheko, inkxaso yasengqondweni neyезentlalo (*psychosocial support*), ezemidlalo nezenkcubeko.

26 ► Ukwandisa inani lezikolo eziwuphumeze ngempumelelo umgaqo-nkqubo wemfundo ebandakanya bonke abafundi (*inclusive education policy*) nokwazi ukufikelela kumaziko abonelela ngeenkono zeengcali (*specialist services*).

27 ► Ukuphucula ukwandiswa kwamaxesha nomgangatho weenkono zokubeka esweni nenkxaso ebonelelwa zii-ofisi zezithili zemfundo ezikolweni ngokusetyenziswa bhetele kwemfundo i-e-Education

Amanqaku eSebe iWCED kwizalathisi aqhagamshelaniswe neenjongo zikazwelonke ezichazwe kwisiHlomelo A.

Injongo 2 eCwangciswe ngoBuchule yePhondo (*The Provincial Strategic Objective 2*), eyapapashwa ngoNovemba 2009, ibekho phambi kwesicwangciso sikazwelonke kodwa iqulethe izalathisi ezininzi kolo xwebhu. Isicwangciso sePhondo sicacisa ukuba uRhulumente waseNtshona Koloni uya kuphucula amathuba okuphila abo bonke abantwana balo kwiphondo ngokubabonelela ngemfundo esemgangathweni. Ngenxa yoku, bonke abantwana baya kuhlala besikolweni kangangelo thuba linokwenzeka baze bazuze iziphumo ezigqwesileyo. Kuza kujoliswa, nangakumbi, ngeli thuba 2010 – 2019 ekuphuculeni izakhono zokufunda, zokubhala nezokubala zabafundi. Kwithuba eliqalela ku-2014 –2014 liya kubeka isiseko sezi nkono ziphuculweyo. Kwithuba eliqalela ku-2014 –2019 abantwana beli phondo baya kuvuna iziqhamo zale nkqubo esele ilungisiwe yaphantsi kolawulo ukulungiselela ukufikelela kwiithagethi ezimiselweyo.

IsiCwangciso seNtsebenzo soNyaka (*Annual Performance Plan*) sango-2012/13 simisele ezi nkalo zintlanu ziPhambili (*Key Focuses*). Ezine zokuqala ibe zezo zicaciswe kwinqanaba likazwelonke: i) lincwadi kubandakanywa neencwadi zokwenza umsebenzi zikazwelonke ii) amanyathelo okomeleza ikharithulam ukunika inkxaso i-*Curriculum and Assessment Policy Statements (CAPS)* iii) li-*Annual National Assessments* iv) Iziseko zoPhuhliso Infrastructure v) neeSistim nenkxaso ekuphuculeni iziphumo zokufunda. Inkqubela kwiingongoma i) - iii) ichazwa phantsi kweProgram 2. Inkqubela kwiziseko zophuhliso ichazwa phantsi kwengongoma 6.8. "*Capital investment, maintenance and asset management plan*" ukuze iisistim nenkxaso kuxoxwe ngazo phantsi kweProgram 1 neProgram 2.

Ngokubanzi unyaka ka-2012/13 ubungunyaka ozinzileyo kwezemisebenzi. Oku kubangele iSebe iWCED ukuba ligxininise kumsebenzi walo ongundoqo wokuphucula iziphumo zokufunda. Izibonelelo ezingabasebenzi neziyimali, nawo onke amaphulo ongenelelo ngoncedo, zasiwa kwezo zikolo zineyona mfuno yenkxaso inkulu.

Ubundlobongela, ulwaphulo-mthetho neemeko zentlalo noqoqosho ziyaqhubeka ukubeka uxinzelelo lweemfuno ezimandla ezikolweni, ekuhambeni isikolo nakwiSebe iWCED.

3.2. Isicwangciso soPhuculo loKwenziwa kweNkonzo

Isebe ligqibe isicwangciso sokuphucula ukwenziwa kweenkonzo. litheyibhile ezingezantsi zigxininisa isicwangciso sokwenziwa kweenkonzo neenkqubo eziphunyeziweyo ukuza kuthi ga ngoku.

Itheyibhile: linkonzo eziphambili nemigangatho yenkonzo ezibonelelwe kwisiCwangciso iService Delivery Plan, 1 Apreli 2012 ukuya kwi-31 Matshi 2013

linkonzo eziphambili	Abenzelwa iinkonzo kanye kanye	Abanokuba ngabenzelwa iinkonzo	Umgangatho wenkonzo	Impumelelo kanye xa ithelekiswa nemigangatho
<p>Ukubonelela ngokwazi ukufikelela kwingcaciso nengcebiso ingakumbi emalunga nezibonelelo zeenkono nemiba engemivuzo ngokufonelela kwiZiko leeFoni</p>	<p>a) Bayi-40 310 abaqeshwa be-Sebe iWCED (31 800 Ootitshala nabasebenzi benkonzo karhulumente abayi-8 500)</p>	<p>Njengoko bedweliswe apha</p>	<p>a) IZiko leeFoni liphendula iifoni eziyi-144 000 ngonyaka b) Ukunciphisa inani leefoni "ezibekwa zingaphendulwanga (dropped" calls) liye ku-10% c) Yi-96% yayo yonke imibuzo ephendulwa kugqitywe ngayo kwakwifoni yokuqala eyenziweyo d) Yi-4% (480) ethunyelwa ezi-ofisini ekwenziwa kuzo umsebenzi (back office) ukuze ilandelelwe nge-imeyili e) Ukuphunyezwa ngokupheleleyo kwesistim yokulandelela umkhondo wemibuzo efuna kuphandwe ngomba othile f) AmaCandelo aziNtloko e-Internal Human Capital Management (IHCM) and Financial Management (FM) makaphumeze ngokupheleleyo le nkqubo ukwenzela ukusonjululwa ngokukhawuleza kwemibuzo eye yamininzi ngokugqithisileyo (480)</p>	<p>a) IZiko leeFoni larekhoda iifoni eziyi-118 046 b) Ireyithi yeefoni ezibekwe zingaphendulwanga ngeli thuba ibe ngu-13.2% ngenxa yokuhlaziywa kwezixhobo zokusebenza kulo nyaka-mali. c) Yi-95.9% yayo yonke imibuzo ephendulwa kugqitywe ngayo kwakwifoni yokuqala d) Yi-1.1% (1249) ezithunyelwa ezi-ofisini ekwenziwa kuzo umsebenzi (back office) ukuze zilandelelwe nge-IMS ne-3% ethunyelwa nge-imeyili e) Inkqubo yokulandelelwa zibandakanya i-IMS, i-imeyili, iilisti zokutshekisha nokusebenzisana ngqo ne-ofisi ekwenziwa kuzo umsebenzi (back office) f) Abaphathi beCandelo laBenzelwa iinkonzo neekomiti ezenza imisebenzi yemiba ngemiba yezemfundo (multi-functional team) bayaqhagamshelana basombulule iingxaki (cases), ngoncedo lwabasebenzi njengoko kuyimfuneko. Abaphathi beMicimbi yezeMali batyambe igosa loququzelelo elise-ofisini ekwenziwa kuyo umsebenzi (back office) ukuba lisingathe imibuzo eye isiba mininzi kakhulu (escalated queries).</p>

<p>Ukubonelela ngokwazi ukufikelela kwingcaciso kwabo benzelwa iinkonzo liSebe iWCED</p>	<p>a) ± 40 310 abaqeshwa beSebe iWCED b) ± 950 000 abafundi nabazali babo c) AmaBhunga oLawulo eZikolo kwizikolo eziyi- ± 1500 d) ± 203 izikolo ezizimeleyo e) Ayi-13 AmaSebe kaRhulumente wePhondo nayi-4 aqhagamshelane ngqo namaSebe kaZwelonke</p>	<p>Njengoko bedwelisiwe apha</p>	<p>a) Ayi-±500 amaxwebhu embalelwano afunyenwe kabini ngemini kwiibhokisi zeposi ezintathu ezahlukileyo, ziyi- ±40 iifeksi ezifunyanwa mihla le kumatshini wefeksi & nokuba lihlile inani lezikhalazo ngamaxwebhu alahlekileyo. b) Ziyi-6 iiSetyhula neengcaciso ezimfutshane ezifunyenweyo ukuze zithunyelwe ezikolweni yonke imihla ngesistim i-electronic circular system. c) Usetyenziso ngempumelelo lweesistim IMS and J-track systems ngamagosa ayi 1 200 akwaNdlunkulu nakwii-Ofisi zeZithili zeMfundo d) Ukuphunyezwa ngokupheleleyo kwe-ECM e-Filing solution (document scanning system) kwii-Ofisi zeZithili zeMfundo</p>	<p>a) Ayi ±650 amaxwebhu embalelwano afunyenwe kabini ngemini kwiibhokisi zeposi ezintathu ezahlukileyo, ziyi- ±60 iifeksi ezifunyanwa mihla le kumatshini wefeksi; la maxwebhu asiwa kumagosa angekho ngaphantsi kweSekela-Mlawuli ukuthintela izehlo zokulahleka kwamaxwebhu. b) Ziyi-±3 iiSetyhula kunye/okanye iingcaciso ezimfutshane ezithunyelwa kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo eziyi-1458, eziyi-203 izikolo ezizimeleyo, neziyi-74 izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa namagosa ayi-8 000 kwi-electronic circular system. c) I-transversal IMS ne-J-track systems zihlaziyiwe yaye kunokufikelelwa kuzo nguNdlunkulu wonke namagosa ee-Ofisi zeZithili zeMfundo ezine-intanethi. Njengangoku, ngamagosa ayi-1 100 anelungeo lokufikelela kwi-new transversal systems. d) Ukuphunyezwa kwe-WCED ECM/E-Filing kwanqunyanyiswa yaze ke yaba yi-transversal project eya kuququzelelwa yi-Centre for e-innovation yeSebe leNkulumbuso ukulungiselela ukuphunyezwa kwayo.</p>
--	--	----------------------------------	---	--

Itheyibhile: Amalungiselelo othethathethwano nabenzelwa iinkonzo, 1 Apreli 2012 ukuya kwi-31 Matshi 2013¹

Uhlobo lwamalungiselelo	Izinto kanye ezibe yimpumelelo
<p><u>Ukubonelela ngokwazi ukufikelela kwingcaciso nengcebiso ingakumbi egezibonelelo zeenkono (service benefits) nemiba engemivuzo ngokufonela kwiZiko leeFoni</u></p> <p>a) ICandelo loLawulo lwezaBasebenzi liqhuba amaphulo okwazisa uluntu (roadshows) kwiZithili ukusombulula iingxaki zabasebenzi (HRM issues) – iinkonzo ezibonelelwa liZiko leeFoni nazo zibandakanyiwe kula maphulo</p> <p>b) liBrowutsha /iPhamflethi- Makuphuculwe iintlobo ngeentlobo zeephamflethi (ingakumbi ezingemiba yabasebenzi (Human Resource issues))</p> <p>c) UBambiswano ngoqeqesho (Partnership training) phakathi kwe-ofisi eyamkela imibuzo (front-office) ne-ofisi ekwenziwa kuyo umsebenzi (back-office)</p> <p>d) Ukwandiswa ngakumbi kweentlanganiso zabaphathi phakathi kwamaCandelo: elezoNxibelelwano, eloLawulo lwaBasebenzi (HR Administration), elokuPhathwa kwaBasebenzi (HR Management) noLawulo lwezeMali (Financial Administration)</p> <p>e) Ikhweshine yaqho ngonyaka eyenzelwe le njongo kwabo benzelwa iinkonzo engokuphuculwa njengangoku komgangatho okunokwenzeka</p>	<p>a) Xa kuyimfuneko amalungu eMiddle Management Service (MMS) eCandelo eliyiNtloko leMicimbi yaBasebenzi aya kwintlanganiso yabaphathi beSithili ukuya kuchazela ii-ofisi ezichaphazelekayo ngemiba yeze-HR emalunga noku.</p> <p>b) Akukho zibrowutsha/ziphamflethi zintsha ngemiba yeHR kanye ngqo ezahanjiswa ngethuba lalo nyaka-mali. Bekukho iisetyhula okanye iingcaciso ezimfutshane nemiyalezo ekhutshwa rhoqo ngekhompyutha kwi-Human Capital Leave Management System.</p> <p>c) Abasebenzi be-ofisi eyamkela imibuzo (front office) bafumana uqeqesho umsebenzi ngamye koogxa babo, kodwa lwadityaniswa uqeqesho nolwabasebenzi abenza umsebenzi e-ofisini ukulungiselela iinguqu ezinkulu kwimigaqo-nkqubo.</p> <p>d) Iintlanganiso zaqho ngeveki zabasebenzi beCandelo laBenzelwa iinkonzo neentlanganiso zaqho ngenyanga phakathi kwaBaphathi boLawulo lwaBasebenzi (HR Management), aboLawulo lweMicimbi yaBasebenzi (HR Administration), aboLawulo lwezeMali (Financial Administration) naBenzelwa iinkonzo.</p> <p>e) Ngo-2012 kwi-Customer Satisfaction Survey yi-84% yabaphendulayo ngokumalunga neenkono zeziko leefoni njengezincomekayo nezisemgangathweni</p>
<p><u>Ukubonelela ngokwazi ukufikelela kwingcaciso kwabo benzelwa iinkonzo liSebe iWCED</u></p> <p>a) ISaveyi yokwaneliseka kwaBenzelwa iinkonzo yazisa isebe ngezimvo ezimalunga nokwenziwa kweenkonzo (Amacandelo aqinisekisa impendulo ukwenzela ukuphucula iinkonzo ezenziweyo)</p> <p>b) Iisetyhula, iingcaciso ezimfutshane nezaziso</p>	<p>a) Ngo-2012 i-Customer Satisfaction Report yenza isigqibo sokuba ngokubanzi, uphucukile umgangatho wokwenziwa kweenkonzo kwizithili nakwii-ofisi zezithili zemfundo. AmaCandelo aneenkonzo ezikumgangatho osezantsi ayaxelelwa ngeziphumo zesaveyi yaye athwele uxanduva lokuphucula amanqanaba okwenziwa kweenkonzo.</p> <p>b) Iisetyhula zeSebe iWCED, neengcaciso ezimfutshane zabaphathi nezaziso, ezikhutshwa ngeelwimi ezintathu, zithunyelwa nge-imeyili kwizikolo eziyi-1458 zikarhulumente eziqhelekileyo, eziyi-203 ezizimeleyo nakweziyi-74 zemfundo eneemfuno ezizodwa namagosa ayi-±8000 yaye zifakwa kwiziko lewebhu leSebe iWCED (WCED website).</p>

¹ Note that in this table the “Actual Customers” and “potential customers” are as listed in the table ‘Main services and service standards provided in terms of the Service Delivery Plan, 1 April 2012 to 31 March 2013’ above

Itheyibhile: Isicwangciso sokufikelela ekwenziweni kweenkonzo, 1 Apreli 2012 ukuya kwi-31 Matshi 2013

Isicwangciso soKwazi ukuFikelela (<i>Access Strategy</i>)	Izinto kanye ezibe yimpumelelo
<p><u>Ukubonelela ngokwazi ukufikelela kwingcaciso nengcebiso ingakumbi engezibonelelo zeenkono (<i>service benefits</i>) nemiba engemivuzo ngokufonela kwiZiko leeFoni</u></p> <p>a) <i>2nd Floor, Grand Central Building</i> (ngokugqitha kwiziko leefoni (<i>professional call centre</i>))</p> <p>b) Ukurekhodwa kwemibuzo ngeeyure zasemva kwezomsebenzi</p>	<p>a) ISwitshibhodi isebenza ngethuba leeyure zokusebenza ngoMvulo ukuya kuLwesihlanu ukuqala ngo-07:30 – 16:00 neZiko leeFoni leSebe iWCED-neZiko leeFoni leZikolo eZikhuselekileyo elisebenza ukuqala ngo-07:00 – 17:00, ngoMvulo ukuya kuLwesihlanu.</p> <p>b) Kuyaqhubeka ukurekhodwa kwemibuzo yeziko leefoni ngeeyure zasemva kwezomsebenzi.</p>
<p><u>Ukubonelela ngokwazi ukufikelela kwabo benzelwa iinkono liSebe iWCED</u></p> <p>a) <i>6th Floor Grand Central Building (General Registry)</i></p> <p>b) libhokisi zeposi kumnyango ekungenwa kuwo e<i>Grand Central Building</i></p>	<p>a) U-<i>General Registry</i> unika inkono yenkxaso kwisebe liphela yaye uyafumaneka ngeyure zokwenza umsebenzi.</p> <p>b) libhokisi zeposi kumnyango wokungena nakumaziko azii-<i>walk-in centres</i> kwandlunkulu zenzelwe iinkono ii-<i>Supply Chain Management Services</i> okanye iinkqubo zokuGaya nokuKhetha aBasebenzi (<i>Recruitment and Selection processes</i>) kwiCandelo loLawulo lwezaBasebenzi.</p>

Itheyibhile: Isixhobo sengcaciso yenkonzo 1 Apreli 2012 ukuya kwi-31 Matshi 2013

Iindidi zezixhobo zengcaciso	Izinto kanye ezibe yimpumelelo
<p><u>Ukubonelela ngokwazi ukufikelela kwingcaciso nengcebiso ingakumbi engezibonelelo zeenkonzo (service benefits) nemiba engemivuzo ngokufonela kwiZiko leeFoni</u></p> <p>a) ICandelo i-Internal Human Capital Administration liqhuba amaphulo okwazisa uluntu ii-roadshows kwiZithili ukusombulula imibandela yabasebenzi (HRM issues) –iinkonzo ezibonelelwa lIZiko leeFoni nazo zibandakanyiwe kule miboniso</p> <p>b) liphamfethi</p> <p>c) librowutsha</p> <p>d) Iziko</p> <p>e) lewebhu</p> <p>f) Iziko iWalk-in Centre</p> <p>g) Isicwangciso sonxibelelwano sagcinelwa iZiko leeFoni neZiko laBenzelwa iinkonzo (Call- and Walk-in centre). Icandelo loLawulo lweMicimbi yaBasebenzi (HR administration) lisaphethe imibuzo ekhethekileyo enxulumene nemicimbi yabasebenzi.</p>	<p>a) Xa kuyimfuneko amalungu eMiddle Management Service (MMS) eCandelo eliyiNtloko leMicimbi yaBasebenzi aya kwintlanganiso yabaphathi beSithili ukuya kwazisa ii-ofisi ezichaphazelekayo ngemiba yeze-HR emalunga noku.</p> <p>b) Akukho ziphamfethi ngethuba lokunika ingxelo.</p> <p>c) Akukho ziphamfethi zikhutshiweyo ngethuba lokunika ingxelo.</p> <p>d) Iziko lewebhu laba nomtsalane kubantu abangaphezu kwesigidi ngethuba lonyala ka-2012/13 (1 179 074)</p> <p>e) Bayi-20 602 abenzelwa iinkonzo abaya kwi-Walk-in Centre yeSebe iWCED, lo gama beyi-18 983 abatyela iZiko leeNdwendwe (Visitor's Centre) kumgangatho osezantsi (ground floor) kwaNdlunkulu.</p> <p>f) Isicwangciso sonxibelelwano sigcinelwe iZiko leeFoni i-Call- and Walk-in centre. Icandelo loLawulo lweMicimbi yaBasebenzi (HR administration) lilawula imibuzo ethile, ejongene ngokukodwa nemicimbi yabasebenzi.</p>
<p><u>Iindidi zezixhobo zengcaciso</u></p> <p><u>Ukubonelela ngokwazi ukufikelela kwabo benzelwa iinkonzo liSebe iWCED</u></p> <p>a) Ulawulo lweerekhodi: ukuhamba kwamaxwebhu apha ngaphakathi kwisebe kwaziswa ngokusebenzisa iiSetyhula, iiNgcaciso eziMfutshane nezaziso</p> <p>b) Isikhokelo sokhuthaza ukwazi ukufikelela kwingcaciso sisixhobo ekunokufunyanwa ngaso ingcaciso kwiSebe iWCED</p> <p>c) Iziko lewebhu leSebe iWCED liyahlaziywa malunga nokuma kweziko eli nangeenkonzo ezifanelekileyo namagosa azo enza umsebenzi</p> <p>d) Inkqubo yeposi (Postal system)</p> <p>e) Iswitshibhodi yeSebe iWCED</p> <p>f) Iziko lewebhu leSebe iWCED</p> <p>g) Iziko leeFoni ne-Walk-in centre</p>	<p><u>Izinto kanye ezibe yimpumelelo</u></p> <p>a) Ukongeza ekuhanjiseni kwengcaciso ngekhompyutha (e-dissemination) ngokugqithiswa kwii-group lists, iiSetyhula zeSebe iWCED, iingcaciso ezimfutshane nezaziso zithunyelwa kwiziko lewebhu leSebe iWCED.</p> <p>b) Isikhokelo i-PAIA seSebe iWCED siyafumaneka kwi-intanethi. Iiphamfethi ze-PAIA neephawusi zahanjiswa kwiziko zikarhulumente eziyi-1459, neziyi-633 izikolo ezizimeleyo neziyi-80 izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa. Istraksha sokuma kweziko leSebe iWCED esihlaziyiweyo nesikhokelo se-PAIA seSebe iWCED ziyafumaneka ku-intanethi.</p> <p>c) Ihlaziyiwe yonke ingcaciso ngokuma kwestraksha kweSebe iWCED, iinkonzo ezifanelekileyo nangamagosa oqhagamshelwano/awenza lo msebenzi.</p> <p>d) Isistim yeposi yeSebe iWCED igcinwa isebenza kakuhle, isebenza ngokupheleleyo yaye abenzelwa iinkonzo bayafikelela kuyo.</p> <p>e) Iswitshibhodi inabasebenzi yaye iyasebenza.</p> <p>f) Iziko lewebhu lisebenza ngokupheleleyo yaye lihlaziyiwe.</p> <p>g) Liyasebenza iZiko leeFoni neZiko laBenzelwa iNkonzo</p>

Itheyibhile: linkqubo zokulungiswa komonakalo wangaphambili (Redress mechanism), 1 Apreli 2012 ukuya kuMatshi 2013

linkqubo zokwenza izikhalazo	Izinto kanye ezibe yimpumelelo
<p><u>Ukubonelela ngokwazi ukufikelela kwingcaciso nengcebiso ingakumbi engezibonelelo zeenkondo nemiba engemivuzo ngokufonela kwiZiko leeFoni</u></p> <p>a) Umphathi weZiko leeFoni makabeke esweni izikhalazo b) Ifasilithi yokuchaza ngokuqhubekayo kwiziko lewebhu c) ICandelo loQinisekiso loMgangatho – ICandelo leziKhalazo d) Umlinganiselo wokwaneliseka kwabenzelwa iinkondo kwiziko leefoni e) Izikhalazo kubaphathi babasebenzi abenza umsebenzi ezi-ofisini (<i>back-office managers</i>) ngesithili ngasinye. f) Uhlaziyo lwaqho ngonyaka lweenkcukacha okanye njengoko luyimfuneko</p>	<p>a) Luyaqhubeka njengoko luyimfuneko b) Imibuzo yekhompuyutha ibe yi-787 c) Ngo-2012 kwi-<i>Customer Satisfaction Survey</i> yi-81% eyaphendulayo ngokumalunga neenkondo zeZiko laBenzelwa iiNkonzo (<i>Walk-in Centre</i>) neyavakalisa ukuba zezincomekayo nezisemgangathweni. d) Ngo-2012 kwi-<i>Customer Satisfaction Survey</i> yi-84% eyaphendulayo ngokumalunga neenkondo zeziko leefoni neyavakalisa ukuba zezincomekayo nezisemgangathweni.. e) ICandelo laBenzelwa iiNkonzo (<i>Client services</i>) nabanye abaphathi bayathetha-thethana basingathe izikhalazo njengoko kuyimfuneko. f) Iinkcukacha zoqhagamshelwano ziyahlaziywa njengoko kuyimfuneko</p>

linkqubo zokwenza izikhalazo	Izinto kanye ezibe yimpumelelo
<p><u>Ukubonelela ngokwazi ukufikelela kwabo benzelwa iinkondo liSebe iWCED</u></p> <p>a) Iingxowa zePosi ezilungiselelwe oko (<i>Post Office mail bags</i>) neebhokisi zeposi kwiminyango yokungena kwizakhiwo zee-ofisi b) I-imeyili (nge-<i>Intanethi no-GroupWise</i>) c) Ifasilithi yokuchaza ngokuqhubekayo kwiziko lewebhu d) ICandelo lezikhalazo e) Inkqubo yeposi (<i>Postal system</i>) f) Iswitshibhodi yeSebe iWCED</p>	<p>a) Iibhokisi zeposi kwiminyango yokungena nakwi-<i>walk-in centre</i> kwandlunkulu zenzelwe iinkondo ze-<i>Supply Chain Management Services</i> okanye iinkqubo zokuGaya nokuKhetha aBasebenzi (<i>Recruitment and Selection processes</i>) kwiCandelo loLawulo lwezaBasebenzi. b) Isistim iWCG <i>Corporate email system</i> iyasetyenziswa. c) Bekukho imibuzo yekhompuyutha eyi-787 kunyaka ophantsi koqwalaselo. d) Izikhalazo zisiwa kumacandelo achaphazelekayo ukuba ziqwaselwe. e) Isistim yeposi yeSebe iWCED igcinwa isebenza kakuhle, isebenza ngokupheleleyo yaye abenzelwa iinkondo bayafikelela kuyo. f) Iswitshibhodi iyalawulwa yaye iyasebenza.</p>

3.3. Imeko engqonge iSebe

ISebe iWCED line-ofisi yomphathiswa wezemfundo, ephethwe nguMphathiswa wezeMfundo eNtshona Koloni, undlunkulu wephondo, ii-ofisi zezithili namaziko emfundo, kubandakanywa izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo, izikolo zemfundo eneemfundo ezizodwa, namaziko e-ECD. Ikholeji zeFET namaziko emfundo oluntu abonisiwe kwesi siCwangciso seNtsebenzo soNyaka kodwa njengoko kutshiwo kule mithetho ingezantsi, ulawulo lwawo lusekwisigaba sotshintsho (*transitional stage*) ngokuxhomekeke ekugqityweni kwazo zonke iinkcukacha zokutshintshelwa kwiSebe leMfundo ePhakamileyo noQeqesho (*Department of Higher Education and Training*).

2012	103 444	88 536	81 415	83 922	79 900	78 384	76 432	77 561	90 815	72 714	58 758	43 111	934 992

Umthombo weDatha : 2001 – 2011: Annual Survey for Schools (Public Ordinary schools excluding LSEN unit learners)

Le theyibhile ibonisa ukuba akukho kwanda kwamanani okufanayo kumabakala onke ephela. Iitotali kumaBakala 11 no-12 zibonisa ukugcinwa kwamanani okubhetele. Ukuhla kwamanani kumaBakala 11 no-12 kuphantsi koqwalaselo ngokuthi kuphuculwe ukukhethwa kwezifundo ekupheleni kweBakala 9, ukunikwa ingcebiso ngeentlobo zamakhondo omsebenzi ezinokukhethwa kunye nezifundo ezikhethwayo nokomelezwa kwenkxaso kwizifundo okunikwa izikolo eziphakamileyo.

Iitotali ezinkulu kumaBakala 1 no-9 zibonisa ukuba kukho amanani amakhulu abafundi abaphinda la mabakala. Le yimiba ephantsi koqwalaselo namaphulo ongenelelo ngoncedo awodwa ukunciphisa iireyithi zokungapasi. Iindlela eziboniswa ngamanani obhaliso ziyachatshazelwa lutshintsho, kwinqanaba likazwelonke, kumgaqo-nkqubo weminyaka yokwamkelwa kwabafundi esikolweni kwiBakala 1 ngo-2000, nowavumela izikolo ukuba zibhalise kuphela abafundi abaminyaka isi-7 kunyaka wokwamkelwa kokuqala ngqa esikolweni. Ngenxa yoku, inani lobhaliso

⁵ Makuqatshelwe ukuba ithemplethi yecandelo lezemfundo kwi-Annual Performance Plan ayifuni ukuba amasebe inike izalathi ii-Strategic Objective indicators. Imeko ye-Programme Performance iyawuzalisekisa lo msebenzi.

kwiBakala 1 belisezantsi kuneminyaka engaphambili. Kwathi ngethuba kwakutshintshwa imfuno engummiselo yobudala bokwamkelwa esikolweni ngo-2004, ngokuthi kuqaliswe omnye umgqaliselo, aphinda anda amanani obhaliso kwakhona. Iklasi yeBakala 1 ka-2004 yangena kwisikolo esiphakamileyo ngo-2011. Oku kungunobangela wokuhla kwenani lilonke lobhaliso kwizikolo eziziprayimari nokwanda kwamanani kwizikolo eziphakamileyo. Oku kukwanegalelo kwinani elandileyo labafundi beBakala 9 ngo-2012.

Ukufudukela kwabantu kweli phondo kuhlala kusenza igalelo elibonakalayo kumanani obhaliso yaye iindawo abantu abakhetha ukuhlala kuzo nazo zibangela uxinzelelo kwindawo yokuhlala kwiindawo ezisakhulayo (*developing areas*). Ngo-2012 bekukho malunga nabafundi abayi-18 000 ababhalise kwiCEMIS okokuqala ngqa (kungabandakanywanga abafundi beBakala 1).

Inkxaso eNikiweyo

Iprogram yemimiselo nemigangatho yolwabiwo-mali (Norms and standards), yezikolo ezingabizi zifizi (no fee schools) neprogram yokuxolelwa ekuhlawuleni iifizi (fee exemption programme)

Iimali ezasetyenziselwa ukuhlawula inkcitho kwezemfundo, iMimiselo neMigangatho yolwabiwo-mali ezikolweni, ziyalinganiselwa ukwenzela ukuba izikolo zabahlali abahlelekileyo zabelwe iimali ezingaphezulu. Esi sixa sandile ngo-2012/13 ngolu hlobo:

Inqanaba leNtlupheko	Inani lezikolo	Isixa se-Randi ngomfundi ngamnye ngo-2011	Isixa se-Randi ngomfundi ngamnye ngo-2012
NQ 1	314	905	960
NQ 2	164	829	880
NQ 3	191	829	880
NQ 4	321	455	481
NQ 5	454	208	213
Itotali	1 444 ⁶	569 (i-avareji)	599 (i-avareji)

Onke amacandelo emithombo yeemali ezisetyenziswa ngokwengqiqo yomabi weengxowa-mali (*discretionary funding streams*), afana neprogram yezikolo ezingabizi zifizi nokwabelwa kwezikolo ootitshala abongezelelweyo, ibhekiswa ngakwicala lokulungisa umonakalo wethuba langaphambili (*historical disadvantage*) ukuphelisa ifuthe lentlupheko. Umgqaqo-nkqubo wezikolo ezingabizi zifizi usetyenziswa kumanqanaba 1, 2 no-3 entlupheko kazwelonke ekuye kwaxhamla abafundi abayi- 370 617 amanani enyukile ukusuka ku-368 142 ngo-2011/2012.

⁶ Izikolo ezitsha zixhaswa ngemali evela kumthombo owahlukileyo ngonyaka eziqala ngawo ukuvulwa INgxelo yoNyaka 2012/13

Imeko yeefizi	Inani lilonke lezikolo
Ezingabizi zifizi	672
Izikolo ezibiza iifizi	783
Ifotali iyonke	1 455

Ngo-2011 izikolo kumaNqanaba 4 no-5 eNtlupheko zancelwa zifake isicelo sembuyiselo ukujongana nokuxolelwa ukuhlawula iifizi kwabo bafundi bangenako ukuhlawula iifizi. Ifotali yezikolo eziyi-510 kweziyi-773 zenza izicelo yaye isixa esizizigidi eziyi-R20, 4m sahlawulwa kwezo zikolo. Ngo-2012, inani lezikolo ezenza izicelo landa ukuya kufikelela ku-652 yaye isixa-mali esihlawulweyo ezikolweni ukubuyisela izikolo ezazinike uxolelo kwintlawulo yeefizi yi-R30, 1m.

Iprogram yoKutyisa abafundi


I-National School Nutrition Programme yabonelela abafundi abayi-431 998 (426 707 ngo-2012) ngokutya okunesondlo yonke imihla kwizikolo eziyi-1 021 (1015 ngo-2012) eziziiPrayimari, zeMfundo eneeMfuno eziZodwa nezikolo eziziiSekondari ezithagethiweyo. Kwaqhutywa oomasifundisane bamavolontiya aphantsi ukutya (*volunteer food handlers*) malunga nokhuseleko lokutya nokusebenzisa irhasi nococeko (*food and gas safety and hygiene*). Ootitshala, abazali nabafundi baqhutyelwa iikhosi ezingokuveliswa kokutya.

Iziphumo zeeMvavanyo

Imfundo kwizikolo eziziiprayimari: ULwimi neMathematika kumaBakala 3, 6 no-9 eNtshona Koloni

Ukususela ngo-2002 ukuya ku-2009, iSebe iWCED labhalisa iimvavanyo zolwimi nemathematika kubafundi bamaBakala 3 no-6 kwiminyaka ekushiya ube mnye phakathi (*alternate years*) ukwenzela ukulandelela inkqubela yabo nokufumanisa ingxaki. Ngo-2010 iSebe iWCED, lavavanya okokuqala ngqa, bonke abafundi bamaBakala 3, 6 no-9 ukuqinisekisa imeko yokufunda ulwimi nemathematika kwizikolo ngasinye kwiphondo. Eli ibilithuba lokuqala ngqa lokuvavanywa kwabafundi beBakala 9. Uvavanyo lweBakala 9 yayiliphulo lokulinga (*pilot exercise*) lokumisela uvavanyo lokwandlalela. Ngo-2011, iSebe iWCED landisa inqanaba lemingeni efuna ingqondo ezikisayo ukucinga (*cognitive challenge*) kwiimvavanyo ngakumbi kwiimvavanyo zolwimi, ukwenzela ukubeka eyona milinganiselo isezantsi ingumzekelo kwiphondo. Ngakumbi, iiteksti ezinde nezintsonkothileyo ezaye zabandakanywa kwiimvavanyo zolwimi.

Amanqaku eemvavanyo abonisa ukuphucuka komgangatho kumabakala omathathu ephela kuzo zozibini izifundo, kukho nokona kuphucuka komgangatho kukhulu kumanqaku ovavanyo oLwimi kwiBakala 3, ukusuka kwireyithi yokupasa engu-30.4% ngo-2011 ukuya kwengu-38.9% ngo-2012.



limvavanyo zika-2012 zanikwa izikolo ngoJanuwari 2013 yaye sele zisetyenzisiwe ekunikeneni inxaso iziCwangciso zoPhuculo lweSikolo (*School Improvement Plans*) neethagethi zika-2013.

Iziphumo zeNkqubo yeMfundo kumaBakala 3, 6 & 9 ngo-2012						
Izikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo						
	IBakala 3		IBakala 6		IBakala 9	
	Ulwazi lokuBala	Ulwazi loku-Funda noku-Bhala	IMathe-matika	Ulwimi	IMathe-matika	Ulwimi
Ababhalayo	77 621	77 623	74 422	74 407	78 825	78 677
Abapasayo	39 975	30 195	19 647	27 456	10 957	37 922
I-% yabapasayo	51.5	38.9	26.4	36.9	13.9	48.2
Umdlili (Mean)	48.9	43.7	39.5	45.1	29.2	50.7

ISatifikethi seMatriki sikaZwelonke (National Senior Certificate)

Unyaka ka-2012 yayingunyaka wesihlanu weemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (NSC). Kubekho inxaso enkulu enikwe izikolo zaseNtshona Koloni. INtshona Koloni iphumelele ngereyithi yokupasa engu-82.8%. Ngo-2012, bekukho abaviwa abayi-4 712 ngaphezulu abapasileyo kunango-in 2011 nabayi-1 104 ngaphezulu abanokungenela isiDanga sokuQala. Ireyithi yokupasa kwiMathematika yande yaya kutsho ku-73.5% ukusuka ku-68.7% ngo-2011. Kwi-Physical Science ireyithi yokupasa ngo-2012 ibingu-70.9 %, inyuke isuka kwinani elingu-65.3 % ngo-2011.

Iziphumo ii-WCED Comparative NSC results 2009 - 2012						
Unyaka	Ababhalayo	Abapasayo	I-% yabapasayo	Abanokungenela isiDanga sokuQala	I-% yabanokungenela isiDanga sokuQala	Izikolo ezinereyithi yokupasa <60%
2009	44 931	34 017	75.7	14 324	31.9	85
2010	45 783	35 139	76.8	14 414	31.5	78
2011	39 988	33 146	82.9	15 215	38.1	30
2012	44 700	36 992	82.8	16 319	36.5	26

Iimvavanyo ii-Annual National Assessments (ANA)

Ngo-2012 ii-Annual National Assessments zabhalwa ngabafundi abayi-605 322 kumaBakala 1 – 6 no-9. Lo ibingunyaka wokuqala ngqa kuvavanywa iqela liphelele labafundi beBakala 9. Zonke izikolo zikarhulumente ezizimeleyo nezikolo eziyi-57 ezizimeleyo eNtshona Koloni zathatha inxaxheba kuvavanyo lukazwelonke.

Ngo-2012, zonke iimvavanyo zamakishwa ezikolweni phantsi kweliso lekomiti yolawulo yesikolo. Ukuqinisekisa ukuba ukumakisha kuyangqinelana kuzo zonke izikolo kwiphondo, isampula yeencwadi zeempendulo ezintathu ngeklasi nganye kwisikolo ngasinye kumaBakala 3, 6 no-9 zamakishwa kwakhona kumaziko okumakishela amahlanu eNtshona Koloni.

Iziphumo zeemvavanyo zango-2012 zakhutshwa ngo-Januwari 2013 ukuya ezikolweni ngeCentralised Education Management Information System (CEMIS). Isikolo ngasinye safumana iziphumo zaso, iziphumo zeseke the, ezezithili zemfundo nezephondo. Ezi ziphumo zidibene neprogram yovavanyo yephondo, ziya kunceda ekufumaniseni iingxaki nasekulandeleleni inkqubela kwiilwimi nakwimathematika ezikolweni. Iprogram yovavanyo yomeleza ugxininiso lokumelwa kukuphendula ngokuqhubekayo kwakunye nemfuno yokufundisa okusemgangathweni ukulungiselela ukufunda okusemgangathweni.

	WCED 2011 Ulwimi	WCED 2012 Ulwimi	Ulwimi lweeNkobe 2012	WCED IMathematika 2011	WCED IMathe- matika 2012	KuZwelonke iMathe- matika ngo-2012
IBakala 1	67	61	58	66	70	68
IBakala 2	55	60	55	58	62	57
IBakala 3	46	57	52	36	47	41
IBakala 4	42	55	43	35	46	37
IBakala 5	39	51	40	35	39	30
IBakala 6	43	50	43	41	33	27
IBakala 9	n/a	48	43	n/a	17	13

Uphuhliso lootitshala

Ukuqhubeka nophuhliso lootitshala kwiSebe iWCED luhlala lungumba ophambili ekujoliswe kuwo.

Ootitshala

I-Nkcazo yeKharityhulam kaZwelonke (*National Curriculum Statement*) yaphuculwa yaza yenziwa iNkcazo eyi-Curriculum and Assessment Policy Statements (CAPS). I-CAPS ichaza ngesifundo ngasinye, ixesha lokufundisa, ikhontenti, izakhono, iZibonelelo eziXhasa ukuFunda nokuFundisa (LTSM) eziyimfuneko nobungakanani bamanqaku amakanikwe nemigqaliselo yovavanyo (*weightings and prescriptions*). Olu xwebhu lunenzuzo ngokuba luqulethe zonke ezi mfuno zingummiselo kuxwebhu olunye. Iinguqu eziphambili ezenziwe yi-CAPS zezokuba kufanele kubekho umthwalo wolawulo onganeno kootitshala, iinkcazo ezicace gca ngekhontenti yezifundo neenkqubo ezinamandla zokufundisa nezovavanyo.

Ngo-2012, iSebe iWCED laqeqesha ootitshala kumaBakala 4-6 nakwiBakala 11 ukulungiselela ukuqaliswa kweCAPS ngo-2012. Oku kwenziwa ngeeprogram zoqeqesho zeentsuku ezi-3 ngeeholide kubo bonke ootitshala abachaphazelekayo.

Ngo-2009 iSebe iWCED laqalisa uqeqesho lweminyaka eyi-8 nesicwangciso senkxaso ukuxhasa uphuhliso loLwimi neMathematika. Le program, eyenziwa ngababoneleli-nkonzo abaziingcali kootitshala abakumaBakala 1 – 6 iqhutywa ngolu hlobo lulandelayo.

Unyaka 1 (2009): izikolo eziyi-250 zokuqala	IQela 1 (izikolo eziyi-125) Uqeqesho kuLwazi lokuBala ngeholidi kaJuni IQela 2 (izikolo eziyi-125) Uqeqesho kuLwazi lokuFunda nokuBhala ngeholidi kaJuni Inkxaso eqhubekela ezikolweni (izikolo eziyi-250) Iincwadi zokufunda neLTSM (izikolo eziyi-250)
Unyaka 2 (2010): izikolo eziyi-250 kunyaka wesibini woqeqesho	IQela 1 (izikolo eziyi-125) Uqeqesho kuLwazi lokuFunda nokuBhala ngeholidi kaJuni IQela 2 (izikolo eziyi-125) Uqeqesho kuLwazi lokuBala ngeholidi kaJuni Inkxaso eqhubekela ezikolweni (izikolo eziyi-250) Iincwadi zokufunda neLTSM (izikolo eziyi-250)
Unyaka wesi-3 (2011): izikolo eziyi- 250 zeqela lesibini – ngokwenkqubo efanelekileyo beziyi-258 izikolo	IQela 3 (izikolo eziyi-129) Uqeqesho kuLwazi lokuBala ngeholidi kaJuni IQela 4 (izikolo eziyi-129) Uqeqesho kuLwazi lokuFunda nokuBhala ngeholidi kaJuni Inkxaso eqhubekela ezikolweni (izikolo eziyi-258) Iincwadi zokufunda neLTSM (izikolo eziyi-258)
Unyaka 4 (2012): izikolo eziyi-258 zeqela lesibini kunyaka wesibini woqeqesho	IQela 3 (izikolo eziyi-129) Uqeqesho kuLwazi lokuFunda nokuBhala ngeholidi kaJuni IQela 4 (izikolo eziyi-129) Uqeqesho kuLwazi lokuBala ngeholidi kaJuni Inkxaso eqhubekela ezikolweni (izikolo eziyi-258) Iincwadi zokufunda neLTSM (izikolo eziyi-258)
Le ndlela yokwenza iya kuphindwa iminyaka emi-5 ukuya kwesi-8, o.k.t. phakathi ko-2013 no-2016, ukwenzela ukuba zonke izikolo eziziiprayimari ziqeqeshwe yaye zinikwe inkxaso kwizikim zokufunda nezibonelelo zokufunda kwithuba leminyaka esi-8.	

Iprogram yoLwimi neMathematika (*Language and Mathematics Programme*) ngo-2010 yabonelela izikolo eziziprayimari eziyi-258 ngoqeqesho olumandla (*intensive training*) nangenkxaso eqhubekela kumaziko kootitshala bamaBakala 1-6.

Uqeqesho nophuhliso lo gama usenkonzweni lwenziwa e-CTLI. Iikhosi zoqeqesho eziyi-23 zaqhutyelwa ootitshala kwiSigaba seSiseko, kwiSigaba esiPhakathi nakwiSigaba saBadala: Ootitshala abayi-1001 baya kolu uqeqesho lweekhosi zekharithulam lweeveki ezintathu kulo nyaka-mali. Ayi-466 amalungu eeKomiti yoLawulo lweSikolo afumana uqeqesho ngeekhosi zolawulo eziyi-11 ezaqhutywa ngeli thuba. Zilithoba iikhosi kwi-Life Sciences, Physical Science ne-Mathematics. Bangamakhulu amathathu anesithathu ootitshala abaya kwezi khosi zosuku olunye. Ngako oko bayi- 2 503 bebonke abafumana uqeqesho kwiikhosi ze-CTLI kulo nyaka-mali.

Iinqununu

Ugxininiso kulo nyaka belusekuboneleleni ngozinzo oluphuculweyo ezikolweni nakuphuhliso nenkxaso kwiinqununu ebezingenawo amava, okanye ebezifuna ukunikwa ingcebiso engaphezulu, okanye ezinomdla wokuphucula amabanga emfundo yoqeqesho. Iikhosi zabaphathi bezikolo, zagxininisa kwizihloko ezabandakanya iiNdima neMisebenzi yamaSekela-nqununu (*Roles and Responsibilities of Deputy Principals*), iNdima neMisebenzi yeeNtloko zazeZifundo, iiNqununu ezibonisa umdla nolangazelelo (*Aspiring Principals*), iiNkokeli zeZikolo ezibonisa umdla nolangazelelo (*Aspiring School Leaders*), uQhelilano lweNqununu ezisanda kuqeshwa (*Newly Appointed Principals*), uqeqesho lwekomiti yolawulo yesikolo naBasetyhini abakwizikhundla zolawulo nabanomdla.

Kusetyenziswa umlinganiselo olingana ne-1% ye-peyiroli yeSebe iWCED ukuphucula izakhono nobuchule babo bonke abaqeshwa beSebe iWCED. Amanqanaba ezakhono ootitshala, nabasebenzi benkonzo karhulumente kujongenwe nawo ngokunjalo ngamaphulo ongenelelo ngoncedo eProgram *iWorkplace Skills' Programme (WSP)*.

Amabanga emfundo akhredithiweyo (Accredited qualifications)

Iikhosi zokufundiswa apho kuthagethwa okuthile, ezifana ne-Advanced Certificate in Education (ACE) ezigxininisa kuBunkokeli eSikolweni zaqhutywa kumaziko emfundo aphakamileyo. Ezi khosi zixhaswa ngemali liSebe iWCED kumsebenzi wokuphucula umgangatho kubunkokeli nakulawulo ezikolweni. Bekukho abayi-373 abaxhamlayo ngo-2012/13.

Ukwandisa inani lootitshala abaqeqeshwe ngokufanelekileyo kwimathematika nesayensi, iSebe iWCED labonelela ngeebhasari zaphambi kokungena enkonzweni abayi-168 (*pre-service bursaries*) njengoko ugxininiso ku-2012/13 lumi ngolu hlobo lulandelayo: ISigaba seSiseko: 88; ISigaba esiPhakathi: 30 kwi-FET 35; ISatifikethi i-Post-graduate Certificate of Education: 8; IsiDanga seSayensi (Bachelor of Science): 7.

Enye inxaso enikiweyo

liteksti kubandakanywa neencwadi zokwenza umsebenzi

Ngo-2012, iSebe leMfundo esiSiseko kuZwelonke labonelela ngeencwadi zokwenza umsebenzi ngolu hlobo lulandelayo:

iincwadi zokwenza umsebenzi ezibonelelweyo	AmaBakala
ULwimi lweeNkobe, isiNgeso uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo, iMathematika neZakhono zoBomi	ISigaba seSiseko (AmaBakala R-3)
IMathematika, uLwimi lweeNkobe nesiNgesi uLwimi lokuQala oloNgezelelyo	ISigaba esiPhakathi (IBakala 4 – 6)
IMathematika	ISigaba saBadala (AmaBakala 7-9)

Ukusetyenziswa kweencwadi zokwenza umsebenzi kuxhaswa yaye kubekwe esweni ngamagosa eSebe iWCED yaye kulandelelwa ngeprogram *i-School Improvement Monitoring programme*.

ISebe iWCED linenjongo yokubonelela ngeencwadi zezifundo ezingqinelanise neCAPS kumfundi ngamnye ukunika inxaso ekufundeni nasekufundiseni okusemgangathweni. Iimali eziphawulelwe le njongo zibekelwe bucala ukulungiselela oku, ukongeza kwimali ezabiwa ngokwemimiselo nemigangatho qho ngonyaka.

Ngo-2012/13, iSebe iWCED latyala imali kwincwadi zezifundo ezingaphezu kwezigidi eziyi-*R144 million*, kwizikhokelo zootitshala nakwii-core readers ukunika inxaso ukuphunyezwa kweCAPS kwiSigaba esiPhakathi (AmaBakala 4-6) neBakala 11. ISebe iWCED lanika umfundi ngamnye kumaBakala 4-6 incwadi yesifundo kwisifundo ngasinye kwezithandathu nezisixhenxe kumfundi ngamnye weBakala 11. Ngenxa yokuhlaziywa koxwebhu lwe-CAPS yeSigaba esiPhakathi (*Intermediate Phase CAPS document*) kwi-Natural Sciences nakwi-Technology (NS/T), akukho zincwadi zezifundo zanikwayo kwikhathalogu kazwelonke. ISebe iDBE lanika umfundi ngamnye kumaBakala 4 -6 iincwadi zokwenza umsebenzi kwi-NS/T. ISebe iWCED lanika umfundi ngamnye kubafundi bamaBakala 4 - 6 i-core reader yoLwimi lweeNkobe.

Isikhokelo semimiselo nemigangatho yeSebe iWCED sicebisa ukuba ngaphezu kwe-50% yesabelo sisonke sezibonelelo kufanele sibekelwe ukuthenga i-LTSM, ne-10% yayo emayigcinelwe izibonelelo zaselayibrari. Isikhokelo sikwacacisa nokuba umfundi ngamnye makabe nencwadi yesifundo ngasinye nokuba istokhwe seencwadi nezibonelelo zelayibrari kufanele sandiswe qho ngonyaka de inani eliyitotali yeencwadi libonise umgangatho wamazwe ngamazwe ongowona usezantsi (*minimum international standard*) wee-ayithem ezili-10 ngomfundi ngamnye.

Iprogram yokubonelelwa kwezikolo ngeencwadi ixhaswa ngumgaqo-nkqubo wokugcina iincwadi (*book retention policy*) owaqaliswa ngoNovemba 2010 ukwenzela ukuqinisekisa ukuba abafundi bayazibuyisa iincwadi zabo ekupheleni konyaka wokufunda ukuze iincwadi ziphinde zisetyenziswe kwakhona qho ngonyaka.

Ngo-2012, iCEMIS yasetyenziselwa ukuqokelela ii-odolo zeencwadi zezifundo ezikolweni ukulungiselela uku-odolwa kweencwadi zezifundo okuqikelelwayo kunyaka olandelayo. Le nkqubo yokusetyenziswa kwekhompyutha yaba neziphumo eziyimpumelelo ngokumalunga nexesha, ukwenziwa komsebenzi nendleko nokuvumela inkqubo yokubeka esweni kwikhompyutha inkqubela nokulungiselela ukwenziwa kwengxelo. Ukongeza apho, ngo-2012/13, iSebe i-WCED lachitha izigidi eziyi-R6-m kwiincwadi nezinye izinto zaselayibrari zeelayibrari zezikolo kwizikolo eziziprayimari ezifundisa ngesiXhosa kumaNqanaba 1, 2 no- 3 eNtlupheko laza laqalisa ngezinye iindlela zokubeka esweni ezinokwenziwa ukuqinisekisa ukuba ezi zibonelelo ziyasetyenziswa.

I-Mathematika neFizikhali Sayensi

IsiCwangciso *i-Mathematics and Physical Science Strategy*, esaqaliswa ngo- 2011, sandiswa saza somelezwa ngo-2012. Esi sicwangciso sinemingxilo emihlanu (*five thrusts*): izikolo (zibandakanya ukukhethwa kwakhona kwezikolo zeprogram yeDinaledi, ukuseka ii-*incentive schools*) nokuhlela izikolo zonke ngokwamanani obhaliso kwizifundo ukwenzela amaphulo ongenelelo ngoncedo ekujoliswe kuwo nenkxaso yesithili enentsingiselo); iNkxaso noPhuhliso looTitshala (*Teacher Support and Development*) (ibandakanya uqeqesho looTitshala nenkxaso, ukubeka esweni okuqhubeka eklasini nokugaya ootitshala nokufakwa kwabo kwezinye izithuba zomsebenzi (*teacher recruitment and deployment*); iZibonelelo neNkxaso (*Resources and Support*) (zibandakanya zonke izibonelelo ezifana nezixhobo, iLTSM, i-ICT nezinto ze-*e-learning material* nenkxaso); abafundi (kubandakanywa inkxaso kubafundi, efana nee-*telematics programmes*, ii-*olympiads*, amaphepha emibuzo okuprekhtiza (*practice examination papers*), iingcebiso, izifundo ezongezelelweyo (*extra lessons*), ukufumana ulwazi ngemathematika nesayensi kwezorhwebo nakwihlabathi); nephulo lenkxaso *i-Monitoring, Evaluation and Advocacy*.

I-Physical Education

I-Physical Education ibe ngundaba-mlonyeni njengenxalenye ebalulekileyo ye-CAPS. ISebe iWCED liqalise isicwangciso sokuthatha inxaxheba (*proactive strategy*) ukunceda ootitshala ngokubanika *i-Physical Education Manual* enengcaciso ebanzi. Le ncwadana ibonisa isicwangciso sezifundo *i- 40-week lesson plan* samaBakala 1– 9 kunye ne-DVD ebonisa ukuba *i-Physical Education* inokufundiswa njani na. Le ncwadana yasiwa kuzo zonke izikolo eziziprayimari nezikolo eziphakamileyo kwiphondo kunyaka-mali ka-2010/11. Ootitshala abaziinkokeli neengcali ze*Physical Education* zinika inkxaso ekuqalisweni ngokusesikweni kwe*Physical Education* kwiphondo.

Bayi-53 aBacebisi ngezeKharityhulam beSigaba seSiseko nootitshala abaziinkokeli abayi-120 beSigaba seSiseko abaqeqeshwayo kwithuba leentsuku ezi-3 ngoMatshi 2012. Kuya kulandelwa inkqubo efanayo yokuvuselela *iPhysical Education* kwisigaba esiphakathi nakwisigaba sabadala ngokwesicwangciso sophunyezo seCAPS (*CAPS implementation strategy*).

Ngenxa yoku, kwenziwe amaqela entsebenziswano phakathi kweSebe iWCED neSebe lezeNkcubeko, uBugcisa nezeMidlalo (*Department of Culture, Art and Sport (DCAS)*) ukomeleza ukuphunyezwa kwe-*Physical Education* kwizikolo apho ingekhoyo khona. I-DCAS izimisele ukuxhasa ngezimali aBancedisi bootitshala (*Teacher Assistants*) be-*Physical Education* ukunika inkxaso ukuphunyezwa kwe-*Physical Education* kwizikolo ezikhethiweyo ezifuna uncedo olongezelelweyo. Ezi zikolo zikwafumene nezixhobo zokunika inkxaso i-*Physical Education*. Ukongeza apho, iprogram zokuphucula isikolo yeSebe iWCED yasa izixhobo ze-*Physical Education* kwizikolo eziyi-80 ezingathathi ntweni kwiphondo.

IProgram yeZikolo eziPhakamileyo

IProgram yokuPhucula iZikolo zamaBakala aPhakamileyo (*High School Improvement Programme*) ijolise ekwandiseni amanani abafundi abapasa iSatifikethi seMatriki sikaZwelonke nokunciphisa inani lezikolo ezingaqhubi kakuhle. I-*High School programme* yaqala ngo-Januwari kwaye inendlela enomahluko eqhuba ngayo kuzo zonke izikolo eziphakamileyo kwiphondo. Kunikwe inkxaso encinane kwezo zikolo apho kwapasa abafundi abangaphezu kwe-90% kunyaka ongaphambili, zaza ezo zifumene ireyithi yokupasa engu-60% – 89% zanikwa inkxaso ephakathi nokugxininisa kwizifundo ezithile ukanti kwezo zikolo bangaphantsi kwe-60% abapasileyo, kwagxininiswa ngamandla kwisikolo siphela kwabo bafundi.

NgoJanuwari 2012 nango-2013 kwakhona, iSebe iWCED, libambisene nezikolo ezichaphazelekayo, lacalula iziphumo zesikolo ngasinye, ngokwesifundo nangokwephepha lemibuzo ngalinye. Kwamiselwa izicwangciso, neethagethi ezihambelana ngqo nezikolo, ngokususela kolu cazululo. Kwamiselwa ngesikolo nangesithili ngasinye iithagethi zamanani okupasa abafundi abanokwamkelwa kwizifundo zezidanga zokuqala (*B-degrees*). Inkxaso eyodwa ibonelelwe kubafundi abasengozini.

Iphulo elitsha lika-2013 libe kukuqaliswa kwethemplethi efanayo ye-*District Improvement Plans*, kugxininiswa ekunciphiseni ireyithi yokungapasi (*reduction of the failure rate*) kumaBakala 1-9 (oku ikukuqhubeka nokugxininisa okwakuqaliswe ngo-2012) nokuphucula umgangatho kwiBakala 11. Izikolo ezaqhuba kakubi kwizifundo ezinamanani amakhulu obhaliso zaqatshelwa ukulungiselela ukuba zinikwe inkxaso ezifanale kanye ngqo.

Iprogram yokufundisa (*tutoring programme*) iqhutywa ngootitshala abanesakhono ngaphakathi nangaphandle kwiSebe iWCED. Izifundo i*telematics lesson* zasasazwa kwizikolo eziyi-147 ngo-2012 yaye inkxaso engamandla yabonelelwa ngaBacebisi ngezeKharityhulam kwezo zikolo zafumana ngaphantsi kwe-avareji yephondo (*provincial average*) kwizifundo ezinamanani obhaliso aphezulu. Incwadana yeengcebiso zokufunda nephekhi yamaphepha emibuzo yanikwa umfundi weBakala 12 ngamnye. Kwasekuqaleni iprogram ka-2012 yandiswa ukuze ifikelele kuwo onke amabakala kwizikolo eziphakamileyo nokuba kugxininiswe kwiseti yeeKhrayitheriya ezongezelelweyo ngaphezu kwereyithi yokupasa yeBakala 12.

Ukucwangcisa

ISebe iWCED liqhubekile ngenjongo yalo ecacisiweyo yokunika inkxaso ebonakalayo kootitshala kwiinkalo eziqatshelwe ngootitshala ngokwabo. Oku kwenziwe ngokuthi kuncitshiswe uxinzelelo kotitshala ekwenzeni imisebenzi yezolawulo nokuya qho koomasifundisane neentlanganiso. Iikhalenda zoCwangciso (*Planning Calendars*), ezidwelise imihla ephambili, efana naleyo yokuqala nokugqiba iimviwo, neminye imihla ebekiweyo yezolawulo, yathunyelwa ezikolweni kwakhona ngo-2012 ukunceda izikolo kwangaphambili ekucwangciseni u-2013. Bekukho amabhaso ephondo ootitshala abagqwesileyo, emva kwenkqubo ebaluleke gqitha yokhetho. La mabhaso anika ingqwalasela kwimpumelelo yootitshala nokuza kwabo nezinto ezintsha. Ootitshala abane baseNtshona Koloni bagqithela kwisigaba sokuwongwa ngentshinga ye-*top honours* kumabhaso okuwonga ootitshala kazwelonke abebanjwe ekuqaleni kuka-2013.

Unyulo lweeSGBs

U-2012 wabona uthatho-nxaxheba oluyi-100% ekugqityweni konyulo lweeSGB zizo zonke izikolo zeSebe iWCED. Iprogram yoqheliso (*induction programme*) yaqaliswa ukwenzela onke amalungu eSGB awaqeqeshwayo kulawulo lwezemali, ukukhethwa nokugaywa kwabasebenzi abanobuchule kuwo onke amanqanaba. Kuqwalaselwe kwiindima nemisebenzi yamalungu eSGB, nebandakanya ukunika inkxaso iinqununu ekucwangciseni nasekumiseleni iithagethi zokuphucula umgangatho wesikolo nokukhuthaza ukubambelela kwimigaqo yokuziphatha esikolweni ngokuqinisekisa ukhuseleko lwabafundi nabasebenzi esikolweni. Isixhobo i-*School Governing Body Support Tool* sathunyelwa kuzo zonke izikolo, ukunceda ii-SGBs xa zizivavanya ngokwazo.

Ukujongisiswa komsebenzi wokuphathwa nokulawulwa kwamaziko kwizithili uthelekiswa nemigaqo yoMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika (*South African Schools Act (SASA)*) kuvelise imfuno yokuba kugxininiswe kuququzelelo lalo msebenzi. I-*100 Schools Project* (ukuhlolwa kweenkqubo zezemali (*financial practices*)) yagqitywa ngo-2012 yaye ziyi-81 izikolo ezifumana ngoku uqeqesho kulawulo lwezemali. Abalawuli bezithili beze-IMG nabo kuya kufuneka bathetha-thethane noosihlalo bamabhunga olawulo ezikolo (SGBs) ukuqinisekisa ukuba ingakanani inkxaso yeSGBs kwizikolo zazo ngokungqinelana nesiqendu 20 no-21 zeSASA. Le nkqubo iya kuqhubeka nakunyaka omtsha ozayo.

IZikolo eziKhuselekileyo

Iprogram iSafe Schools Programme inesicwangciso sobuchule esinjongo zintathu (*three-pronged strategy*), ekuzezi: (i) Ukubonelelwa ngendlela zokhuseleko ezingundoqo (*core security mechanisms*), (ii) iProgram zokuxhasa iinguqu zendlela yokuziphatha nendlela yokucinga (*behavioural and attitudinal change*) (iii) iiprogram zeesistim ezibandakanya iinkqubo zesikolo siphela nokunxibelelana nee-arhente ezichaphazelakayo ezinokunceda ekwenzeni indawo engqonge isikolo ibe yekhuselekileyo.

ISebe iWCED liqhuba i-Safe Schools Call Centre, apho imiba eyahlukileyo emalunga nolwaphulo-mthetho ezikolweni nobundlobongela bunokuxelwa khona nalapho kunokubonelelwa khona ngeengcebiso nentuthuzelo kwabo bantu baxhwalekiswe okanye baphethwe ngumothuko ngamandla (*affected or traumatised*). IZiko leeFoni leZikolo eziKhuselekileyo (*Safe Schools Call Centre*) lisebenza njengesistim yengcaciso (*information system*) yokuqokelela nokucaculula idatha kwiphondo ngokubanzi nokubonelela ngenkxaso kwizikolo nakumaxhoba olwaphulo-mthetho kwindawo engqonge isikolo.

IZiko leeFoni leZikolo eziKhuselekileyo liwabhala phantsi onke amatyala (*cases*). Iinkcukacha-manani zisetyenziselwa ukubonelela ngothintelo, ungenelelo ngoncedo nezicwangciso zeemeko ezingumngeni xa kuyimfuneko. IZiko linika inkcazo kwikhompyutha (*online debriefing*) eya kwabenzelwa iinkonzo yaye xa kuyimfuneko libathumele kwii-arhente ezifanelekileyo. Linika ingcaciso kwabenzelwa iinkonzo ngokumalunga neenkonzo zobulungisa kulwaphulo-mthetho (*criminal justice services*) nengcaciso ngokumalunga nemigaqo-nkqubo nezikhokelo zeenqununu, ootitshala, amalungu eSGB, abafundi nabazali. IZiko leeFoni leZikolo eziKhuselekileyo lafumana iikholi eziyi-14 209 kwithuba elisusela kwi-1 Januwari 2012-Disemba 2012. Laphendula iikholi eziyi- 3 358 ezazifuna ukulandelelwa nenkxaso. Iinkcukacha-manani zaqho ngenyanga nangekota zinikwa izithili ukwenzela ukuba amaphulo ongenelelo ngoncedo agxigxinise kwiinkalo eziyingxaki.

Ukongeza, kwiZiko leeFoni leZikolo eZikhuselekileyo (*Safe Schools Call Centre*) nenkxaso yokhuseleko lweziseko zophuhliso, iSebe iWCED libonelela ngeeprogram zemfundo ukukhuthaza izinto ezakhayo ezifana nezemidlalo, imisebenzi yobugcisa, idrama nengcaciso ngamakhondo emisebenzi exa elizayo. Iiprogram zigxininisa kutshintsho olumalunga neendlela zokucinga okanye indlela yokuziphatha, iinkqubo zobuchule nezakhayo ekusombululeni imbambano kwezolawulo nokuqeqeshelwa ukulamla. Abasebenzi bokhuseleko abazii-Safety Fieldworkers baqeshelwe ukunika inkxaso izikolo neekomiti zokhuseleko zesikolo nezicwangciso zokhuseleko; ukumisela inkxaso kunye/okanye iiprogram zokuthintela okungekehli nokuba ngumzekelo omhle onika ithemba nabacebisi kwizikolo eziyi-109 ezisengozini exhomisa amehlo.

Aba basebenzi bazi-Safety Fieldworkers bayabalandlela abafundi abatshungayo baze baphonononge iingxaki zabo. Babonelela ngeengcebiso baze banike inkxaso abafundi abasengozini yaye baqinisekise ukuba abafundi bayafikelela kwiinkonzo abazifunayo. Ii-Safety Fieldworkers baququzelela ii-Safe Schools Youth Clubs njengenxalenye yeprogram yeholide. Le projekthi ijolise ekubetheleleni iindlela zokucinga ezinika ithemba nokuziphatha ngendlela eyiyo ngokusa abafundi abasengozini kwizitraktsha zemfundo ezifanelekileyo nokuphuhlisa izakhono nokuphumeza iiprojekthi zabahlali zezakhono.

Zingamashumi amahlanu izikolo ezitsha ezafumana iziseko zophuhliso zokhuseleko ezingundoqo (iigeyithi ezizivulekelayo (*motorized gates*); iigeyithi zokubeka esweni abahambi ngeenyawo (*pedestrian monitoring gates*); iisistim ze-alam (*alarm systems*) eziqhagamshelene kwi-armed response; iingcingo ii-barbed wire nee-mesh wire; ii-burglar bars) nezithe zaxhamla kuqeqesho lwee-peer mediators. Iingcingo kwizikolo ezisengozini zalungiswa; iikhamera ii-CCTV cameras zafakwa kwizikolo ezikhethekileyo kwabonelelwa nangokhuseleko ngethuba leholide apho kuyimfuneko. Kwabonelelwa uqeqesho kwi-Occupational Health and Safety and Disaster Management, kwakunye noqeqesho kumgaqo-nkqubo wokuvavanyelwa iziyobisi. Izixhobo zokuvavanyelwa iziyobisi zabonelelwa kwiimeko ezixhomisa amehlo, ngokudibene neenkqubo zokusetsha nokuhlutha iziyobisi notywala nokubonelelwa ngeditektha ii-hand held metal detectors kwizikolo eziyi-50 ezizezinye ezikhethiweyo. Kukho izicwangciso zokuthintela ulwaphulo-mthetho zezithili zemfundo nentsebenziswano namasebe karhulumente nee-NGOs.

Njengenxalenye yenkqubo kaRhulumente waseNtshona Koloni yokuthintela indlela yokuziphatha engeyiyo, nokubonelela ngemathuba amahle angamanye kulutsha, iSebe leMicimbi yeNkcubeko nezeMidlalo (*Department of Cultural Affairs and Sport (DCAS)*) liqalise amaziko azii-Sport MOD centres (*Mass participation, access to Opportunity and Development*) kwizikolo eziyi-181 kwizithili zemfundo ngokubanzi. Amaziko ayi-98 kula asekw kwizikolo eziziprayimari ngo-2011. Iiprogram ziqhutywa emva kwesikolo yaye zinika abafundi amathuba okuprekhtiza imidlalo nezinye izinto zokuphuhlisa izakhono zabo. Zombini iiprogram, eye-Safe Schools neye-School Enrichment zeSebe iWCED ziyaqhagamshelana namaziko azii-MOD centres. ISebe iWCED laqalisa umdaniso kumaziko ama-6 kula ngokubonelelwa ngootitshala abathandathu bomdaniso noomatshini bomculo abathandathu. Bayi-745 abazuzayo kweli phulo. Izikolo ezimeleneyo ezingeyiyo inxalenye yeprogram nazo zivumelekile ukujoyina ezi program kula maziko emva kweeprogram zazo. Kuza kuqhutywa iiprojekthi elingwayo kumaziko ayi-32 apho aya kufumana inkxaso ethe ngqo yaye kuya kubakho uphando lokuchaphazeleka kweeprogram zasemva kwezesikolo zezemfundo abafundi abazifumana esikolweni. Izifundo ezafundwayo kwephulo leeprogram zesemva kokuphuma kwesikolo (*after-school programme initiative* ziya kuphindwa kwamanye amaziko nasezikolweni. ISebe iWCED liya kubeka esweni ukuqaliswa).

Iziseko zophuhliso

Isicwangciso seziseko zophuhliso seSebe iWCED kwi-Medium Term Expenditure Framework (MTEF) ukususela ngo-2010 – 2013 saqwalasela ezi nkalo zophuhliso zilandelayo:

- Ukusetyenziswa kweeklasi ezingasetyenziswa ngokupheleleyo kwizikolo ezikhoyo
- Ukwakha iiklasi ezintsha kwizikolo ezikhoyo ukuphelisa ingxinano
- Ukwakha izikolo ezitsha, kubandakanywa nezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa, ukuphelisa uxinzelelo kwindawo yokufundela
- Ukutshintsha izikolo ezikhoyo okanye iiklasi ezazakhiwe ngezixhobo zokwakha ezingekho mgangathweni
- Ulondolozo nolungiso lwezakhiwo
- Ukubonelela ngeeklasi zeBakala R
- Ukusetyenziswa ngokupheleleyo kweehostele

Ukongeza, ukubonelelwa nokusetyenziswa kweklasi eziziimobhayili kuhleli kuyimfuneko ukwenzela ukubonelela ngendawo yokuhlala kwiimeko zeemfuno ezingxamisekileyo nezingacwangciselwanga.

Ngaphandle kweprogram yokwakha ecaciswe apha ngentla, ukwanda okuqhubekayo kwamanani abafundi kubeka uxinzelelo kubonelelo lweziseko zophuhliso. Ngo-2013, bayi-50941 abafundi abathuthwayo ukuya nokubuya esikolweni yonke imihla, bangaphezulu ngo-415 kunabayi-50 526 abathuthwayo ngo-2012.

BT201						
	Izinto ezenziwe ngempumelelo ngo-2011/2012	Ithagethi ecwangciselwe u-2012/13	Izinto ezenziwe ngempumelelo ngo-2011/2012	Umahluko phakathi kwethagethi nezinto ezenziwe ngempumelelo ngo-2012/13	Ikhomenti ngomahluko	
Imilinganiselo yentsebenzo yeprogram (ekaZwelonke)						
► PPM201: Inani labafundi ababhaliswe kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo	921 776	935 500	936 534	1 034	Amanani obhaliso ayachatshazelwa ngamanani angumahluko kubandakanywa namanani abangelwa kukufudukela kwabantu kweli phondo nakukuphuculwa komgangatho neziphumo. Ukukhula okungaphezu kwabafundi abayi-15 000 kunyaka ongaphambili kubalulekile gqitha yaye umahluko mncinane.	
► PPM202: Inani lootitshala abaqeshwe kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo	28 842	28 800	28 636	-164	Izithuba zabelwa amaziko kunyaka ongaphambili kodwa iimfuno zekharithulam, ukwanda kumanani abafundi nabasebenzi abangaphezu kwemfuneko kube nefuthe kumanani angawo kanye. Umahluko unokubangelwa kukulahla kwabasebenzi emsebenzini (resignations), ukupheliswa kweemvumelwano, ukuqeshwa kwabasebenzi, ukunyuselwa ezikhundleni kwabasebenzi nokutshintshwa kwabo (transfers).	

BT201					
	Izinto ezenziwe ngempumelelo ngo-2011/2012	Ithagethi ecwangciselwe u-2012/13	Izinto ezenziwe ngempumelelo ngo-2011/2012	Umdluko phakathi kwethagethi nezinto ezenziwe ngempumelelo ngo-2012/13	Ikhomentsi ngomahluko
▶ PPM203: Inani labangezotitshala abaqeshwe kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo	6 470	6 700	6 556	-144	Ukufakwa kwizithuba kwabaqeshwa abangaphezu kwemfuneko ngenxa yokuphunyezwa kwemimiselo nemigangatho ngo-2011 kwafuneka kugqitywe phambi kokuba kupapashwe izithuba ezingenamntu.
▶ PPM204: Inani labafundi kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezixhamlayo kumgaqo-nkqubo weZikolo "ezingaBizi ziFizi"	366 259	366 259	370 617	4 358	Inani labafundi landa ngenxa yokwanda kwamanani obhaliso kwizikolo eziphantsi koqwalaselo. Inani lilonke labaxhamlayo lixhomekeke kumanani obhaliso kwizikolo ezifanele ukukhethwa kumanqanaba 1-3 entlupheko
▶ PPM205: Inani lezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo eziza kubonelelwa ngamanzi	0	0	0	0	Njengoko ingcaciso-gama yalo mmiselo ithetha ngokubonelelwa izikolo ezingenawo amanzi zonke izikolo eNtshona Koloni ezinawo amanzi, iSebe iWCED linika ithagethi engu "zero" kulo mmiselo.
▶ PPM206: Inani lezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo eziza kubonelelwa ngombane	0	0	0	0	Kuba ukuchazwa kwalo mmiselo kubhekiselele ekuboneleleni izikolo ezingenawo amanzi nakuzo zonke izikolo eNtshona Koloni ezinawo amanzi, iSebe iWCED linika ithagethi engu "zero" kulo mmiselo.

BT201					
	Izinto ezenziwe ngempumelelo ngo-2011/2012	Ithagethi ecwangciselwe u-2012/13	Izinto ezenziwe ngempumelelo ngo-2011/2012	Umahluko phakathi kwethagethi nezinto ezenziwe ngempumelelo ngo-2012/13	Ikhomenti ngomahluko
▶ PPM207: Inani lezikolo zikarhulumente eziza kubonelelwa ngezibonelelo zococeko (<i>sanitation facilities</i>)	0	0	0	0	Kuba ukuchazwa kwalo mmiselo kubhekiselele ekuboneleleni izikolo ezingenawo amanzi nakuzo zonke izikolo eNtshona Koloni ezinawo amanzi, iSebe iWCED linika ithagethi engu “zero” kulo mmiselo.
▶ PPM208: Inani leeklassi eziza kwakhiwa kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo	453	592	293	-299	Iprojelthi enye yarhoxiswa (Nalikamva); enye (1) yalibaziseka ngenxa yokuba isiza sesikolo sisetyenziswa ngumbutho weeteksi kwakunye naziingxaki ngokumalunga nabahlali (Vuyiseka); Ziyi-2 izikolo ezalibazisekayo ngenxa yeengxaki zokufumana isiza nayimiba yokuvunywa emalunga noomasipala (<i>Concordia Primary and High schools</i>). EZinye izikolo zalibaziseka ngenxa yeengxaki zezabasebenzi nakwicala lee-arhente zokuphumeza oku. Ukuphazamiseka kwabahlali kwaqhagamshelani nokuqeshwa kwe-Community Liaison Officers. Okunye ukulibaziseka bekuqhagamshelene nokubonelelwa kweeyuniti ezizimobhayili zokuhlalisa abafundi ngethuba lemisebenzi yokwakha nangethuba leembabano zekontraki ezikhuphisanayo nokubangele ukwandiswa kwamaxesha ethenda.

BT201					
	Izinto ezenziwe ngempumelelo ngo-2011/2012	Ithagethi ecwangciselwe u-2012/13	Izinto ezenziwe ngempumelelo ngo-2011/2012	Uahluko phakathi kwethagethi nezinto ezenziwe ngempumelelo ngo-2012/13	Ikhomentsi ngomahluko
► PPM 209: Inani lamagumbi emisebenzi eyodwa (specialist rooms) aza kwakhiwa kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo (zonke iiklasi ngaphandle kwamagumbi abandakanya: iilebhu, ii-stock rooms, ii-sick bay, ikhitshi, njl.njl.)	328	235	95	-140	Iyantlukwano inxulumene nokungakhiwa kwezikolo neeklasi okurekhodwe phantsi kwePPM 208 apha ngentla.
► PPM210: Inani labafundi abaneemfuno ezizodwa zemfundo ababhalise kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo	6 973	7 500	6 204	-1 296	Ukuhla kumanani obhaliso kubangelwe ngumsebenzi wokucocwa kwedatha ngokuqhubekayo. Ngaphambili, izikolo zikarhulumente zabhalisa iindidi zabafundi abaneemfuno ezizodwa zemfundo ngokwendlela ezicaciswa ngayo. Lo mba uqwalaselwe ngabasebenzi bezithili abachaphazelekayo kwaze kwasetyenziswa iinkqubo zokuqinisekisa ukuba yidatha echanekileyo ebhalwa zizikolo ngokweengcaciso ekuvunyelwene ngazo.
► PPM211: Inani lezikolo ezenza zonke iinkonzo zokufundisa ⁷	11	10	10	0	

⁷ Oku kubhekiselele kwinani lezikolo eziza kwakhiwa kunyaka ochaziweyo

BT201						
	Izinto ezenziwe ngempumelelo ngo-2011/2012	Ithagethi ecwangciselwe u-2012/13	Izinto ezenziwe ngempumelelo ngo-2011/2012	Uahluko phakathi kwethagethi nezinto ezenziwe ngempumelelo ngo-2012/13	Ikhomenti ngomahluko	
► PPM212: Inani lezikolo ezihanjelwe kwakanye ubuncinane ngekota ngumphathi wesekeke	1 514	1 526	1 524	-2	Itotali yonyaka iyonke yezikolo ezingahanjelwanga kwaba kanye ubuncinane ngekota ziyi-8 yaye ezi-3 zibandakanya izikolo zeziBhedlela. Kwimeko apho bekukho izithuba ezingamntu okanye apho abaphathi bebesekhefini ixesha elide ngenxa yokugula, amalungiselelo anagmanyane enziwa apho amagosa athi azityelele izikolo. Kwimeko yezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa, olunye utyelelo lwenziwa ziingcali eziqeqeshiweyo kwelo candelo. Ekupheleni konyaka wesikolo ezinye iikomiti zolawulo lwesikolo zahlangana nomphathi we- IMG kwindawo ekufikelela wonke umntu ukwenza izigqibo ngenkqubo yokudlulela kwezinye isigaba yabafundi	
Izalathi-nkqubela zeNtsebenzo yeProgram (EzePhondo)						
PPI 2.1. Abafundi abagcinwe kwinkqubo yesikolo ukususela kumaBakala 10 – 12	57%	58%	61%	3%	Kwegqithwa kwithagethi mhlawumbi ngenxa yeprogram yokunika inkxaso ukugcinwa kwabafundi kumaBakala 9, 10 no-1. Oku kwabandakanya iingcebiso ngamakhondo omsebenzi nokwandiswa kweHigh School Program kumabakala angaphantsi kweBakala 12.	

BT201					
	Izinto ezenziwe ngempumelelo ngo-2011/2012	Ithageathi ecwangciselwe u-2012/13	Izinto ezenziwe ngempumelelo ngo-2011/2012	Umdluko phakathi kwethageathi nezinto ezenziwe ngempumelelo ngo-2012/13	Ikhomenti ngomahluko
PPI 2.2. Ipesenti yabafundi kumaBakala 3 efumene iziphumo ezamkelekileyo kuLwazi lokuFunda nokuBhala	30.4%*	33%	38.90%	5.9%	Kugqithiwe kwithageathi ngenxa yesiCwangciso i-Literacy and Numeracy Strategy nokukhuthazwa kwezikolo ukuba ziphucule umgangatho. Oku kujolise kwiziphumo zenkqubo yovavanyo namaphulo ongenelelo ngoncedo aqhutywayo.
PPI 2.3. Ipesenti yabafundi kumaBakala 3 efumene iziphumo ezamkelekileyo kuLwazi lokuBala	47.2%	50%	51.50%	1.5%	Kugqithiwe kwithageathi ngenxa yesiCwangciso i-Literacy and Numeracy Strategy nokukhuthazwa kwezikolo ukuba ziphucule umgangatho. Oku kujolise kwiziphumo zenkqubo yovavanyo namaphulo ongenelelo ngoncedo aqhutywayo.
PPI 2.4. Ipesenti yabafundi kumaBakala 6 efumene iziphumo ezamkelekileyo kuLwazi lokuFunda nokuBhala	31.5%*	35%	36.90%	1.9%	Kugqithiwe kwithageathi ngenxa yesiCwangciso i-Literacy and Numeracy Strategy nokukhuthazwa kwezikolo ukuba ziphucule umgangatho. Oku kujolise kwiziphumo zenkqubo yovavanyo namaphulo ongenelelo ngoncedo aqhutywayo.

BT201					
	Izinto ezenziwe ngempumelelo ngo-2011/2012	Ithageathi ecwangciselwe u-2012/13	Izinto ezenziwe ngempumelelo ngo-2011/2012	Umdluko phakathi kwethageathi nezinto ezenziwe ngempumelelo ngo-2012/13	Ikhomenti ngomahluko
PPI 2.5. Ipesenti yabafundi kumaBakala 6 efumene iziphumo ezamkelekileyo kuLwazi lokuBala	23.4%	25%	26.40%	1.4%	Kugqithiwe kwithageathi ngenxa yesiCwangciso i-Literacy and Numeracy Strategy nokukhuthazwa kwezikolo ukuba ziphucule umgangatho. Oku kujolise kwiziphumo zenkqubo yovavanyo namaphulo ongenelelo ngoncedo aqhutywayo.
PPI 2.6. Ipesenti yabafundi kumaBakala 9 efumene iziphumo ezamkelekileyo kwiiLwimi	44.2%	45%	48.20%	3.2%	Kugqithiwe kwithageathi ngenxa yesiCwangciso i-Literacy and Numeracy Strategy nokukhuthazwa kwezikolo ukuba ziphucule umgangatho. Oku kujolise kwiziphumo zenkqubo yovavanyo namaphulo ongenelelo ngoncedo aqhutywayo.
PPI 2.7. Ipesenti yabafundi kumaBakala 9 efumene iziphumo ezamkelekileyo kwiMathematika	10.4%	12%	13.90%	1.9%	Kugqithiwe kwithageathi ngenxa yesiCwangciso i-Literacy and Numeracy Strategy nokukhuthazwa kwezikolo ukuba ziphucule umgangatho. Oku kujolise kwiziphumo zenkqubo yovavanyo namaphulo ongenelelo ngoncedo aqhutywayo.

BT201					
	Izinto ezenziwe ngempumelelo ngo-2011/2012	Ithagethi ecwangciselwe u-2012/13	Izinto ezenziwe ngempumelelo ngo-2011/2012	Umdluko phakathi kwethagethi nezinto ezenziwe ngempumelelo ngo-2012/13	Ikhomenti ngomahluko
PPI 2.8. Izikolo ezinereyithi yokupasa engu- <60%	30	20	26	-6	Akufikelelwanga kwiithagethi, kodwa okuzuziweyo kunyaka ongaphambili apho inani lezikolo ezehla ukusuka ku-74 ukuya ku-30 lagcinwa ngokukhulu yaye izikolo ezi- 4 zapasa ngaphantsi ko- >60% ngenxa yenkxaso engamandla ecaciswe kule ngxelo.
PPI 2.9. Ireyithi yokupasa kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke	82.9%	82%	82.80%	0.8%	Kugqithiwe kwithagethi ngenxa yeprogram yenkxaso engamandla ecaciswe kwenye indawo kule ngxelo.
PPI 2.10. Amanani okuPasa kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke	33 146	39 000	36 992	-2 008	Inani eliyitotali labafundi abaphumeleleyo lande phantse ngo-4 000. Emva kokubandakanywa kweziphumo zomakishwa kwakhona kwanokubhalwa kweemviwo zokuxabangela kwinani eliyitotali labapasileyo lanyuka ukuya ku- 38 619. Thus, Akufikelelwanga kwithagetho ngo-318 kuphela ekugqibeleni.
PPI 2.11. I-% yabafundi abafanelekileyo ukungena kwizifundo zesiDanga sokuqala	38.1%	36%	36.50%	0.5%	Kugqithiwe kwithagethi. Oku kunokuba kubangelwe yiprogram yenkxaso kwizifundo engamandla (intensive academic support programme) nokumiselwa kweethagethi phantsi kwe-School Improvement Plans.
PPI 2.12. Amananani abafundi abafanelekileyo ukungena kwizifundo zesiDanga sokuqala	15 214	16 500	16 319	-181	Nangona itotali ibigqithwe ngo-1 105, akufikelelwanga kwithagethi ebinikiwe kwi-Strategic Plan.

BT201					
	Izinto ezenziwe ngempumelelo ngo-2011/2012	Ithagethi ecwangciselwe u-2012/13	Izinto ezenziwe ngempumelelo ngo-2011/2012	Uahluko phakathi kwethagethi nezinto ezenziwe ngempumelelo ngo-2012/13	Ikhomentsi ngomahluko
PPI 2.13 Amanani abafundi abapase iMathematika kwimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke	9 820	10 000	11 311	1 311	Kugqithiwe kwithagethi. Oku kunokuba kubangelwe yi-program yenkxaso kwizifundo engamandla (<i>intensive academic support programme</i>) nokumiselwa kweethagethi phantsi kwe-School Improvement Plans.
PP I 2.14 Amanani abafundi abapase iFizikhali Sayensi kwimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke	7 137	7 200	7 995	795	Kugqithiwe kwithagethi. Oku kunokuba kubangelwe yi-program yenkxaso kwizifundo engamandla (<i>intensive academic support programme</i>) nokumiselwa kweethagethi phantsi kwe-School Improvement Plans.
PPI 2.15 Inani lezikolo ezongezelelweyo ezikhuselwe nge-alam eqhagamshelwaniswe no-armed response, ezine-burglar bars, ii-stone guards ezifestileni.	50	50	50	0	Azikho.
Inani leebhasari ezinikwe abafundi abafanelekileyo ngokweemfuno zabo (<i>deserving students</i>), kwiminyaka emi-4 yokufunda okumiselweyo kwii-HEIs ⁸ .	168	200	168	-32	Bekukho inani elinganelanga labenzi-sicelo abakulungeleyo ukuqeshwa.
PPI 2.17: Inani labafundi kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo abaxhamlayo kwiprogram yothutho lwabafundi	50 992	49 000	50 521	1 521	Bonke abafundi abakufaneleyo ukuthuthwa kufuneka balungiselelwe.

⁸ Makuqatshelwe ukuba kwi- Annual Performance Plan ka- 2012/13 bekukho ii- PPIs ezimbini zenombolo 2.16. Ukufakwa kweenombolo kwizalathi ke ngoko kutshintshiwe kule ngxelo.

BT201					
	Izinto ezenziwe ngempumelelo ngo-2011/2012	Ithagethi ecwangciselwe u-2012/13	Izinto ezenziwe ngempumelelo ngo-2011/2012	Umahluko phakathi kwethagethi nezinto ezenziwe ngempumelelo ngo-2012/13	Ikhomenti ngomahluko
PPI 2.18 Inani lootitshala (abaqeshwe ngurhulumente) [IProgram 2 : Izikolo zikaRhulumente eziziiPrayimari]	16 987	16 800	16 713	-87	Izithuba zabelwa amaziko kunyaka ongaphambili kodwa iimfuno zekharithulam, ukwanda kumanani abafundi nabasebenzi abangaphezu kwemfuneko kube nefuthe kumanani angawo kanye. Umahluko unokubangelwa kukulahla kwabasebenzi emsebenzini (<i>resignations</i>), ukupheliswa kweekhontrakthi, ukuqeshwa kwabasebenzi, ukunyuselwa kwabasebenzi nokutshintshwa kwabo (<i>transfers</i>).
PPI 2.19 Inani labangezotitshala (abaqeshwe ngurhulumente) [IProgram 2 : Izikolo zikaRhulumente eziziiPrayimari]	3 430	3 900	3 514	-386	Ukufakwa kwizithuba kabaqeshwa abangaphezu kwemfuneko ngenxa yokuphunyezwa kwemimiselo nemigangatho ngo-2011 kwafuneka kugqitywe phambi kokuba kupapashwe izithuba ezingenamntu.
PPI 2.20 Inani lootitshala (abaqeshwe ngurhulumente) [IProgram 2: Izikolo zikaRhulumente eziziiSekondari]	10 209	10 200	10 243	43	Izithuba zabelwa amaziko kunyaka ongaphambili kodwa iimfuno zekharithulam, ukwanda kumanani abafundi nabasebenzi abangaphezu kwemfuneko kube nefuthe kumanani angawo kanye. Umahluko unokubangelwa kukulahla kwabasebenzi emsebenzini (<i>resignations</i>), ukupheliswa kweekhontrakthi, ukuqeshwa kwabasebenzi, ukunyuselwa kwabasebenzi nokutshintshwa kwabo (<i>transfers</i>).

BT201					
	Izinto ezenziwe ngempumelelo ngo-2011/2012	Ithagethi ecwangciselwe u-2012/13	Izinto ezenziwe ngempumelelo ngo-2011/2012	Umahluko phakathi kwethagethi nezinto ezenziwe ngempumelelo ngo-2012/13	Ikhomenti ngomahluko
PPI 2.21 Inani labangezotitshala (abaqeshwe ngurhulumente) [IProgram 2: Izikolo zikaRhulumente eziziiSekondari]	2 337	2 700	2 439	-261	Ukufakwa kwizithuba kabaqeshwa abangaphezu kwemfuneko ngenxa yokuphunyezwa kwemimiselo nemigangatho ngo-2011 kwafuneka kugqitywe phambi kokuba kupapashwe izithuba ezingenamntu.
PPI 2.22 Ukungabikho kootitshala kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo kucaciswa njenge-%	3% (Pilot)	4%	3%	-1%	Kugqithiwe kwithagethi – mhlawumbi ngenxa yokuphuculwa komgangatho wokukuqwalaselwa ngeliso elibukhali lo mba.
PPI 2.23 Ukungabikho kwabafundi kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo kucaciswa njenge- %	4% (Pilot)	8%	5.61%	-2.4%	Kugqithiwe kwithagethi – mhlawumbi ngenxa yokuphuculwa komgangatho wokukuqwalaselwa ngeliso elibukhali lo mba.
PPI 2.24 Inani lootitshala kumaBakala 1-6 abeza koomasifundisane boqeqesho bolwazi lokufunda nokubhala nolwazi lokubala eCTLI	2 594	2 000	954	-1 046	Zarhoxiswa iikhosi ezithile ngenxa yamanani asezantsi obhaliso. Oku kwanciphisa inani elinyanzelekileyo elimiselwe kuqeqesho lweCAPS nootitshala kwizikolo eziyi-258 kwiprogram yoLwazi lokuFunda nokuBhala nababekuqeqesho kunyaka ophantsi koqwalaselo.

BT201					
	Izinto ezenziwe ngempumelelo ngo-2011/2012	Ithagethi ecwangciselwe u-2012/13	Izinto ezenziwe ngempumelelo ngo-2011/2012	Umdluko phakathi kwethagethi nezinto ezenziwe ngempumelelo ngo-2012/13	Ikhomenti ngomdluko
PPI 2.25 Inani lamalungu eekomiti zolawulo lwezikolo aqeqeshwe e-CTLI	672	1 150	724	-426	Zarhoxiswa iikhosi ezithile ngenxa yamanani asezantsi obhaliso. Oku kwanciphisa inani elinyanzelekileyo elimiselwe kuqeqesho lweCAPS nootitshala kwizikolo eziyi-258 kwiprogram yoLwazi lokuFunda nokuBhala nababekuqeqesho kunyaka ophantsi koqwalaselo.
PPI 2.26 Inani leprojekthi zolondolozo lwezakhiwo ezigqityiweyo	304	141	93	-47	Itotali engu-93 yabandakanya iiprojekthi ezigqitywa kunyaka olandelayo ii-rollover projects eziyi-22 ezicwangcisiweyo. Ziyi-21 iiprojekthi ii-rollover projects zagqitywa apha anyakeni. Ziyi-60 iiprojekthi ebezicwangcisiwe ezingagqitywanga ekupheleni konyaka-mali kuba i-arhente yokuziphumeza yabanengxaki zabasebenzu yaye bekukho ulibaziseko ekunikweni iimvumelwano . Konke oku kwagqitywa ngako ekupheleni kwikota yokuqala ka- 2013/14 . Bekukho zizonke iiprojekthi zolondolozo eziyi-204 kulo nyaka uphantsi koqwalaselo yaye ezinye kuzo ibizezolondolozo olungxamisekileyo ezinye izii-ad hoc projects nezokubiya ii-fencing projects.

Isicwangciso sokoyisa ezo+ nkalo ziqhuba kakubi kuzo izikolo

- Ukuqhubeka beProgram *iHigh School Program*
- Ukuqhubeka nesicwangciso sephondo ukuphucula ulwimi nemathematika
- Ukubeka esweni ukusetyenziswa kweencwadi zezifundo eklasini
- Ukuqhuba ueqesho lootitshala oluthagethiweyo
- Ukuqhubeka ne*Maths neScience Strategy*
- Ukunika inkxasso ulawulo lwezemali ezikolweni
- Ukuqeshwa kwamagosa azii-school corporate officers
- Ukubonelelwa ngeencwadi zezifundo, ezokufunda ne-*ICT*
- Ukujongana neenkqubo ezimalunga nokubakho kwamaziko ngoququzelelo phakathi kweSebe *iWCED* neSebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu, (*Department of Transport and Public Works (DTPW)*) namacandelo karhulumente wengingqi.
- Ukuququzelela ukusonjululwa kwezicelo zokusikwa kwemihlaba (*zoning applications*) nemiba enxulumene noko ngokuphucula unxibelelwano phakathi kweSebe *iWCED*, i- *DTPW (Property management)* ne-*Department of Environmental Affairs and Planning (DEADP)*

Utshintsho kwiithagethi ezicwangcisiweyo

Alufanelekanga

Ukuxulumanisa intsebenzo nebhajethi

Igama leProgram esekelayo	2012/2013			2011/2012		
	Ulwabiwo – mali lokugqibela	Inkcitho eyiyo kanye	Inkcitho (eNgaphe zulu)/engaphantsi	Ulwabiwo – mali lokugqibela	Inkcitho eyiyo kanye	Inkcitho (eNgaphe zulu)/engaphantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
2.1 Izikolo eziziprayimari zikarhulumente	6,395,443	6,367,918	27,525	5,957,999	5,957,005	994
2.2 Izikolo ezizisekondari zikarhulumente	4,063,604	4,050,814	12,790	3,819,201	3,817,903	1,298
2.3 Iinkonzo zokufundisa	511,540	511,540	-	478,321	471,407	6,914
2.4 Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi	88,470	87,636	834	86,181	86,181	-
2.5 Iigranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango ethile	653,727	637,786	15,941	564,730	563,820	910
Itotali	11,712,784	11,655,694	57,090	10,906,432	10,896,316	10,116

Uhlelo ngokoqoqosho	2012/2013			2011/2012		
	Ulwabiwo – mali lokugqibela	Inkcitho eyiyo kanye	Inkcitho (eNgaphezulu)/engap hantsi	Ulwabiwo – mali lokugqibela	Inkcitho eyiyo kanye	Inkcitho (eNgaphezulu)/engap hantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
lintlawulo zaNgoku	10,446,536	10,396,963	49,573	9,706,806	9,703,648	3,158
Imbuyiselo yabaqeshwa	9,389,404	9,388,984	420	8,732,150	8,732,150	-
Iimpahla neeNkonzo	1,057,132	1,007,979	49,153	974,656	971,498	3,158
lintlawulo ezenziwa ngoomatshini neenkxaso-mali	775,071	773,318	1,753	657,232	657,188	44
Ii-arhente zesebe nee-akhawunti	7	7	-	-	-	-
Amaziko angenzi ngeniso	704,576	702,848	1,728	608,267	608,223	44
Ezamaxhaya	70,488	70,463	25	48,965	48,965	-
lintlawulo zee-asethi ii-capital assets	491,177	485,413	5,764	542,394	535,480	6,914
Izakhiwo nezinye izitraksha ezingenakushenxiswa	469,232	464,302	4,930	524,859	517,945	6,914
Oomatshini nezixhobo	21,945	21,111	834	17,535	17,535	-
I-Software nezinye ii-asethi ezingaphathekiyo	-	-	-	-	-	-
lintlawulo kwii-asethi zezemali	-	-	-	-	-	-
Itotali	11,712,784	11,655,694	57,090	10,906,432	10,896,316	10,116

5.3 Iprogram 3: linkxaso-mali zeZikolo eziZimeleyo

Injongo

Ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo ngokungqinelana noMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika, 1996

Le program yeZikolo eziZimeleyo inezi program zisekelayo zilandelayo

Iprogram esekelayo 3.1: ISigaba seSiseko

ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo kumaBakala 1- 7

Iprogram esekelayo 3.2: ISigaba seSiseko

ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo kumaBakala 8-12

Injongo eCwangciswe ngoBuchule

Injongo 3.1 ecwangciswe ngobuchule	Ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo ngokungqinelana nomthetho ofanelekileyo ukuqinisekisa imfundo esemgangathweni kubafundi kwezi zikolo
---	--

linjongo ezicwangciswe ngobuchule⁹, izalathi-nkqubela zentsebenzo, iithagethi ezicwangcisiweyo nezo thagethi kufikelelweyo kuzo

Amanani obhaliso

Zonke izikolo ezizimeleyo ezibhalisiweyo eNtshona Koloni zagqiba iSaveyi yeZikolo yoNyaka (Annual School Survey) ngo-2012 nango-2013.

Bekukho abafundi bezikolo eziziprayimari abayi-11 093 nabayi-6 481 bezikolo eziphakamileyo ababhalise kwizikolo ezizimeleyo ezixhaswa ngezimali ngo-2012/13, ukwanda kubafundi abayi- 244 bebonke.

Inkxaso enikiweyo

Kwatyelelwa izikolo eziZimeleyo eziyi-134 ukuzibonelela ngenkxaso kulawulo, kwikharithulam nenkxaso ekuphathweni kwazo apha ekuhambeni konyaka.

Ukongeza apho, ikomiti yamagosa ayi-15 eSebe iWCED yatyelela izikolo eziyi-122 ngoMatshi 2013 yaza yakungqinisisa ukuthobela okufanelekileyo ngokumalunga: Inkxaso ekuhambeni konyaka.

- Ukuthotyelwa kweSaveyi (*Survey compliance*) - *Annual School Survey (ASS)* ne-*Snap Survey (SS)*
- Ukuvunywa ngu-Umalusi
- Ukuthotyelwa kwezemali (*Financial compliance*) – inkxaso-mali nokufumaneka kweengxelo zokuphicothwa kweencwadi

⁹ Makuqatshelwe ukuba ithemplethi yecandelo lezemfundo kwi-*Annual Performance Plan* ayifuni ukuba amasebe inike izalathi ii-*Strategic Objective indicators*. Imeko ye-*Programme Performance* iyawuzalisekisa lo msebenzi.

- Ukwanela nokuba nezibonelelo ngokufanelekileyo kwamagumbi okufundisela
- Ukufundiswa kwekharithulam
- Ukwanela nokuchaneka kwe-LTSM (Learning and Teaching Support Materials)
- Ubhaliso kwiSACE
- Ukubakho kwabasebenzi emsebenzini
- Ii-Performance Management Systems
- IProgram yophuhliso lwabasebenzi
- Ucazululo lweziphumo zeemvavanyo zenkqubo yezemfundo zeSebe iWCED zamaBakala 3, 6 no- 9 zango-2012

Olona hlobo luphambili lwenkxaso enikwa izikolo ezizimeleyo ziinkxaso-mali (*subsidies*). Iinkxaso-mali ezinikwa izikolo ezizimeleyo zihlawulwa ngamanqanaba ka-60%, 40%, 25%, 15% okanye 0% enkcitho yephondo eqikelelweyo kubafundi (*provincial per capita expenditure for learners*) (PAEPL) kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo. I-PAEPL ka-2012/13 yayiyi-R 10 007 (kudidi lwezikolo eziziPrayimari) ne-R 11 621 (kudidi lwezikolo eziziSekondari) ngokulandelelanayo. ISebe iWCED lihlawule iinkxaso-mali kwizikolo eziyi- 102, nebandakanye izicelo ezihlanu ezitsha.

ISebe iWCED likwaqhube uphando ngezikhalazo ezifana nokuqhuba kakubi kwizifundo, ulawulo olukumgangatho ophantsi, iifizi zesikolo nokuqhuba kwesikolo njengeziko elingabhaliswanga. Intlanganiso neenqununu nabanini bezikolo ezilishumi elinesithathu (13) ekuzizikolo ezizimeleyo ezixhaswa ngezimali ngoFebruwari 2013 kwaxoxa ngokuqhuba kakubi kwazo. Zacelwa ezi zikolo ukuba zinike izicwangciso zokuphucula umgangatho neethagethi.

Iziphumo zeeMvavanyo

Iziphumo zezikolo ezizimeleyo kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke ngo-2012 zezi zilandelayo:

Iziphumo zeNSC kwizikolo ezizimeleyo : 2012				
Ababhalayo	Inani labapasayo	Ipesenti yabapasayo	Inani (B. Abanokungena kwiSidanga soKwqala)	% (abanokungena kwiSidanga soKwqala)
2317	2094	90.38%	1344	58.01%

Inani elikhulayo lezikolo ezizimeleyo lathatha inxaxheba kwiimvavanyo zokukhangela iingxaki zeSebe iWCED ngo-2012 yaye kulindeleke ukuba zithathe inxaxheba ngokoMmiselo 8 (b) weMimiselo eMalunga noBhaliso lweZikolo eziZimeleyo neNkxaso-mali enikwa zona (Kungabandakanywanga izikolo iiPre-Primary), isikolo esizimeleyo sinokulungela ukuqwalaselelwa inkxaso-mali ukuba sithatha inxaxheba kwi-Annual National Assessments (ANAs kunye/okanye kuvavanyo lwesebe lokufumanisa ingxaki (*department's diagnostic testing*)).

Ukuthatha inxaxheba nokubhala iMvavanyo zenkqubo yemfundo yeSebe iWCED ngo-2011 nango- 2012 kuboniswe kule theyibhile ingezantsi: Makuqatshelwe ukuba ayizo zonke izikolo ezithathe inxaxheba nokuba iziphumo ke ngoko zingumndilili wesampula yezithathe inxaxheba kuphela.

Iziphumo zeNkqubo yeMfundo kumaBakala 3, 6 & 9 ngo-2011 Iziphumo zeZikolo eziZimeleyo						
IBakala	Ulwazi lokuFunda nokuBhala /Ulwimi					
	Izikolo		Abafundi		Abapasileyo	
	2011	2012	2011	2012	2011	2012
IBakala 3	54	68	1 721	2001	1 241 (72%)	1 335 (66.7%)
IBakala 6	47	63	1 435	1714	1 161 (81%)	1 347 78.6%
IBakala 9	32	47	1 331	2028	1 161 (87%)	1 771 (87.3%)

Iziphumo zeNkqubo yeMfundo kumaBakala 3, 6 & 9 ngo-2011 Iziphumo zeZikolo eziZimeleyo						
IBakala	Ulwazi lokuBala/iMathematika					
	Izikolo		Abafundi		Abapasileyo	
	2011	2012	2011	2012	2011	2012
IBakala 3	54	68	1 722	2002	1 386 (80%)	1 482 (74%)
IBakala 6	47	63	1 433	1714	1 017 (71%)	1 111 (64.8%)
IBakala 9	32	47	1 327	2024	617 (46%)	914 (45.2%)

Uphuhliso lootitshala

Ootitshala kwizikolo ezizimeleyo baya koomasifundisane bekharityhulam abohlukeneyo nabaququzelelwa zii-ofisi zezithili zemfundo zeSebe iWCED. Ootitshala bezikolo ezizimeleyo nabo baqeqeshwa kwiCAPS. Uthatho-nxaxheba kwiCEMIS yenye yeemfuneko zobhaliso kwezikolo ezizimeleyo kwiphondo.

Intsebenziswano

ISebe leMfundo esiSiseko (*I-DBE*) labamba iintlanganiso ezimbini namaqumrhu amele izikolo ezizimeleyo eMzantsi Afrika. Intlanganiso neenqununu nabanini bezikolo ezizimeleyo yayibanjwe ngoFebruwari 2013. Bekukwakho nentlanganiso yokuxoxa nokwabelana ngengcaciso nezikolo ezifundisa ikharityhulam eyi-Cambridge curriculum.

BT401						
		lithagethi eziphunyele lweyo 2011/2012	lithagethi ecwangci sisweyo 2012/13	lithagethi eziphunyelel weyo 2011/2012	lyantlukwa no phakathi kweethage thi nezinto eziphunyel elweyo	Ikhomenti ngomahluko
Imilinganiselo yentsebenzo yeprogram (ekaZwelonke)						
► PPM301: Inani labafundi abafumana inkxaso-mali kwizikolo ezizimeleyo	17 330	18 200	17 782	-418		Ubhaliso kweli candelo luchatshazelwa yimiba efana nokufikeleleka ngokwemali, ukufikelela nokukhethwa ngabazali.

Isicwangciso sokoyisa ezo nkalo ziqhuba kakubi kuzo izikolo

- Ukubonelela ngenkxaso efanelekileyo eyandisiweyo kwizikolo ezifumene ngaphantsi kwe-avareji yephondo yeNSC kwizikolo ezifumene ngaphantsi kwe-avareji yephondo yeNSC kwizikolo ezizimeleyo.
- Ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo.
- Ukubeka esweni yonke imibuzo okanye izikhalazo emaziqwalaselwe ngokukhawuleza.

Utshintsho kwiithagethi ezicwangcisiweyo

Ayingeni ndawo

Ukunxulumanisa intsebenzo nebhajethi

Igama leProgram esekelayo	2012/2013			2011/2012		
	Ulwabiwo – mali lokugqibela	Inkcitho eyiyo kanye	Inkcitho (eNgaphezulu)/ engaphantsi	Ulwabiwo – mali lokugqibela	Inkcitho eyiyo kanye	Inkcitho (eNgaphezulu)/ engaphantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
3.1 Isigaba sePrayimari	35,406	35,406	-	28,563	28,563	-
3.2 Isigaba seSekondari	36,915	36,915	-	35,625	34,991	634
Itotali	72,321	72,321	-	64,188	63,554	634

Uhlelo ngokoqoqosho	2012/2013			2011/2012		
	Ulwabiwo – mali lokugqibela	Inkcitho eyiyo kanye	Inkcitho (eNgaphezulu) /engaphantsi	Ulwabiwo – mali lokugqibela	Inkcitho eyiyo kanye	Inkcitho eNgaphezulu/engaphantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
lintlawulo zaNgoku	-	-	-	-	-	-
Imbuyiselo yabaqeshwa	-	-	-	-	-	-
Iimpahla neeNkonzo	-	-	-	-	-	-
lintlawulo ezenziwa ngoomatshini neenkxaso-mali	72,321	72,321	-	64,188	63,554	634
I-arhente zesebe nee-akhawunti	-	-	-	-	-	-
Amaziko angenzi ngeniso	72,321	72,321	-	64,188	63,554	634
Ezamaxhaya	-	-	-	-	-	-
lintlawulo zee-asethi ii-capital assets	-	-	-	-	-	-
Izaxhiwo nezinye izitraksha ezingenakushenxiswa	-	-	-	-	-	-
Oomatshini nezixhobo	-	-	-	-	-	-
I-Software nezinye ii-asethi ezingaphathekiyo	-	-	-	-	-	-
lintlawulo kwii-asethi zezemali	-	-	-	-	-	-
Itotali	72,321	72,321	-	64,188	63,554	634

5.4. IProgram 4: IMfundo kwizikolo zikaRhulumente ezineemfuno ezizodwa

Injongo

Ukubonelela ngemfundo enyanzelekileyo kwizikolo zikarhulumente ezineemfuno ezizodwa ngokungqinelana noMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika, 1996, ne-White Paper 6 on Special Needs' Education: Building an Inclusive Education and Training System

Iprogram yeMfundo yeZikolo ezineemfuno ezizodwa zikaRhulumente inezi program zisekelayo zilandelayo:

Iprogram esekelayo 4.1: Izikolo

ukubonelela izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa zikarhulumente ngezibonelelo

Iprogram esekelayo 4.2: linkonzo zootitshala

ukubonelela ootitshala nabafundi abakwizikolo zemfundo ezineemfuno ezizodwa ngeenkono zokunika inkxaso ezilawulwa lisebe

Iprogram esekelayo 4.3: UPhuhliso lweZakhono zaBasebenzi

ukubonelela ngoqeqesho nolunye uphuhliso lootitshala nabasebenzi benkonzo karhulumente kwizikolo ezineemfuno ezizodwa zikarhulumente

Iprogram esekelayo 4.4: IiGranti eziKhutshwa ngoMqathango

ukubonelela ngeziseko zophuhliso kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa

Injongo ecwangcise ngobuchule

INjongo eCwangcise ngoBuchule 4.1	Ukwandisa kakhulu ukufunda ngempumelelo nothatho-nxaxheba lwabo bonke abafundi kwizinto eziqhubeka kwezi zikolo nakwikharithulam yamaziko emfundo nokunciphisa izithintelo ekufundeni (<i>Education White Paper 6</i>)
--	--

linjongo zobuchule¹⁰, iithagethi ezicwangcisiweyo zezalathi zentsebenzo kunye neempumelelo kanye

Ubhaliso lwabafundi

ISebe leMfundo kalokunje linezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa eziyi-74 ezamkela abafundi abayi-19 884 abaneemfuno zemfundo ezizodwa, oko kwenze inani labafundi abayi-1006 kunokuba bekunjalo kunyaka-mali odlulileyo. Ukunyuka kwinani labafundi abasezikolweni zemfundo eneemfuno ezizodwa kwenzeka kakhulu ngenxa yokuya kukhula kwithuba leminyaka emine kwezikolo ezikhoyo zezakhono, ukusekwa kwesikolo esongezelelweyo sezakhono nokudalwa kwamacandelwana alishumi awongezelelweyo e-*Autism Spectrum Disorders (ASD)* kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ezityunjiweyo.

¹⁰ Qaphela ukuba ithempleyithi yecandelo lesiCwangciso seNtsebenzo soNyaka asidingi masebe ukuba babonelele ngezalathi zeNjongo eCwangcise ngoBuchule ezizodwa. Kule meko izalathi zeProgram yeNtsebenzo zizalisekisa loo msebenzi.

Inkxaso enikiweyo

Ugxininiso ngo-2012/13 lwalusekumphunyezweni kwesicwangciso esitsha seengongoma ezilishumi seSebe iWCED ukwenzela ukomelezwa kwenkxaso yemfundo eneemfundo ezizodwa, esaye savunywa ngo-2011.

ISebe iWCED lineziseko ezimiselweyokulungiselela ukuphunyezwa kwesi sicwangciso ngokusebenzisa

- (1) iikomiti zokunika inkxaso ezikwizithili nakwiisekethe kuso ngasinye sezo zithili
- (2) ukomelezwa kwezikolo zemfundo eneemfundo ezizodwa eziyi-24 ukuba zibe ngamaziko ezibonelelo zoncendo (*resource centres*)
- (3) ukusekwa kweeyunithi ze-ELSEN/iiklasi zoNcedo ngeziBonelelo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo eziyi-108 ezityunjweyo esezitshintshelwa kwiZikolo eziBonelela ngeNkonzo ePheleleyo/izikolo ezibandakanya abafundi abakhubazekileyo
- (4) ukumiselwa kweekomiti zokunika inkxaso kwinqanaba leziko lesikolo.

Ukwandisa iMfundo eBandakanya bonke abafundi

Kwenziwe iiprofayili zazo zonke izikolo zemfundo eneemfundo ezizodwa ukuqwalasela inkxaso nezibonelelo zoncendo ezifunekayo. Kwathathwa i-National Audit of Special Schools yaze yongezelelwa ngedatha yeSebe iWCED kwisigaba sokuqala salo msebenzi. Isigaba sesibini siyenziwa kwaye sona siluphononongo lweemfundo zothutho, iziseko zophuhliso, ii-LTSM kunye nezinto zokusebenza.

Ukwandisa okungaphezulu kwemfundo ebandakanya bonke abafundi nokuselwa kwezitrahaksha zokunika inkxaso kusahleli kuyeyona nto iphambili ngokubaluleka kwiSebe iWCED ukuqinisekisa ukufikelelwa kakhulu kwimfundo kubafundi abafumana izithintelo kwimfundo, ngokusebenzisa iindlela ezahluka-hlukeneyo ezifumanekayo kwizikolo zemfundo eneemfundo ezizodwa kunye nakwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo.

Amanani amakhulu abafundi abaneemfundo zenkxaso ekumgangatho osezantsi ukuya kweziphakathi ngokobunzulu kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nakwizikolo eziBonelela ngeNkonzo ePheleleyo/ kwizikolo eziBandakanya bonke abafundi apho iimfundo zokunika inkxaso yezemfundo kunokuhlangatyezwana nazo ngokufunda. Inkxaso engaphezulu yaye yanikwa ngabasebenzi bokunika inkxaso yemfundo eneemfundo ezizodwa ezibandakanya iisayikholoji zezikolo, oonontlalo-ntle kunye nabacebisi bokunika inkxaso kumaziko (*learning support advisors*) kwakhona nakwiikomiti ezilishumi elinesithandathu ze-Inclusive Education Outreach teams, ezikwizikolo zemfundo eneemfundo ezizodwa/ kumaziko eziBonelelo zoNcedo ezimiselweyo (*Special School/Resource Centres*). Injongo ephambili kukuba kuphela ngabafundi abaneemfundo zenkxaso ekwiqondo eliphakamileyo abaya kwamkelwa kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfundo ezizodwa.

UQinisekiso loMgangatho

Kwakukho uVavanyo lweSikolo siPhela (*Whole School Evaluation*) seZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa ngo-2012/13, ngentsebenziswano neCandelo loQinisekiso loMgangatho (*Directorate Quality Assurance*). Izikolo yayizezi, iAlpha, Noluthando, Athlone, Die Bult, Khayelitsha kunye neDe la Bat. Lo msebenzi ubonise imizekelo emininzi yeenkqubo ezizizo kodwa, apho kwakukho iziphene khona, kwaye kwamiselwa imiqathango eyiyo ukusombulula ezi zinto.

limfuno zokunika inkxaso ephakamileyo kwiZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa

Inkqubo ebumbeneyo yokunika inkxaso (*continuum of support*) ehamba nenkxaso ekumgangatho wenkxaso osezantsi/ kwizikolo zikawonke-wonke, ezibonelela ngenkonzo epholeleleyo ephakathi/izikolo zemfundo ebandakanya bonke abafundi kunye nenkxaso ekumgangatho ophakamileyo kwiZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa.

ISebe iWCED lenze ithempleyithi esemgangathweni ofanayo yabakuluhlu lwabalindele indawo yokufunda nekubonelelwe ngayo zonke izikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa. Kwenziwe iziko ledatha ukufaka ingcaciso yabo bonke ababonelela ngoncedo abaqeqeshiweyo (*referrals*) kwisithili ngasinye, kwisekethe nganye, kwisikolo ngasinye, kwigosa ngalinye yaye kwaye ezi nkqubo zabanika uncedo abaqeqeshiweyo ziyacazululwa ukwenzela ukuba kugxilwe kwiinkqubo zongenelelo loncedo oluthintelayo nasekufakweni ngempumelelo kwabafundi ezikolweni.

Ukuphucula ukufundiswa kwekharithulam

Kuye kwakho inkqubo ehlangeneyo yeSebe iWCED/DBE yokuqulunqa iikharithulam zeZikolo zeZakhono ukwenzela ukuvunywa kweziqinisekiso zazo oko kusenziwa nguUmalusi. Iikharithulam zezikolo zobugcisa eziyi-21 sezigqityiwe yaye nenkqubo yoqeqesho loofitshala seyiqhubekile.

Uphando malunga nomgangatho wemfundo waBazizithulu eNtshona Koloni lwagqitywa ngo-2011. Iingcebiso ezikwingxelo leyo ziyaphunyezwa. Izikolo zifumene uqeqesho oluqhubekela kumaziko loLwimi lweeMpawu ezinguMqondiso lwaseMzantsi Afrika kunye nololwazi lokufunda nokubhala lwaBazizithulu beSigaba seSiseko (*South African Sign Language and Deaf-specific literacy Foundation Phase on-site training*) kwakhona noqeqesho njengeqela e-CTLI. Ngo-2012, isixa esiyi-R2,7 yezigidi saye sabelwa izikolo ezisixhenxe zeZithulu ukwenzela izixhobo nethekhinoloji yokuncedisa ukuva. Ngootitshala abalishumi elinesixhenxe abaye bathweswa iziqinisekiso zokufunda ukusuka kwikhosi yeNqanaba 1 kuLwimi lweeMpawu ezinguMqondiso lwaseMzantsi Afrika enikwe yiYunivesithi yaseFree State kwisikolo saseDe la Bat. Kukho ilinge le-“*South African Sign Language as a Subject*” eDe la Bat School for the Deaf. Iziphumo nenkqubo esebenza ngempumelelo kwiprojekthi kwaye kwabelwana ngayo kunye nezinye izikolo ezine zeZithulu ezisebenzisa uLwimi lweeMpawu ezinguMqondiso lwaseMzantsi Afrika njengolwimi lokufunda nokufundisa, oko kukuthi, iNoluthando, iNuwe Hoop, iDominican (Wittebome) kunye neMary Kihn. AmaBakala 10 – 12 aye aqaliswa kwakhona eDominican School for the Deaf, eWittebome, eqala kwiBakala 10 ngo-2013.

Inkxaso kwabakhubazeke kakhulu kunye nabakhubazeke ngokunzulu

I-Western Cape Forum for the Intellectually Disabled yasa isicelo malunga nabantwana abakhubazeke kakhulu kunye nabakhubazeke ngokunzulu ngokwasengqondweni kwiNkundla ePhakamileyo apho uRhulumente kaZwelonke noRhulumente wePhondo leNtshona Koloni babengabamangalelwa khona. Isigwebo esawiswayo sayalela bobabini abamangalelwa ukuba bathathe amanyathelo afanelekileyo ukuphumeza amalungelo abantwana abakhubazeke kakhulu kunye nabakhubazeke ngokunzulu ngokwasengqondweni eNtshona Koloni ngokumalunga nemfundo esisiseko; ukhuseleko ekungasiweni iso okanye ukusingelwa phantsi kwesidima; ukulingana kunye nesidima sobuntu.

Umyalelo wenkundla ukhokelele ekusekweni kwamaphulo entsebenziswano phakathi kwamasebe karhulumente. IMary Harding Special School Resource Centre yaba sisikolo sesiqalelo selinge elenziwa liphondo. Le komiti yaqokelela idatha emalunga nobume kunye nenqanaba lenkxaso elifunekayo kubasebenzi bamaZiko oNonophelo oLulodwa (*Special Care Centres*). Baye benza uphando malunga neenkqubo zoqeqesho nokunika inkxaso ezifunekayo kubasebenzi beZiko lokuKhathalela ngokuKodwa (*Special Care Centre*) nokubakho kunye nobume, kunye nemfuneko, yezixhobo ezincedisayo.

ISebe iWCED ekuqaleni laseka iikomiti ezine zamakhondo ngamakhondo zephondo (*provincial multi-disciplinary teams*) ukwenzela abakhubazeke ngokuNzulu ngokwaseNgqondweni ngo-2012 kusekelwe kwizikolo zemfundo eneemfuno ezalathiweyo. Ikomiti nganye inamalungu abasebenzi abahlanu, oko kukuthi, utitshala ojongene nemfundo eneemfuno ezizodwa, isayikholojist, itheraphisti yezokusebenza kwamalungu omzimba (*occupational therapist*), itheraphisti yezokusebenza kwentetho kunye netheraphisti yokolula amalungu omzimba (*physiotherapist*). Ikomiti ezintathu ezongeziweyo ezintathu zaqalisa ukubonelela ngenkxaso kwi-Special Care Centres eziyi-47 ngoSeptemba 2012.

IZiphumo zeeMvavanyo zeZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa

Ngo-2012, kwakukho abaviwa abayi-329 bezikolo zemfundo ezineemfuno ezizodwa abaye babhala uViwo lweSatifikethi seMatriki sikaZwelonke kunye nereyithi yokupasa iyonke ye-88.8%. Abayi-44% kwabo babepasile bakulungela ukwamkelwa kwizifundo zeSidanga soKuqala.

UPhuhliso lweZakhono zooTitshala

Umgqo-nkqubo namaxwebhu asisikhokelo malunga ne-Special Needs and Inclusive Education kwabonelelwa ngawo enyakeni kubo bonke abasebenzi abakwizithili be-Specialised Learner and Educator Support kunye neekomiti zokufikelela kuluntu zeMfundo eBandakanya bonke aBafundi ezikumaZiko eziBonelelo zoNcedo lwabaneemfuno ezizodwa zemfundo. Kuye kwabonelelwa ngenkqubo entsha yoqeqesho ukunika inkxaso, umzekelo, kwiinkqubo zongenelelo ngoncedo zokuthintela ezinjengezo zenzelwe abafundi beBakala R nabeBakala 1. Kuye kwakho uqeqesho lootitshala kwizikolo eziqhelekileyo ukubanceda ukuba

baqwalasele baze basombulule iimfuno zemfundo ezizodwa/izithintelo kwimfundo/ukusilela kwiinkqubo zokufundiswayo kunye ne-Care and Support for Teaching and Learning (CSTL). Iinkqubo zongenelelo ngoncedo ezizodwa zaqatshelwa kwaza kwabonelelwa ngeekhosi ezenziweyo okanye ezifumaneka kwii-arhente eziqeshisa ngeenkonzelo (*outsourced*), umz. ukuthintela ukuzibulala, ukuncedisa ukufunda kwabanezakhono zokufunda ezisezantsi (*reading recovery*).

Ikomiti zokufikelela kuluntu zeMfundo eBandakanya bonke aBafundi (*Inclusive Education outreach teams*) kwizikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa eziye zatshintshelwa kumaZiko eziBonelelo zoNcedo eZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa zabonelela ngoqeqesho nenkxaso ngokukodwa kwizikolo eziBonelela ngeNkonzo ePheleleyo eziyi-120/izikolo zeMfundo eBandakanya bonke aBafundi kodwa zikwanika inkxaso nakwezinye izikolo zikawonkewonke (*mainstream schools*). Ugxininiso lweekomiti zokufikelela kuluntu lusekuthintelweni kwezithintelo kwimfundo, ngokukodwa kwiBakala R nakwiBakala 1. Zonke izikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa ziceliwe ukuba zibonelele ngeZiko leziBonelelo zoNcedo/ngomsebenzi wokufikelela eluntwini, umz. iikliniki, eziya kwizikolo ezingqongileyo njengoko ubuchule babo bubavumela.

Ikomiti yokufikelela kuluntu yeengcali ejongene ne-Autism Spectrum Disorder (ASD) emiselwe e-Vera Special School Resource Centre yaye yabonelela ngoqeqesho kunye nenkxaso kwiiyunithi ze-AS kwiphondo liphela.

Iintlanganiso zamacandelo eZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa

Kucwangcise iintlanganiso zambini ngonyaka ngamnye kunye neenqununu zamaqela amacandelo anokhubazelo olwahluka-hlukeneyo zika-2013 ukubonelela ngethuba lokwabelana ngeyona nkqubo yokusebenza ingcono kunye nemisebenzi yokubeka iinkqubo kumgangatho ofanayo kwiphondo liphela. Kuye kwabanjwa iintlanganiso ukwenzela iinqununu zezikolo zaBafundi abanoKhubazeko olukhulu (*Sever Intellectual Disability*), izikolo zeZakhono kunye nezikolo zeZithulu. Le inika uqhagamshelwano nokwabelana phakathi kwezikolo ezinobuchule bobungcali obahluka-hlukeneyo.

Izibonelelo zoncedo/enye inkxaso ekubonelelwa ngayo

Ii-LTSM ne-ICT zokusombulula izithintelo kwimfundo

I-ICT kuye kwabonelelwa ngayo kwizikolo eziyi-10 ukuphucula ukufunda nokufundiswa kwabafundi abane-Autism Spectrum Disorder, iikhompyutha ezinee-E-Braille kwizikolo ezibini zabafundi abangaboniyo kunye nenkqubo ye-wall-pilot technology kwizikolo ezibini zabafundi abazizithulu. ISebe iWCED liye lathatha inxaxheba kuphando ngeBraille lukazwelonke kunye nokubonelela ngengcebiso malunga nokwenza izibonelelo esingcono abafundi abangaboniyo.

Iziseko zophuhliso

Kwakhiwe amagumbi okufundela awongezelelweyo kunye neendawo zokusebenzela (*workshops*) eAtlantis, eBishops naseCafda Schools of Skills, eAgape School for the Cerebral Palsied, e-Mary Harding and Beacon Schools zabafundi abanoKhubazeko ngokwaseNgqondweni Kakhulu (*with Severe Intellectual Impairment*). Kuye kwenziwa izicwangciso zendawo yokuhlala yezakhiwo ezitsha zezikolo i-Chere Botha kunye neRusthof. Ukwakhiwa kwamagumbi amabini okufundela eGlenbridge kwaqaliswa ekupheleni kukaJuni 2012 emva kokufumana imvume kwi-SA Heritage ukwakha la magumbi okufundela.

IProgram yokuKhuthaza iNdlela yokuZiphatha Kakuhle

Izikolo ezininzi zibhalile kwiZicwangciso zoPhuculo lweZikolo zazo (*School Improvement Plans*) (*SIPs*) ukuba zifumana umngeni omalunga nokuziphatha gwenxa nendlela yokuziphatha kwabafundi engekho semgangathweni. ISithili seMfundo ngasinye sifumene ibhajethi yokuKhuthaza ukuZiphatha Kakuhle (*Positive Behaviour Programme*). Oomasifundisane bezoqeqesho babejoliswe ekuphuculeni indlela yokuziphatah kakuhle kuzo zonke izikolo, ngokukhula komntu kunye nokukhula kwezokuqeqeshelwa umsebenzi kootitshala kwangokunjalo noomasifundisane bokukhulisa izakhono zabafundi kunye nabazali. Izihloko ezachatshazelwayo koomasifundisane zazibandakanya umjikelo wokuba nesibindi; ukwakha ulutsha olukwaziyo ukunyamezela; iiprogram ezichasene nokunkunza kwabanye (*anti-bullying*), ungenelelo ngoncedo lweqela elibuyisela izinto esiqhelweni (*restorative group intervention*); ukusombulula impixano; uphuhliso lokuzithemba ngesiqu sakho; uqeqesho kwimigaqo yokuziphatha; amacebo olawulo lwamagumbi okufunda kunye namacebo okuba ngumzali onguye. Kwaye kwafumaneka ingxelo entle kwizikolo ezithatha inxaxheba kungoko ezi program ziya kuqhubeka zize zandiswe kunyaka-mali omtsha.

Ubuhlakani phakathi kwamasebe namacandelo awo

Ubuhlakani phakathi kwamasebe bubandakanya intsebenziswano neSebe leMpilo malunga neProgram yezeMpilo yeSikolo eDibeneyo (*Integrate School Health Programme*), ukuFundisana kooNtanga (*Peer Education*), ukuKhuthaza ezeMpilo kunye nokuphuculwa kweemenyu zeProgram yoKutyisa iZikolo kaZwelonke (*National School Nutrition Programme*) nentsebenziswano kunye neSebe loPhuhliso lwezeNtlalo ngokumalunga nabantwana abakhubazekileyo kunye nolutsha olwalungekho sezikolweni.

ISebe lezeMpilo neSebe leMfundo bayasebenzisana ukuphumeza iProgram yeMpilo yeSikolo eDibeneyo. Iphakheji yenkonzo ibandakanya ukukhathalela nokunika inkxaso ukufunda nokufundisa/imisebenzi yokukhuthaza ezempilo, ukuskrinwa nokuvavanywa kwabafundi, ukulawulwa kwezigulo zempilo kunye nokuthintelwa kwezifo. Kwaye kwenziwa ilinge kwiSithili seMfundo se-Eden and Central Karoo kwikota yesikolo yesine ka-2012 eyayibandakanya ukuskrinwa kwezempilo kwabo bonke abafundi beBakala 1.

BT401					
	Ukuphumelela kanye ngo-2011/2012	Ithagethi ecwangcisiweyo ngo-2012/13	Ukuphumelela kanye ngo-2012/2013	Ukuxaxha kwithagethi nokuphumelela	Ikhomenti malunga nonxaxho
IProgram yemilinganiselo yentsebenzo (kaZwelonke)					
▶ PPM401: Inani labafundi ababhalisileyo ezikolweni zemfundo eneemfuno ezizodwa	18 878	19 000	19 884	884	Kugqithisiwe kwithagethi. Ukwanda kwinqanaba labafundi abakwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa kwenzeka ubukhulu becala ngenxa yokukhula kwizikolo zezakhono kunye nokwenziwa kweyunithi ezongezelelweyo ezilishumi ze- <i>Autism Spectrum Disorders (ASD)</i> kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ezalathiweyo.
▶ PPM402: Inani lootitshala abaqeshwe kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa	1 829	1 765	1 860	95	Izithuba zabiwe kunyaka odlulileyo, kodwa iimfuno zekharithulam, ukukhula kumanani abafundi nabaqeshwa abadlulileyo kumlinganiselo oqingqiweyo kunempembelelo kwinqanaba elililo kanye. Iyantluko zinokubhekiswa kwakhona ekuyekeni emsebenzini, ekuphelisweni kweemvumelwano, ekuqeshweni, kunyuselo-zikhundleni nasekutshintshelweni kwezinye iindawo. Ukwanda kweli candela kwanyanzelisa ukuba kuqeshwe abasebenzi abongozelelweyo.
▶ PPM403: Inani labasebenzi abaqeqeshiweyo abangengotitshala abaqeshwe kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa	973	977	971	-6	Iitotali zihla zinyuka kuxhomekeke kwizithuba nakwintshukumo phakathi kwezikolo ebudeni bexesha.
Ezi PPM zingasentla zaye zaqatshelwa kwakhona njengee-PPI zokunika iingxelo zekota ngolu hlobo lulandelayo: PP1 4.1. Inani lootitshala (abaqeshwe kwinkonzo karhulumente) [IProgram 4: Izikolo zikaRhulumente zeMfundo eneemfuno ezizodwa] PP1 4.2. Inani labangengabo ootitshala (abaqeshwe kwinkonzo karhulumente) [IProgram 4: kwizikolo zikaRhulumente zeMfundo eneemfuno ezizodwa]					

Isicwangciso sokoyisa iinkalo zenkqubo yokufunda nokufundisa ebuthathaka

- Sombulula iimfuno zokufakwa kwabafundi bemfundo eneemfuno ezizodwa ngobuchule
- Qinisekisa ukuba ootitshala abakwizikolo zikawonkewonke baxhotyiswe kakhulu ukujongana neemfuno zokufunda zabo bonke abafundi

linguqu kwiithagethi ezicwangcisiweyo

Azikho

Ukuxulumanisa intsebenzo neebhajethi

Igama leprogram eyinxalenye	2012/2013			2011/2012		
	Ulwabiwo-mali lokugqibela	Inkcitho kanye	Inkcitho (engaphezulu)/ enganeno	Ulwabiwo-mali lokugqibela	Inkcitho kanye	Inkcitho (engaphezulu)/ enganeno
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
4.1 Izikolo	824,791	820,601	4,190	756,751	756,751	-
4.2 linkonzo zokufundisa	-	-	-	-	-	-
4.3 Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi	-	-	-	-	-	-
4.4 Iigranti ezikhutshwa ngemiqathango	14,575	14,575	-	-	-	-
Itotali	839,366	835,176	4,190	791,341	791,341	

Ucazululo lwezoqoqosho	2012/2013			2011/2012		
	Ulwabiwo-mali lokugqibela	Inkcitho kanye	(Inkcitho engaphezulu)/ enganeno	Ulwabiwo-mali lokugqibela	Inkcitho kanye	(Inkcitho engaphezulu)/ enganeno
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Iintlawulo zangoku	681,631	677,441	4,190	622,495	622,495	-
Ukubuyekeza abaqeshwa	673,069	668,879	4,190	607,313	607,313	-
Iimpahla neenkonzelo	8,562	8,562	-	15,182	15,182	-
Iintlawulo ngoomatshini neenkxaso-mali	131,928	131,928	-	129,463	129,463	-
Ii-arhente nee-akhawunti zamaSebe	-	-	-	-	-	-
Amaziko angasekeleze nzuzo	129,661	129,661	-	128,346	128,346	-
Ezasemakhaya	2,267	2,267	-	1,117	1,117	-
Iintlawulo ii-capital assets	25,807	25,807	-	39,383	39,383	-
Izakhiwo nezinye izittraksha ezisisigxina	21,029	21,029	-	34,808	34,808	-
Oomatshini & equipment	4,778	4,778	-	4,575	4,575	-
Ii-software & nezinye ii-asethi eziphathekayo	-	-	-	-	-	-
Iintlawulo yee-asethi eziyimali	-	-	-	-	-	-
Itotali	839,366	835,176	4,190	791,341	791,341	-

5.5. IProgram 5: IMfundo noQeqesho oluQhubekayo

Injongo:

Ukufundisa iFET kwiikholeji zeFET zikarhulumente ngokungqinelanayo nomthetho i-*Further Education and Training Act (2006)*

Iprogram yeFET yenziwa zezi program zisekelayo zilandelayo:

Iprogram esekelayo 5.1: AmaZiko kaRhulumente

Ukunika iikholeji zeFET zikarhulumente ezithile izibonelelo (*resources*)

Iprogram esekelayo 5.2: linkonzo zokufundisa

Ukunika abahlohli nabafundi abakwiikholeji zeFET zikarhulumente iinkonzo zokunika inkxaso ezilawulwa lisebe lemfundo

Iprogram esekelayo 5.3: Uphuhliso lweZakhono zaBasebenzi

Ukunikeza ngophuhliso lokuqeqeshelwa umsebenzi kunye nolunye uphuhliso lwabaphathi, abahlohli kunye nabasebenzi abanika inkxaso kwiikholeji zeFET zikarhulumente

Iprogram esekelayo 5.4: IGranti eKhutshwa phantsi kweMiqathango

Ukunika inkxaso-mali kwakhona kwiikholeji zeFET zikarhulumente (ezasetyenziswa ukuya kutsho ku-2008/09)

INjongo eCwangciswe ngoBuchule

INjongo eCwangciswe ngoBuchule 5.1	Ukuqinisekisa ungqinelwano lwezicwangciso zeziko neeprogram ukwenzela ukuba kwenziwe iiprogram ezifanelekileyo, eziphendulayo ekuphumezeni iimfuno zoosomashishini bengingqi, zemizi-mveliso yengingqi, zabahlali nabafundi kunye nokulondoloza indawo ekhuthaza ukwenziwa kweeprogram zethiyori/zepraktikhali ezidibeneyo ezikumgangatho ophezulu ngokusebenzisa ulawulo nokuphathwa kwamaziko kunye nenkxaso ekwenzeni imisebenzi.
---	--

linjongo zobuchule¹¹, iithagethi ezicwangcisiweyo zezalathi zentsebenzo kunye neempumelelo kanye

Ubhaliso lwabafundi

Ingxelo yobhaliso yeSebe i-DHET kaJanuwari ukuya kuJuni 2012 ibonisa ukuba iikholeji zaseNtshona Koloni zabhalisa i-15,150 NC (V) no-19,322 wabafundi ngokweNgxelo 191 emalunga nabafundi ngeli thuba. Ngaxeshanye, abafundi abayi-12,711

¹¹ Qaphela ukuba ithempleyithi yecandelo lesiCwangciso seNtsebenzo soNyaka asidingi masebe ukuba babonelele ngezalathi zeNjongo eCwangciswe ngoBuchule ezizodwa. Kule meko iZalathi zeProgram yeNtsebenzo zizalisekisa loo msebenzi.

babhaliswa kwiiprogram ezixhobisa ngezemisebenzi. ISebe i-DHET alikawakhuphi amanani eNgxelo yoNyaka okugqibela kodwa iikholeji zaye zabhalisa malunga nama-50,000 yabafundi kunyaka wezifundo ka-2012. Oku kubandakanya ukwanda kwe-5,150 zabafundi be-NC (V) ngaphezu kwethagethi ye-12,000 eyayimiselwe liSebe iWCED. La manani abonisa ukukhula kwe-51% ukusuka ku-2011 – 2012, okuxhasa ithagethi yokwandisa imfundo ngezamakhondo omsebenzi kunye nemfundo eqhubelekayo kunye necandelo lezoqeqesho. Kubafundi abayi-50,000, abayi-35,000 babekwiiprogram ezixhaswa ngemali karhulumente, kwelo nani urhulumente uxhasa nge-80% yendleko yeprogram iyonke. Ukuza kuthi ga ngoku, iikholeji sezibhalise abafundi abayi-40,055 kwikota yokuqala ka-2013. Njengoko iikholeji zibhalisa abafundi kunyaka wonke ude uyokuphela, kulindeleke ukuba amanani obhaliso ewonke onyaka wezifundo ka-2013 aya kudlula kumanani ka-2012.

Ikholeji	Ubhaliso ukususela Februwari 2013 nge-15
Boland	6 925
Cape Town	7 055
False Bay	5 420
Northlink	11 882
South Cape	3 094
West Coast	5 699

Kwanikwa inkxaso yezemali ngokusebenzisa iSkim seBhasari yeeKholeji zeFET zeSebe i-DHET (*DHET FET College Bursary Scheme*). Ngo-2012, kwakhutshwa iibhasari eziyi-12,739 'zokufunda kuphela' neziyi-19,540 'eziphangaleleyo' ezathi zona zanikwa abafundi be-NC (V) kunye nabafundi beNgxelo 191.

Inkxaso enikiweyo

UMthetho woFakelo lweziLungiso weeKholeji zeFET (*FET College Amendment Act*) (3/2012) wabhengezwa ngoMeyi 2012. Oku kwawisela umthetho wokuba kutshintshwe iikholeji zeFET zisuke ekubeni phantsi kwegunya lephondo ziyokuba phantsi kwegunya likazwelonke.

Iimvumelwano zomgaqo wezonxibelelwano (*protocol agreements*) zaye zasayinwa ukwenzela ukuba kusekondwe abasebenzi bephondo ukuba baqhubeka ngokunika inkxaso iikholeji. Iyunithi yephondo laseNtshona Koloni yaqhubeka ukunika inkxaso kwizitraksha zekholeji zokuphatha nokulawula ngokuququzelela isicwangciso esinobuchule kunye nokusebenza kwangokunjalo nokulawula iimali kunye neentlawulo ngoomatshini. Le yunithi kwakhona yaye yanika inkxaso ekufundisweni kwekharithulam nakuvavanyo lwangaphakathi kunye nazo zonke iimviwo zangaphandle ezaye zabekwa esweni. ISebe iWCED neSebe i-DHET ngaphezulu laye labeka esweni laza lanika ingxelo malunga nentsebenzo yekholeji ngokunxulumene neenkqubo zobhaliso, ulawulo lwezemali kunye noqinisekiso lwemigangatho yeemvavanyo.

Ulwabiwo lwebhajethi ka-2012/13 lweProgram 5, equkwayo njenge-'FET College Conditional Grant' yaye yathunyelwa ngentlawulo yoomatshini kwiikholeji njengoko kucwangcisiweyo. Ukususela kulwabiwo lulonke lwe-R597 589 000, i-45,8% yachithwa kwimivuzo lo gama i-53,9% yaye yahlawulwa ngoomatshini njengemali ejongene nemiba enxulumene nezinto ezingekho malunga nabasebenzi/ yenkxaso engabandakanyi mali kwiikholeji.

Inkxaso yeSebe iWCED yokwakha ubudlelane phakathi kweeKholeji zeFETA, iiSETA nemizi-mveliso yaye yomelezwa ukuqhelanisa abafundi nomsebenzi kunye nabayi-13,500 njengenxalenye yesiqinisekiso sabo. Ngabafundi beNqanaba 4 abayi-319 abadlulileyo kwi-NC (V) ababefakwe emisebenzini emva kokufumana kwabo iziqinisekiso.

Inkxaso kwizifundo ibandakanya inkxaso kwimathematika, iiklasi zokuqwalasela iingxaki zokufunda zabafundi (*remedial classes*), iityhuthoriyali, kunye nezinto zokuncedisa ukufunda ezongezelelweyo kunye nezikum zokondla abafundi zesiseko.

Iziphumo zeemvavanyo

Ezi thebhile zilapha ngasezantsi zibonisa ireyithi yokuqala yokufumana kwabafundi iziqinisekiso zezifundo ngoNovemba 2012 zabafundi abaye bangenela, baze babhala, zonke izifundo ezifunekayo kwisiqinisekiso semfundo sabo esithile.

NC(V)	Ababhalisele izifundo eziyi-7	Ababhale izifundo eziyi-7	Abapase izifundo eziyi-7	I-% yabafumene iziqinisekiso ababebhalile
INqanaba 2	8 065	4 093	2 380	61.6%
INqanaba 3	3 824	2 380	1 340	56,3%
INqanaba 4	2 192	1 552	740	47,7%

INGxelo 191/i-NATED	Ababhalisele izifundo eziyi-4	Ababhale izifundo eziyi-4	Abapase izifundo eziyi-4	I-% yabo bafumene iziqinisekiso ababebhalileyo
N4	2 200	1 691	842	49,8%
N5	3 380	2 754	986	35.8%
N6	1 025	803	400	49,8%

Iikholeji zaseNtshona Koloni zazidlula iithagethi zezifundo zeSebe i-DHET ngolu hlobo lulandelayo:

	Iithagethi	Abaphumeleleyo
NC(V) L2:	44%	61.6%
NC(V) L3	45%	56.3%
NC(V) L4	47%	47.7%
N4-N6	40%	45.1%

Iziphumo zeemviwo ze-NC (V) azikakhutshwa, njengoko iziphumo zeemviwo zokuxabangela zingekafumaneki.

Uphuhliso lwezakhono zabahlohi

ISebe iWCED laqhubeka ngokunika inkxaso yokufundiswa kwekharithulam ngenkqubo yophuhliso lwezakhono zabahlohi kunye nokunika inkxaso eklasini. Kwagxininiswa kumgangatho wezixhobo zovavanyo lwangaphakathi kangangokuba uninzi lwezixhobo zovavanyo lwangaphakathi zaye zenziwa zakumgangatho ofanayo zaze zangqiniswa ukwenzela ukuba zihambelana mbo nemigangatho efanayo kazwelonke. Kwaye kwaphuhliswa uphuculo lwezakhono zabahlohi ngenxa yeenkqubo ezisetyenzisiweyo kwimisebenzi yokuvavanya ukuqinisekiswa kwemigangatho nangenxa yethekhinoloji ekwaye kwabonelelwa ngayo ukuncedisa ekwenzeni ingcaciso-ntetho (*presentation*), ezinjenge-*white boards*.

Abahlohi beMathematika nabezifundo zoLwazi lweMathematika (*Mathematics and Mathematical Literacy*) babeqeqeshwe kwimiba ethile yeekharithulam, indlela yokufundisa kunye nolawulo lweeklasi zabo. Ngenxa yokungabikho kweziphumo zokuphela konyaka, akunako ukuqinisekiswa ngengqiniseko enkulu ukuba iziphumo zeMathematika kunye nezifundo zoLwazi lweMathematika ziye zaphucuka. Ukungahanjwa kweeklasi kuneziphumo eziqaphelekayo kwiziphumo zeMathematika ngokukodwa, njengoko isifundo sifuna ukuba abafundi bayigqibe imisebenzi yovavanyo qho.

Izibonelelo ezinikiweyo

Ukwanda kumanani abafundi kwabeka uxinzelelo kwiziseko zophuhliso zekholeji. ISebe iWCED yenze ulwabiwo lwe-R48,000 000 ukuphucula nokulondoloza iziseko zophuhliso ngenjongo yokusombulula ukunqongophala kwendawo engamagumbi okufundela kunye nezibonelelo zococeko kuzo zonke zizontandathu iikholeji. Iimali ezongezelelweyo zaye zenza ukuba ukuthengwa komhlaba wokwakha ikhampasi eMalmesbury kwangokunjalo nokuphuculwa kweziseko zophuhliso kunye nenkqubo yokutshintshwa kwazo ukwamkela abafundi abaninzi, amagumbi okufunda awongezelelweyo kunye nokuphuculwa kweendawo zokuhlala zabafundi.

Imiba emalunga nethuba lenguqu

ISebe leMfundo ePhakamileyo noQeqesho (*Department of Higher Education and Training*) laye laseka ezi zitraksha zilandelayo ukulawula ithuba lenguqu leeKholeji zeFET ukusuka kulawulo lwamasebe amaphondo emfundo ukuya kweleSebe leMfundo ePhakamileyo noQeqesho:

- *Project Steering Committee (PSC)*
- *National Transition Task Team (NTTT)*
- *Provincial Transition Task Teams (PTTT)*

I-PTTT imele iikholeji kunye neSebe iWCED. Esi straksha ukuza kuthi ga ngoku sibonelela ngayo yonke ingcaciso eceliweyo liSebe i-DHET. Kuye kwenziwa isicwangciso sokusebenza ukwenzela ukusiphumeza ngo-2013.

BT501					
	Impumele lo kanye ngo-2011/2012	Ithagethi ecwangcisiweyo ngo-2012/13	Actual Achievement 2012/2013	Ukuxaxha phakathi kwethagethi nokuphumelela	Ikhomenti malunga nokuxaxha
Imilinganiselo yeprogram yentsebenzo (kuzwelonke)					
► PPM501: Inani labafundi ababhalise kwiikhosi ze-NC(V) kwiikholeji zeFET	13 778	12 000	15 150	3 150	likholeji bezinako ukubhalisa abafundi abongezelelweyo be-NC (V) ngokweethagethi zeSebe i-DHET ngenxa yokufakwa kweemali zebhasari ezivela kwiNational Skills Fund.
► PPM502: Inani labafundi beKholeji beNC(V) abaye bagqiba iikhosi ngempumelelo	4 587	6 795	4 603	-2 192	Eli nani alizibandakanyi iziphumo ezingekafumaneki kunye neziphumo zeemviwo zokuxabangela. Kulindeleke ukuba lethagethi kuya kuhlangatyezwana nayo nje ukuba iSebe i-DHET likhuphe iziphumo ezipheleleyo.

Isicwangciso sokoyisa iinkalo zenkqubo yokufunda nokufundisa engekho semgathweni

ISebe i-DHET liqale inkqubo yokomeleza ukuhanjwa kwesikolo ngabafundi kuzwelonke kunye nemigaqo-nkqubo emalunga noko. Nje ukuba ezi nkqubo ziqaliswe, ireyithi yokuhanjwa kwesikolo yabafundi ifanele ukuphucuka yaye oku kungakhokelela ekuphuculweni kwenkqubo yezifundo. Kwinqanaba lephondo, ukunika inkxaso kwikharithulam kuya kubethelelwa ngokomeleza inkqubo yokugxininisa kumaqela athile/ ngeendawo zasekuhlaleni ekwenzeka kuzo ezi zinto ukuqinisekisa ukuba ubuchule neenkqubo ezisetyenziswayo kwabelwana ngazo ngabahlohi. Ugxininiso olungaphezulu kwakhona luya kubekwa ekomelezeni ubuchule beekholeji ukubonelela ngenkxaso kwezemfundo kubafundi

linguqu kwiithagethi ezicwangcisiweyo

Azikho

Ukuxulumanisa intsebenzo kunye neebhajethi

Igama leprogram esekelayo	2012/2013			2011/2012		
	Ulwabiwo-mali lokugqibela	Inkcitho kanye	(Inkcitho engaphezulu)/ enganeno	Ulwabiwo-mali lokugqibela	Inkcitho kanye	(Inkcitho engaphezulu)/ enganeno
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
5.1 Amaziko karhulumente	597,589	597,523	66	534,671	534,659	12
Itotali	597,589	597,523	66	534,671	534,659	12

Uhlelo lwezoqoqosho	2012/2013			2011/2012		
	Ulwabiwo-mali lokugqibela	Inkcitho kanye	(Inkcitho engaphezulu)/ enganeno	Ulwabiwo-mali lokugqibela	Inkcitho kanye	(Inkcitho engaphezulu)/ enganeno
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Iintlawulo zangoku	273,885	273,819	66	259,565	259,553	12
Ukubuyekwezwa kwabasebenzi	273,885	273,819	66	259,565	259,553	12
Iimpahla neenkonzelo	-	-	-	-	-	-
Iintlawulo ngoomatshini neenkxaso-mali	323,704	323,704	-	275,106	275,106	-
Ii-arhente nee-akhawunti zeSebe leMfundo	-	-	-	-	-	-
Amaziko angasekeleze nzuzo	323,285	323,285	-	243,928	243,928	-
Ezasekhaya	419	419	-	31,178	31,178	-
Iintlawulo yee-capital assets	-	-	-	-	-	-
Izakhiwo nezinye izitraksha ezisisigxina	-	-	-	-	-	-
Oomatshini nezixhobo zokusebenza	-	-	-	-	-	-
I-Software nezinye ii-asethi ezingaphathekiyo	-	-	-	-	-	-
Iintlawulo yee-asethi eziyimali	-	-	-	-	-	-
Total	597,589	597,523	66	534,671	534,659	12

5.6. IProgram 6: IMfundo noQeqesho lwaBadala

Injongo:

Ukufundisa iABET ngokungqinelanayo noMthetho weMfundo noQeqesho lwaBadala, ka-2000

Iprogram yeABET inezi program zisekelayo zilandelayo:

Iprogram esekelayo 6.1: linkxaso-mali eziya kuMaziko eMfundo yaBadala kaRhulumente

Ukunika inkxaso kumaziko eAET karhulumente athile ngeenkxaso-mali

Iprogram esekelayo 6.2: linkxaso-mali kuMaziko eMfundo yaBadala aBucala

Ukunika inkxaso kumaziko eAET abucala athile ngeenkxaso-mali

Iprogram esekelayo 6.3: linkonzo zokufundisa

ukunika ootitshala nabafundi abakumaZiko e-AET ezihamba nokunika inkxaso elawulwa lisebe lemfundo

Iprogram esekelayo 6.4: Uphuhliso lweZakhono zaBasebenzi

Ukunika iinkonzo zokuqeqeshelwa umsebenzi nolunye uphuhliso lwabaphathi, ootitshala kunye nabasebenzi abanika inkxaso kumaZiko e-AET.

Injongo ecwangciswe ngobuchule

IPROGRAM 6: INJONGO ECWANGCISWE NGOBUCHULE	
Injongo eCwangciswe ngoBuchule 6.1	Ukunika inkxaso kubaphathi nakwizitraksha zolawulo ngokusebenzisa uphuhliso lomgaqo-nkqubo kwanongenelelo ngoncedo olunobuchule olulungiselela ukufundiswa kwekharithulam ngempumelelo kumaziko e-AET ngokunika inkxaso yezekharithulam elawulwa lisebe lemfundo kunye nokubonelela ngophuhliso lokuqeqeshelwa umsebenzi kootitshala nabangezotitshala

linjongo ezicwangciswe ngobuchule¹², iithagethi zezalathi ezicwangcisiweyo kunye nempumelelo kanye

Ubhaliso lwabafundi

Ngo-2012/13, kwakukho abafundi abayi-32 688 nakumaZiko ayi-303 kwezo eziyi-124 ngamaZiko aFikeleleka kuMntu Wonke. Abayi-19 978 yiyangabafundi be-ABET iNqanaba 1 - 4, abayi-10 686 yayingabafundi be-FET baze abayi-2 024 bathatha inxaxheba kwiiprogram ezimfutshane zokufundisa ngezakhono. Okona kwanda kakhulu kwakukwi-ABET L4 kuhamba nokwanda kwabafundi kwe-2 459 xa kuthelekiswa no-2011.

¹² Qaphela ukuba ithemphleyithi yecandelo lemfundo ayifuni ukuba amasebe makabhale izalathi zeNjongo eCwangciswe ngoBuchule ezimeleyo. Kule meko izalathi zeProgram yeNtsebenzo yePhondo zifezekisa loo msebenzi.

Ukwabiwa kwabafundi ngokweNqanaba/iBakala – ngonyaka ka-2012									
ISithili seMfundo	INqanaba 1	INqanaba 2	INqanaba 3	INqanaba 4	IBKL 10	IBKL 11	IBKL 12	Okunye	Ewonke
Cape Winelands	819	557	539	1,344	18	0	2,039	510	5,826
Eden and Central Karoo	790	517	520	1,113	0	0	682	195	3,817
Metro Central	392	264	269	798	48	66	2,749	287	4,873
Metro East	141	80	192	2,066	0	0	55	280	2,814
Metro North	360	348	281	1,618	0	0	1,256	54	3,917
Metro South	304	301	376	1,482	0	0	2,172	28	4,663
Overberg	414	399	345	1,150	0	0	1,298	544	4,150
West Coast	622	318	299	960	0	0	303	126	2,628
Bebonke	3,842	2,784	2,821	10,531	66	66	10,554	2,024	32,688
UVIMBA: ISAVEYI YONYAKA KA-2012									

Uqeqesho lwaye lwenziwa kubafundi abadala abayi-484 kwiinkalo ngeenkalo, kutywino lwemibhobho yamanzi (*plumbing*), ezoshishino (*entrepreneurship*), ukukhokela abakhenkethi, ubugcisa nokuyila (*art and design*), ukusaba umlilo (*fire evacuation*), iinkonzo zokucoca, i-ECD, ukhathalelo lwabagula besekhaya (*home based care*), ukwakha ngokubeka izitena nokupeyinta kumaziko ayi-13. Uqeqesho lwaye lwanikwa ngentsebenziswano neFalse Bay, iBoland, iNorthlink, iWest Coast neekhohleji zeFET ezibizwa Cape Town FET Colleges.

Kwaye kwasekwa amaziko amatsha eSir Lowry's Pass, Doomrivier, Holvlei, iBlikkiesdorp, Redelinghuys, Masakhane, Pearly Beach neNaphakade, elisetyana leMalmesbury CLC.

Amaziko eFET eBakala 12 asekwa ngo-2011 eEden and Central Karoo (1), e-Winelands (1), e-East (3), e-North (2), e-South (2), e-Central (1), e-West Coast (1), e-Overberg (1) aqhubeka ukufundisa abafundi beBakala abenza iMatriki.

ISebe iWCED laqhubeka ngokufundisa iiProgram zeMfundo yaBadala kubaqeshwa bePhondo nakumaSebe kaRhulumente kaZwelonke. Kwaye kwasayinwa AmaXwebhu eMvumelwano (*Memorandums of Understanding*) neSebe lezeMpilo, iSebe lezeNtlalo kunye noMasipala waseMatzikama (eyayisanwe ngoApreli 2013). Abafundi bamaqumrhu asebenzisana nezemfundo (*partnership learners*) abayi-704 babhaliswa, baze abaninzi bayiphumelela imatriki kunye neNqanaba 4. Okwakalokunje kukho abafundi abayi-404 ababhalise kumaziko ayi-15. Ngolu bambiswano phakathi kwesebe lemfundo namaqumrhu, abaqeshwa banikwa ithuba lokufumana isiqinisekiso semfundo se-GETC. Uxwebhu olubizwa 'A *Transversal Policy for the Delivery of ABET to Employees of Provincial Government Departments* luyasebenza.

Iphulo lokufunda nokufundisa i-Kha Ri Gude Mass Literacy campaign) yasekwa ngo-Apreli 2008 ngenjongo yokunika ithuba abantu baseMzantsi Afrika abazizigidi eziyi-4.7 ukuba bakwazi ukufunda nokubala ngolunye lweelwimi zaseburhulumenteni ezilishumi elinanye ungalulanga u-2012. Abafundi bafundiswa ukufunda nokubhala ngolwimi lweenkobe lwabo ngokungqinelanayo nemigangatho yeyunithi ye-A(B)ET inqanaba 1. Abafundi kufuneka ukuba bazalise imisebenzi yovavanyo engamashuni amabini (ayi-10 ngawolwazi lokufunda nokubhala aze ayi-10 ibe ngawolwazi lokubala kwiiPhothifoliyo zeeMvavanyo zaBafundi (*Learner Assessment Portfolios*) (LAPS). Ii-LAPS zimodareyithwa zize zingqinisiswe yi-SAQA. Kwakukho abafundi abayi-14 318 eNtshona Koloni kwiprogram yango-2012, bencediswa ziityhutha eziyi-900.

Kwaqaliswa ngeProjekthi eGxila kuLutsha (*Youth Focus Project*) ngo-2012 ukuphendula kwiimfuno zokufunda zabafundi abakwizikolo zikarhulumente ababephinda iBakala 9 okwesibini, okwesithathu okanye okwesine nababeneminyaka emithathu okanye engaphezulu ngobudala kunabeminyaka eqhelekileyo yeBakala 9. Kwaye kwenziwa yaze yaxhaswa ngemali ukunika ithuba inani labafundi ababeya kufakwa kwiikhosi ezijolise kumakhondo omsebenzi kwiiKholeji zeFET neze-AET ukugqiba ukwenza iprogram yokulungiselela (*bridging programme*) eya kugqitywa ngokuthi kwenziwe i-*General Education and Training Certificate: Adult Basic Education and Training (NQF Level 1)*, ukwenzela iprogram yokufunda ngezakhono zezandla (*artisanship programme*). Abafundi abayi-130 baye bafakwa kumaziko e-AET ukususela ngoJuni 2012, njengenxalenye yale projekthi. Ibhajethi yeli qela labafundi yi-R957 000.00

Inkxaso enikiweyo

Kwaye kwavunywa iMimiselo neMigangatho yokuxhasa ngemali ka-2013/14 amaZiko eMfundo yoLuntu ayi-103 kwiphondo nge-20 Novemba 2012. Zonke ii-CLC zaye zaziswa ngokufanelekileyo ukuba mazibancedise kucwangciso lwabo luka-2013/14, kubandakanywa ukwenziwa kweebhajethi zabo kunye neemfuno ezingummiselo zabasebenzi.

AmaBhunga oLawulo amaZiko aye aye anyulwa ngoSeptemba/Oktobha 2012. Amagosa onyulo (aBaphathi bamaZiko naBaphathi be-AET beze-IMG) babeqeqeshwe ngoJuni 2012. Uqeqesho lwamaBhunga oLawulo amaZiko (*Centre Governing Bodies*) (CGBs) ngenxaxheba nemisebenzi eluxanduva yabo lwalubanjwe ngoOktobha 2012.

Ngo-2012, iiForam zaBaphathi bamaZiko zeZithili zaye zasekwa. Intlanganiso yokuqala yeforam yaBaphathi bamaZiko yephondo yabanjwa ngoAgasti. Ukusekwa nokwenziwa kwemisebenzi sesi straksha kukhokelwa ngumgaqo-sikhokelo olawulayo (*regulatory framework*), owawuvunywe ngoApreli 2012.

Ukuqinisekisa ngenkxaso ethagethiweyo kumaGosa eZithili, kwaye kwabanjwa iirivyu zekota nazo zonke iZithili qho ngekota.

Iziphumo zeemvavanyo

Ngo-2012 kwakukho ukwanda kumanani abhalisela ukubhala iimviwo ze-ABET. Bebonke ngabaviwa abayi-3 987 abaye babhalisela inkalo yesifundo enye okanye ngaphezulu xa kuthelekiswa nabaviwa abayi-343 ngo-2011. Inani lababhalisileyo kwiinkalo zezifundo kwakhona laye landa. Ngo-2012 kwakukho ababebhalisele iinkalo zezifundo abayi-16 987, xa kutheleksiwa ne-14 149 kunye ne-9 551 ngo-2010.

INTshona Koloni yafumana awona manani aphezulu okupasa eenkalo zezifundo ngo-2012, kunye nokupasa kweenkalo zezifundo kwabayi-7 677 xa kuthelekiswa ne-6 762 ngo-2011 kunye ne-5 451 ngo-2010.

Abafundi abadala bafumana iziphumo ezihle kwiinkalo zezifundo ezibini ezitsha ezaziqaliswe ngo-2012 – kwiThekhnoloji yeNgcaciso noNxibelelwano (*Information and Communication Technology*) (85%) nakuPhuhliso lwaBafundi aBaselula (*Early Childhood Development*) (94.7%). Ireyithi yokupasa kwizifundo zoLwazi ngezoBomi lunyuke ukusuka ku-71.1% ngo-2011 ukuya ku-81.1% ngo-2012.

UPhuhliso looTitshala

Ngo-2012, kwenziwa utyelelo lwezithili ukujonga i-District Readiness kumalungiselelo azo nokulungela u-2013. Bonke aBaphathi bamaZiko naBaququzeleli beZikolo baye banikwa uluhlu lweNkalo zeziPhumo ezingundoqo (*Key Result Areas*). Ezi ziphumo zaba yinxalenye yemvumelwano yabo kunye neSebe iWCED.

	Izixhobo zokusebenza zathengwa, zaziswa zaza zafakelwa kwiiwekhishophu eziyi-128	Ukuthenga oomatshini nezixhobo zokusebenza zale mihla ukwenzela iiwekhishophu khon' ukuze izifundo zobugcisa zibe nako ukulungiselela abafundi ingqesho kwiiwekhishophu zale mihla.	Izixhobo noomatshini abatsha nabale mihla kanye baye bafakelwa kwiiwekhishophu eziyi-28	Kudluliwe kwithagethi kuba ukubhajetha kwanika ithuba lokuba kubekho umasifundisane omnye ngaphezulu ekwakufuneka ukuba axhaswe.
	Bayi-445 ootitshala bezikolo zobugcisa abaqeqeshwe ekufundiseni isifundo	Kukuphucula izakhono zootitshala bobugcisa abayi-18 abasuka kwizikolo ezilithoba ukuhlangabezana neemfuno zeshishini elo	Kwaphuculwa izakhono zootitshala abayi-18 abakwizikolo eziphakamileyo zobugcisa ekusebenziseni izibonelelo zekhompuyutha (<i>digital resources</i>) ezisetyenziswa kwishishini elo, umz. i-Autocad.	Ithagethi eyenziweyo.

Igranti/Udidi/ISebe elihlawula imali ngomatshini/Injongo	Isalathisi (Sibhalwe ngokungqinelana noXwebhu lukaZwelonke)	Iziphumo ezilindelekileyo	Iziphumo kanye ezifikelelweyo	Ingxoxo ngomahluko (Variance)
<p>Izikolo zeDinaledi IShedyuli: 5 Injongo: Kukukhuthaza ukufunda nokufundiswa kweMathematika neFizikhali Sayensi; ukuphucula inkqubo yabafundi kwiMathematika nakwiFizikhali Sayensi ngokungqinelanayo nesiCwangciso soMsebenzi sika-2014; ukuphucula ulwazi loofitshala lwezifundo zeMathematika neFizikhali Sayensi. Ihlawulwe ngomatshini: LiSebe leMfundo esiSiseko likazwelonke</p>	<p>Kufuneka iincwadi zezifundo ziyokutsho ku-7 kumfundi ngamnye kumabakala 8, 9, 10, 11 kunye no-12 ukusombulula ingxaki yokunqongophala kweencwadi zezifundo</p>	<p>Kwabonelelwa ngeZikhokelo zeZifundo zeMathematika kumabakala 8 – 12 kwizikolo eziyi-46</p>	<p>Ziyi-46 izikolo ezithatha inxaxheba ezaye zabonelelwa ngeZikhokelo zeFizikhali Sayensi neMathematika ukwenzela amaBakala 8 – 12</p>	<p>Ithagethi yenziwe lthagethi ayenziwanga ngenxa yemingeni kwinkqubo yokuthengwa kwezinto zokufunda nokufundisa. Inkqubo yokuthengwa kwezinto zokufunda nokufundisa iya kuqala kwangethuba ngokwamanye amanqanaba alandelayo okuqalisa. Kubekwe imimiselo yokunika inkxaso yokwenziwa kweenkonzo kwangethuba.</p>
	<p>Ziyi-300 iilaboratri ze-ICT laboratories ezikwizikolo zeeDinaledi ezingenazo iLebhu ze-ICT</p>	<p>Iilaboratri ze-ICT ziya kufakelwa kwizikolo eziyi-48 ngaphandle kweelebhu ze-ICT</p>	<p>Izikolo eziyi-46 zafumana igumbi lelaboratri elungisiweyo leFizikhali Sayensi-ICT.</p>	
	<p>Ziyi-50 iikhompyutha (cacisa) kwizikolo ngasinye kweziyi-500</p>	<p>Ziyi-20 iikhompyutha eziya kufakelwa kwizikolo zeDinaledi eziyi-48 njengenqanaba lokuqala lokuhambelana mbo nomgaqo.</p>	<p>Izikolo eziyi-46 zathenga ubuncinane beekhompyutha eziyi-20 ukuzisebenzisa kumagumbi ezifundo zeMathematika okanye zeFizikhali Sayensi.</p>	<p>Ithagethi yenziwe ngokungephi yaye ukubonelelwa nge-ICT kuyaqhubeleka. Kwabonelelwa izikolo eziyi-46 ngezinto zokufunda nokufundisa ngenxa yenkqubo yokuqatshelwa kweemfuno (needs analysis) eyenziwa kulo nyaka. Inkqubo yokuthengwa kwezinto zokufunda nokufundisa iya kuqala ngokwamanye amanqanaba okuqalisa. Kubekwe imimiselo yokunika inkxaso yokwenziwa kweenkonzo kwangethuba.</p>

Igranti/Udidi/ISebe elihlawula imali ngomatshini/Injongo	Isalathisi (Sibhalwe ngokungqinelana noXwebhu lukaZwelonke)	Iziphumo ezilindelekileyo	Iziphumo kanye ezifikelelweyo	Ingxoxo ngomahluko (Variance)
	Makubekho i- <i>software</i> yokufunda nokufundisa yeMathematika, iFizikhali Sayensi kunye noLwimi loKuqala oLongezelelweyo lwesiNgesi (<i>First Additional Language</i>) (FAL)) kwiZikolo zeDinaledi eziyi-500	Ukuthagetha ukuhambelana mbo nenkqubo kwizikolo eziyi-46	Isimemo sokufaka ii-odolo sanatyiselwa kwizikolo eziyi-46	Ithagethi yenziwe ngokungephi ngenxa yokuba sibe yi-1 kuphela isikolo esacela i- <i>software</i> kusekelwe ekuqwalaselweni kweemfuno zonyaka lowo.
	Bayi-2000 ootitshala abaqeqeshwe kulwazi lwezifundo zeMathematika, iFizikhali Sayensi nesiNgesi FAL	Ukuthagetha ukuhambelana mbo nenkqubo kwizikolo eziyi-46	Kudalwe ithuba kootitshala bezikolo abayi-46 ukuba bathathe inxaxheba.	Ithagethi yenziwa kwaye noqeqesho luyaqhubeka
	Makubekho ukuxhotyiswa kweenqununu kwizikolo zeDinaledi ezifumene ireyithi engaphantsi ko-60% kwiimviwo ze-NSC	Ukuthagetha ukuhambelana mbo nenkqubo.	Akukho nkqubo injalo yenziweyo.	Akukho zikolo zeDinaledi zikhoyo apho ireyithi yokupasa kwiimviwo zeNSC yayingu-60% khona.
	Kubafundi beBakala 8, 9 nele-10 zizikolo eziyi-500 zeDinaledi ezifumene uqeqesho zaze zanikwa inkxaso ukuthatha inxaxheba kwi- <i>mathematics and science Olympiads</i>	Ukuthagetha ukuhambelana mbo nenkqubo kwizikolo eziyi-46	Kudalwe ithuba lezikolo ukucela oluncedo lusekelwe ekuqwalaselweni kweemfuno.	Ithagethi yenziwe yezikolo ukucela oluncedo lusekelwe ekuqwalaselweni kweemfuno.
	Kubekho oomabonakude abanokufumana inkqubo yemfundo yeTV Kubekho iinkqubo zopapasho neempendulo kwimibuzo yezemfundo kwizikolo eziyi-500 zeDinaledi	Ukuthagetha ukuhambelana mbo nenkqubo kwizikolo eziyi-46	Kudalwe ithuba lezikolo ukucela oluncedo lusekelwe ekuqwalaselweni kweemfuno.	Ithagethi yenziwe ngokungephi ngenxa yokuba zizikolo eziyi-10 kuphela ezaye zacela oomabonakude kulo nyaka kusekelwe ekuqwalaselweni kweemfuno zonyaka lowo.

Igranti/Udidi/ISebe elihlawula imali ngomatshini/Injongo	Isalathisi (Sibhalwe ngokungqinelana noXwebhu lukaZwelonke)	Iziphumo ezilindelekileyo	Iziphumo kanye ezifikelelweyo	Ingxoxo ngomahluko (Variance)
	Kuziswe ezikolweni eziyi-500 zeDinaledi isixhobo sokuqwalasela ingxaki ukuvavanya imimiselo nokusombulula iziphene kwimfundo nasekufundiseni iMathematika, iFizikhali Sayensi nesiNgesi FAL. Kubekho iikhithi zeMathematika zezikolo zeDinaledi eziyi-500 lilaboratri zesayensi ezizimobhayili kwizikolo zeDinaledi ezingenazo iilebhu neekhithi zesayensi kwiZikolo zeDinaledi eziyi-500	Ukuthagethela ukuhambelana mbo nenkqubo kwizikolo eziyi-46 kunyaka-mali ozayo	Azidweliswanga njengehagethi yokwenziwa kwizikolo eziyi-46 kwisicwangciso soMsebenzi seGranti eKhutshwa ngeMiqathango yeDinaledi ngo-2012-2013 esingeniswe ngoMatshi 2012.	lithagethi azenziwanga ngenxa yokuba iziphumo eziqatshelweyo zeminye iminyaka engabandakanywayo yeGranti eKhutshwa ngeMiqathango.
<p>IProgram yeCandelo lezeNtlalo eXananazileyo yeMisebenzi kaRhulumente yeGranti esiSibonelelo seNkuthazo kumaPhondo (Social Sector Extended Public Works Programme Incentive Grant to Provinces)</p> <p>IShedyuli: 5</p> <p>Injongo: Kukukhuthaza ngohlobo lwesibonelelo amacandelo ezentlalo wamasebe amaphondo aqatshelwe kwiCandelo lezeNtlalo lika-2012 kwi-EPWP Log-frame ukwandisa ukudalwa kwemisebenzi ngokugxininisa ekomelezeni nasekwandiseni iiprogram zenkonzo yezentlalo ezinako ukubonelela ngengqesho.</p> <p>Kuhlawulwe ngoomatshini ngulo: LiSebe leMisebenzi kaRhulumente</p>	<p>Ukwanda kwenani labantu abaqeshwe nabafumana umvuzo nge-EPWP Ukwanda kwexesha elithathwa ngamathuba omsebenzi adaliweyo</p> <p>Inani elandileyo lamakhaya nabaxhamlayo ekubonelelwa kubo ngeenkonzo Umvuzo owandileyo kulowo uxhamlayo ngamnye kwi-EPWP</p>	Bayi-648 abasebenzi abancedisayo + bayi-8 abancedisi bezolawulo abanamava omsebenzi eenyanga eziyi-10	648 abasebenzi abancedisayo + 8 abancedisi bezolawulo abaqeqeshwe baze babonelelwa ngamava omsebenzi eenyanga eziyi-10	Ayikho

Igranti/Udidi/ISebe elihlawula imali ngomatshini/Injongo	Isalathisi (Sibhalwe ngokungqinelana noXwebhu lukaZwelonke)	Iziphumo ezilindelekileyo	Iziphumo kanye ezifikelelweyo	Ingxoxo ngomahluko (Variance)
<p>IProgram yeCandelo lezeNtlalo eXananazileyo yeMisebenzi kaRhulumente</p> <p>IShedyuli: 5</p> <p>Injongo: Ukukhuthaza amasebe ngezibonelelo ukuba andise iinzame zokudala umsebenzi ngokusebenzisa iindlela zokusebenzisa amandla abasebenzi kakhulu kwiinkalo eziqatshelwe njengekugxininiswa kuzo, ngokuhambelanayo mbo nesikhokelo seProgram yeMisebenzi kaRhulumente eXananazileyo (<i>Expanded Public Works Programme</i>) (EPWP)).</p> <p>Inflawulo ngomatshini: LiSebe leMisebenzi kaRhulumente</p>	<p>Inani elinyukileyo labantu abaqeshwa nabafumana umvuzo kwi-EPWP</p> <p>Ukwanda kwexesha elithathwa ngamathuba omsebenzi adaliweyo</p> <p>Inani elandileyo lamakhaya nabaxhamlayo ekubonelelwa kubo ngeenkono</p> <p>Umvuzo owandileyo kulowo uxhamlayo ngamnye kwi-EPWP</p>	<p>Inani lilonke labasebenzi be-ECD abayi-5 500 ECD abaza kufumana uqeqesho kwiiKholeji zeFET zephondo.</p> <p>Abasebenzi be-ECD abaya kuqeshwa kumaziko abhalisileyo e-ECD kwiSebe lezoPhuhliso lweNtlalo</p>	<p>Inani lilonke labasebenzi be-ECD abayi-5 378 bafumene uqeqesho kwiiKholeji zeFET ezintandathu zephondo.</p> <p>Abasebenzi be-ECD baqeshwa kumaziko e-ECD abhalisiweyo eSebe loPhuhliso lwezeNtlalo.</p>	<p>Asizizo zonke izithuba ezithathwayo njengoko abagqatswa ngamanye amaxesha baye bafumane amanye amathuba.</p>

6.7 Iimali ezivela kubanikeli (*Donor funds*)

Akukho mali zivela kubanikeli zamkelweyo kunyaka ophantsi koqwalaselo.

6.8 Utyalo lwemali, isicwangciso solondolozo nolawulo lwee-asethi

Iiprojekthi zokwakha ezigqitywe ngo-2012/13

Izikolo ezitsha

- Kwanikezelwa ngesikolo esi-1 ngoJuni 2012: i-Sunningdale Primary School
- Kwagqitywa izikolo eziziimobhayili ezisixhenxe ukwenzela ukuba zisetyenziswe ngoJanuwari 2013: i-Concordia Primary School, i-Concordia High School, i-Disa High School, Umyezo Wama Apile High School, i-AZ Berman High School, i-Christmas Tinto Primary School kunye neSoneike High School.

Izikolo ezitshintshiweyo (ukutshintshwa kwezikolo ezazakhiwe ngezinto zokwakha ezingafanelekanga)

Ezi Zikolo ziTshintshiweyo (*Replacement Schools*) zilandelayo zagqitywa ngo-2012/13: i-Cloetesville Primary School ne-New Eisleben Secondary School.

Iiklasi ezongezelelweyo

- Iiklasi zokwanda kwamanani: ziyi-15 iiklasi ezakhiwe kwizikolo ezikhoyo ngoku ukulungiselela amanani obhaliso andileyo
Iiklasi zokuphungula amanani aphezulu: ziyi-24 iiklasi ezaye zakhelwa ukuphungula unxinzelelo olubangelwa kukungabikho kwendawo yokufunda kwiSigaba seSiseko
- Iiklasi zeBakala R: ziyi-59 iiklasi ezagqitywayo. Eziyi-25 zadluliselwa kunyaka ka-2011/2012.
- Kwabonelelwa ngeeyunithi eziziimobhayili: iiklasi eziyi-75

Iziseko zophuhliso ezazicwangciselwe ukwenziwa ngo-2012/13 zicaciswe apha ngezantsi, ecaleni kwamanani okwenziwa kanye kweenkonzo.

Udidi	Abathagethiweyo	Inani kanye
Izikolo ezitsha	4	8 (kubandakanywa izikolo eziziimobhayili)
Izikolo ezitshintshwayo	13	2
Iiklasi zeBakala R	65	59 iiklasi
Iiklasi zokuphungula amanani	No targets set	24
Iiklasi zokwanda kwamanani		15 iiklasi
Iiklasi eziziimobhayili		75 iiklasi

Umahluko kwiithagethi kuxoxwe ngawo phantsi kweProgram 2, ngokunxulumene neProgram yemiLinganiselo yeNtsebenzo (*Programme Performance Measures*) 208 no-209. Ngenxa yezizathu ezichaziweyo kwakukho ezinye iiprojekthi ezalibazisekayo kwenziwe kwanyanzeleka kwenziwe amalungiselelo angamanye ukulungiselela indawo yokufundela.

liProjekthi zokuXhasa ngeMali ulwakhiwo

(a) Izikolo ezitsha

Izikolo ezisisigxina ezazicwangciselwe kuqala ukugqitywa ingadlulanga i-31 Matshi 2013, o.k.t. i-Concordia Primary School kunye neConcordia High School zikumgangatho wokugqibela wenkqubo yethenda.

(b) Izikolo ezitshintshwayo

Ukususela nge-31 Matshi 2013, ezi zikolo zitshintshwayo zilandelayo, ekuqaleni zazicwangciselwe ukugqitywa kunyaka-mali ka-2012/13, zazikwizigaba ezingafaniyo zokwakhiwo: i-Formosa Primary School; i-Pacaltsdorp Primary School; i-St Thomas Primary School; i-Plantation Primary School; i-Fairview Primary School; i-Wes-Eind Primary School; Itsitsa Primary School; i-Rusthof Primary School; Vuyiseka High School; i-Kathleen Murray Primary School; i-Garden Village Primary School; iNalिकाम्वा Primary School.

Inkcitho ihambelana nemimiselo yomsebenzi owenziweyo. Ii-Arhente zokuPhumeza inkqubo zesebe (ISebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente kunye neYunithi yoPhunyezo lweeProjekthi) zijongene nazo zonke iinkqubo zeethenda zezakhiwo ezitsha kunye neeprojekthi ezingqinelana noMthetho woLawulo lweeMali zikaRhulumente kunye neminye imiqathango elawulayo.

Ulawulo lwee-asethi

li-asethi ezingashenxisekiyo

ISebe iWCED isebenzisa iSistim yoLawulo lweNgcaciso yezeMfundo (*Education Management Information System*) (EMIS) kunye neSistim yeRejista yeNgcaciso engeemfundo zeZikolo (*Schools' Register of Needs Information System*) (SRNIS) ekulawuleni ii-asethi ezingashenxisekiyo.

li-asethi ezinkulu ezishenxisekayo

Ngokumalunga nee-asethi ezishenxisekayo, iSebe iWCED lineyunithi yezolawulo lwee-asethi eyinxalenye yeYunithi yokuThengwa kweeMpahla neeNkonzo (*Supply Chain Unit*).

Yonke ifanitshala nezixhobo zokusebenza ezifunekayo kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili zemfundo zithengwa kwindawo enye zize zifakwe kwi-inventri yee-asethi ezishenxisekayo ngokweemfundo ezimiselweyo yiOfisi kaNondyabo kaZwelonke (*National Treasury*).

Kwamiselwa le miqathango ilandelayo ukuqinisekisa ukuba irejista yee-asethi iyafumaneka ukugcina imigangatho ye-akhawunti nokuqinisekisa indlela enempumelelo, esebenza ngokukhawuleza nechanekileyo yokungqinelanisa (*reconciliation*) ingcaciso:

- Ukuthathwa kwestokhwe ngonyaka lisebe lemfundo, njengoko kumiselwe yiMimiselo ye-Ofisi kaNondyebo.
- Ukusayinwa kwee-inventri ngamagosa achaphazelekayo nokungqinisiswa ngaBaphathi abaJongene neStokhwe (*Responsibility Managers*).
- Ukukhutshwa kweesetyhula ngokuhambelana neSahluko 10 seMimiselo ye-Ofisi kaNondyebo.
- Iinkqubo zokuthengwa kweempahla neenkonziso zee-asethi kwiNkqubo yeGosa eliMele ukuPhendula ngokuSetyenziswa kweMali (*Accounting Officer's System*).
- Ungqinelaniso lwenyanga lokuthengiweyo kwi-LOGIS kunye nenkcitho kwi-BAS.
- Ukugcinwa kwerejista yee-asethi enayo yonke ingcaciso efunekayo kwiMimiselo ye-Ofisi kaNondyebo.

Iindlela eziphunyeziweyo ukuqinisekisa indlela eyiyo yokuqatshelwa, yokugcinwa ngokunqatyisiweyo, yokubekwa esweni nokugcinwa kweerekhodi zee-asethi ezishenxisekayo ngobuchule zazilolu hlobo lulandelayo:

- Ii-asethi zafakwa iibhakhawudi, eziphawulwe "RSA" zaza zarekhodwa kwii-inventri.
- Ii-asethi zaphawulwa kwirejista yee-asethi ezishenxisekayo kuzo zonke iindidi zee-asethi zaza zabelwa amanani afana odwa (iibhakhawudi).
- Abaphathi abajongene nestokhwe banoxanduva lokugcina ngokunqatyisiweyo ii-asethi zabo.
- Ii-asethi ezishenxisekayo zarekhodwa kwi-inventri ngokweziko nendawo ebihlawule iindleko. Ii-inventri zangqinisiswa njengezichanekileyo ngabaphathi abajongene neentlawulo zaza zagcinwa kwindawo nganye.

Ngokumalunga nee-asethi ezinkulu nezincinane ezishenxisekayo (ifanitshala, ezinye izixhobo zokusebenza, izixhobo zase-ofisini kunye nezixhobo zekhompuyutha), ii-asethi ezixabisa i-R6 653 127.38 zaye zachithwa (zahlatywa) ngethuba lokunika ingxelo. Ii-asethi ezikwixabiso le-R444 758.70 kwaye kwanikwa ingxelo ngazo ngaBaphathi abaJongene neStokhwe njengezibiweyo kunyaka wokunika ingxelo.

Izikolo

ISebe iWCED lathenga ifanitshala nezixhobo zokukhawulezisa umsebenzi zezikolo. Nakuba kunjalo, ezi zinto, aziyonxalenye yeRejista yee-Asethi zeSebe iWCED. NgokoMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika, 1996 (uMthetho 84 ka-1996), ezi zinto zithathwa njengee- ayithem zee-inventri zezikolo. Kufuneka, ke ngoko, izikolo zinike ingxelo ngezi ayithem zikwii-inventri kwiingxelo-mali zazo zonyaka. IRejista yee-Asethi zeSebe iWCED ibonisa ii-inventri zakwaNdlunkulu kunye nezee-ofisi zithili zemfundo neendawo ezisetyenziswa kuzo ukwenza iinkonzo.

Izicwangciso malunga nee-asethi ezishenxisekayo, ezinjengeemoto

ISebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente lePhondo (ISebe leZithuthi zikaRhulumente (*Provincial Department of Transport and Public Works (Government Motor Transport)*) lilawula ukubonelelwa, ukurhoxiswa nokutshintshwa kwezithuthi ezidala kunye/okanye ezonakeleyo kwiGaraji kaRhulumente (*Government Garage*) (GG). Likwaqulunqa kwakhona umgaqo-nkqubo ngokumalunga nokusetyenziswa kwezithuthi ze-GG lize ligcine irejista yee-asethi kwi-Fleetman system (iimoto ezininzi eziphantsi komnini omnye). ISebe iWCED lijongene nokuhlawulelwa kweelayisensi, ukulondolozwa nokugalelwa kwepetroli kwizithuthi.

ISebe iWCED liqinisekisa ukuba umgaqo-nkqubo wephondo uyasetyenziswa. Likwagcina irejista yezithuthi ezisetyenziswa liSebe iWCED lize libeke esweni usetyenziso lwezithuthi ngokusebenzisa ii-log sheets. I-fleet ekhoyo iyazanelisa iimfuno ezikhoyo njengangoku zeSebe iWCED.

Ulondolozo

Iiprojekthi zolondolozo ezinkulu ezenziweyo ngethuba eliphantsi koqwalaselo zibandakanya:

Inani leeprojekthi	IBhajethi ka-2012/13 R'000	Iindleko zokugqibela ezizikelelwayo R'000
204	R114,725m	R139,725m

I-2011 U-AMP ibonisa oku kulandelayo phantsi kwesi sihloko "User Condition Rating"

Imeko yesakhiwo	Inkcazo eqhelekileyo	Ireyithingi
Sikwimeko entle kakhulu	Akukho ziphene zibonakalayo. Inkangeleko ifana nokuba sitsha. Isalathisi sokungayingxaki: Akukho nto ikhoyo kwindlela esisebenza ngayo. Akukho ngxaki.	C5
Sikwimeko entle	Sibonisa ukudleka nokuba besisetyenziswa okungengako (<i>wear and tear</i>), iziphene ezincinane neempawu ezingephi zokonakala kwiindawo ezikumhandle (<i>surface finishes</i>). Isalathisi sokungayingxaki: Kukho aphaya naphaya, ukungasebenzi kakuhle kwesithuthi. Akungako okungabeka engxakini impilo nokhuseleko okanye iprophathi. Oku kungabangela iindleko ezingengako.	C4
Sikwimeko entlana noko	Ngokwemeko ngokubanzi, iindawo ezonakeleyo zifuna ukulungiswa; sisasebenza, kodwa sifuna ukulungiswa, kukho ukusilela ekusilungiseni sigcinwe sikwimeko entle. Isalathisi sokungayingxaki: Kumana kubakho qho ukungasebenzi kakuhle kwaso. Kukho okungabeka engxakini impilo nokhuseleko okanye iprophathi. Oku kungabangela iindleko eziphakathi.	C3
Sikwimeko embi	Sikwimeko embi kakhulu, kukho neengxaki ekwakhweni kwaso. Inkangeleko yaso ngokubanzi imbi, ipeyinti ixobukile; kwaphuke izinto, iinkonzo azenziwa; kukho iqela elikhulu	C2

Imeko yesakhiwo	Inkcazo eqhelekileyo	Ireyithingi
	leziphene eziphambili. Isalathisi sokungayingxaki: Ukuphazamiseka kakhulu ekwenziweni komsebenzi, kungenzeka ingozi enkulu kwimpilo nokhuseleko okanye kwipropathi. Kukho iindleko eziphezulu/ ilahleko yemali.	
Sikwimeko embi kakhulu	Asinako ukusetyenziswa, akunakuhlala abantu kuso. Isalathisi sokungayingxaki: Asinakusebenziseka, siyingozi enkulu engxamisekileyo kwimpilo nakukhuseleko okanye kwipropathi. Zinkulu kakhulu iindleko.	C1

Zizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezingamakhulu amane anamashumi asixhenxe anesihlanu (475) eziseNtshona Koloni ezireyithwe njengezi-“kwimeko embi”. Izikolo ekuqeshiswa ngazo nezikolo ezakhiwe ngezinto zokwakha ezingafanelekanga (izikolo “zamaplanga”) zimelwe ngokungalinganiyo kolu didi. Kwiminyaka edlulileyo kwenziwe ulondolozo lwezakhiwo oluncinane kakhulu ngabanini beepropathi eziqeshiweyo. Abanini beepropathi banika amaxabiso erenti emiselweyo asezantsi njengesona sizathu siphambili sokuba kungani na lungenziwa ulondolozo lwezakhiwo kwizikolo eziqeshiweyo. Zizikolo ezingamakhulu alithoba anamashumi amahlanu anesibhozo (958) ezireyithwa njengezo “zikwimeko entlana noko” (“fair). Uninzi lwezi zikolo lufanele ukureyithwa njengezo “zikwimeko entle” (“good”) kodwa ukusilela kube semva ukwenza ulondolozo lwezi zakhiwo kuye kwachaphazela iireyithingi.

Zingamashumi amabini (20) izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezireyithwe ngo-“C4”.

Le meko yezakhiwo zeSebe iWCED iye isihla ngokomgangatho yaye iya kuqhubeka ukuhla ngaphande kokuba kuphuculwe ibhajethi yolondolozo okanye kusetyenziswe iindlela ezizezinye. Okufunekayo qho ngonyaka kulondolozo yi-1.5% yexabiso lestokhwe. Nangona iiprojekthi zolondolozo ezicwangcisiweyo ziqhubela phambili ngokwesicwangciso, ukwanda kwaqho ngonyaka kwiindleko kunefuthe kubungakanani boko kufuna ukulungiswa. Yiloo nto iya kuhlala ikho inkxalabo yokuphelelwa lixesha kwestokhwe nokuhla komgangatho waso. Isishwankathelo samanani sicaciswe apha ngezantsi.

Ukuba semva kwenkqubo yolondolozo				
Unyaka-mali	Ixabiso lee- asethi	I-1,5% efunekayo yolondolozo	IBhajethi ekubonelelwe ngayo	Ukuba semva
2004	10,560,000	158,400	73,719	84,681
2005	12,000,000	180,000	76,174	103,826
2006	12,000,000	180,000	90,037	89,963
2007	15,052,800	225,792	37,192	188,600
2008	15,052,800	225,792	52,363	173,429
2009	15,052,800	225,792	73,719	152,073
2010	17,357,885	260,368	102,363	158,005
2011	18,225,779	273,387	108,413	164,974
Ukusilela kolondolozo lulonke ukususela ngo-2004		1,115,551		

Kuye kwakho ukuchaphazeleka okuthile ekusileleni kwenkqubo yolondolozo ngo-2012/13. Ngenxa yenkcitho ehamba kade kwiiprojekthi ezibandakanya ukusetyenziswa kwemali kwizakhiwo, kwaye kwathathwa isigqibo sokwenza uluhlu lweeprojekthi, olwalungazi kubandakanywa kuqala kwi-U-AMP ngenxa yokusetyenziswa kwebhajethi kwizinto eziphambili ngokokubaluleka. Kwanikwa kwakhona ingqwalaselo kucwangciso lweeprojekthi zolondolozo ezazicwangciselwe u-2013/14 ukwenzela ukuba kufumaneka isiqalo esingcono kwinkcitho kulondolozo ecwangcisiweyo kunyaka-mali ka-2013/14. Lilonke, yi-R31 yezigidi eyongezelelweyo eyafakwa kulondolozo ngo-2012/13.

Iiprojekthi yeziseko zophuhliso	2012/2013			2011/2012		
	Ulwabiwo-mali lokugqibela	Inkcitho kanye	(Inkcitho engaphezulu)/ engaphantsi	Ulwabiwo-mali lokugqibela	Inkcitho kanye	(Inkcitho engaphezulu)/ engaphantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Ezintsha kunye nee-asethi ezitshintshiweyo	343,287	343,287	0	407,346	407,346	0
Ii-asethi zeziseko zophuhliso ezikhoyo	357,882	317,567	40,315	323,632	323,632	0
Eziphuculiweyo nezongezelelweyo	134,119	129,189	4,930	176,482	176,482	0
Ukulungiswa ngokutsha (<i>rehabilitation</i>), ukwandiswa (<i>renovations</i>) ukuhlaziywa ngokutsha (<i>refurbishments</i>)	35,875	35,875	0	0	0	0
Ulonolozo nolungiso	187,888	152,503	33,385	147,160	147,160	0
Inlawulo yeziseko zophuhliso						0
- Inlawulo yangoku	42,350	42,350	0			0
- Imali	47468	47468	0	3,199	3,199	0
Iyonke	790,987	750,672	40,315	734,177	734,177	0



I Candelo C
Ezolawulo

1. Intshayelelo

ISebe lenzelwa inkonzo yiKomiti yoPhicotho-zincwadi yeSebe leMfundo (*Education Audit Committee*), yaye onke amalungu ngamalungu azimeleyo atyunjwe liGosa eliMele uKuphendula ngeMicimbi yezeMali (*Accounting Officer*) ngokubhungisana neLungu leSigqeba (*Executive Authority*). IKomiti yoPhicotho-zincwadi isebenza ngokungqinelana "neMihlaba eza kuFikelelwa (*Terms of Reference*)", eyavunywa nge-18 Julayi 2012.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi ihlangana ubuncinane qho ngekota ukuphumeza imisebenzi yayo ngokweMihlaba eza kuFikelelwa evunyiweyo. IKomiti yoPhicotho-zincwadi ikwahlangana kwakhona neGunya leSigqeba neGosa eliMele ukuPhendula ngoSetyenziso lweMali ukwenzela ukuxoxa ngemiba efuna ingqwalaselo.

UPhicotho-zincwadi lwangaphakathi (*Internal Audit*) luqhubekile nokwenziwa ngokuzimeleyo nabenza uMsebenzi woPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi (*Internal Audit Activity*) abathi badityaniswa neZiko leeNkonzo zikaRhulumente (*Corporate Services Centre*) kwiSebe leNkulumbuso.

Ngokungqinelana noMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, 1999, (uMthetho 1 ka-1999) ne-KING III, abenza uMsebenzi woPhicotho-zincwadi lwangaphakathi banika iKomiti yoPhicotho-zincwadi nabaphathi ingqinisekiso yokuba iinkqubo zolawulo lwangaphakathi (*internal controls*) nolawulo lwenkcitho eyilahleko zanele yaye zisebenza ngokuyimpumelelo. Ngokungqinelana nePFMA ne-King III, isiCwangciso esisekelwe kwinkcitho eyilahleko seminyaka emithathu i-risk-based 3-Year Rolling Strategic and Annual Operational Internal Audit Plan saphunyezwa yiKomiti yoPhicotho-zincwadi, yaye iKomiti yoPhicotho-zincwadi yabeka esweni ukuphunyezwa kwesicwangciso sokuza kwenziwa nokuphunyezwa ngabaphathi kwamanyathelo okulungisa undonakele.

Akukho ngxowa-mali iyenye yenziwa yabanokufumaneka yokwandisa ukwazi ukumelana nomsebenzi woPhicotho lwangaphakathi (*Internal Audit capacity*) yaye kulo nyaka kugxininiswa kusetyenziso olungamandla lwezibonelelo ezikhoyo.

AboPhicotho-zincwadi lwangaPhakathi bayaqhubeka ukuqaphela iindima ezidlalwe ngabanye ababoneleli-nkonzo bengqinisekiso yaye banqwenela inkqubo yengqinisekiso edityanisiweyo (*combined assurance approach*) kunyaka ozayo neya kuqinisekisa ukuba izibonelelo zophicotho lwangaphakathi zisetyenziswa kwezona nkalo zenkcitho eyilahleko zifanelekileyo.

Onke amagosa athweswe uxanduva lokumelwa kukuphendula ngeemvumelwano zenkcazo yomsebenzi nangeemvumelwano zentsebenzo. AmaGosa akwaNdlunkulu athweswe uxanduva lokumelwa kukuphendula ngenkxaso yobungcali ekufuneka inikwe kwangexesha kwizithili zemfundo. Izikolo nezithili zemfundo zithweswe uxanduva lokuphendula malunga nenkxaso emayinikwe nangendlela abaqhuba ngayo abafundi. Ukuhamba isikolo kootitshala nabafundi nokusetyenziswa kosuku lwesikolo ngeyona ndlela inenzuzo enkulu, ibe zezona nkalo kujoliswe kuzo.

Uxanduva lokumelwa kukuphendula ngokuqhubeka ezikolweni komelezwa ngamandla ukususela ku-2011 ngokusetyenziswa koMthetho weMfundo wePhondo leNtshona Koloni oFakelwe iziLungiso, 2010 (uMthetho 7 ka-2010) (*Western Cape Provincial School Education Amendment Act*) (Act No 7 of 2010), nowaqala ukusebenza ngoJanuwari 2011.

Ukuthweswa uxanduva lokumelwa kukuphendula kwandiswe ngeendima zokongamela ezidlalwa yi-Ofisi kaNondyebo wePhondo nokaZwelonke (*Provincial and National Treasury*) ngokwemfundo ezinyanzelekileyo (*mandatory elements*) zemijikelo yezicwangciso neyokwenza ingxelo (*planning and reporting cycles*) nejongene nayo yomibini imibandela yezemali nengeyiyo eyezemali. Amathuba okunika ingxelo asusela kwawaqho ngenyanga (umz. engezemali) ukuya kwawaqho ngekota okanye ngonyaka. Onke amacandelo akwiSebe iWCED anamacandelo asebenzisana nawo kwiSebe leMfundo esiSiseko okanye kw+iSebe leMfundo ePhakamileyo noQeqesho) (*Higher Education and Training*) apho kugcinwa khona iingxelo ezilandelelanayo, ingcaciso ngocazululo lwentsebenzo noqikelelo. ISebe leNkulumbuso lenza umsebenzi wokongamela iiprojekthi eziphambili zeWCED ezithi zilandelelwe ngenkqubo ye-*Provincial Dashboard*. Iinkqubo zophicotho-zincwadi, olwangaPhakathi nolwangaPhandle (*Internal and External Audit processes*) ziyongezelela kulawulo lweenkqubo (*controls*) yaye zancedise ekuqinisekiseni ukusebenza kakuhle nolawulo ngobulumko.

Ukuthweswa uxanduva lokumelwa kukuphendula kulawulwa bubudlelwane obumiselweyo (*formal relationship*) obuphakathi kweSebe iWCED no-UMALUSI, oliqumrhu loqinisekiso lomgangatho likazwelonke weziphumo zokufunda. Obu budlelwane bungqinisiswa ekumodareyithweni kwangaphakathi kweenkqubo zovavanyo nokubonelelwa kwenkqubo yeemviwo eyamkelekileyo.

Ngokufanayo nawo onke amanye amasebe karhulumente kwilizwe ngokubanzi, iSebe iWCED lathatha inxaxheba kwisixhobo sokubeka esweni seSebe loMongameli welizwe (*Presidency*), i-*Management Performance Assessment Tool (MPAT)* eyaphanda ngamacandelo amane olawulo, ekungala: *Strategic Planning, Human Resources, Governance and Accountability and Financial Management*. Lo msebenzi wawubalulekile yaye iSebe iWCED labonisa ukuphucuka komgangatho phakathi kwemisebenzi yokuqala neyesibini ngokumalunga noku ngamanqaku angawona maninzi.

UVavanyo lweSikolo Siphela (*Whole School Evaluation*) luyaqhubeka nokunika iingcebiso kungekuko kwiimfundo zenkxaso kwisikolo ngasinye kuphela koko nakwimiba emalunga nenkqubo yezemfundo. Kwenziwa utyelelo lwezikolo lwethuba elifutshane lwezikolo ezincinane, okanye ezo zaziqhuba kakuhle kakhulu. Ukungafani kobude bamaxesha okutyelelwa kuvumele ukuba kutyelelwe izikolo ezingaphezulu. Izikolo ziyakhowudwa ngokweereyithingi ii-*WSE ratings*. Kwabelwana ngeziphumo kwiingxelo zeempawu zokuqhubekayo ii-*trend reports* ukongeza kwiingxelo ezineenkukacha ezininzi ezinikwa izikolo ezichaphazelekayo.

(NgoFebruwari 2012, kwakhona nango-2013, zonke izikolo zagqiba ii-School Improvement Plans (SIPs) kusetyenziswa ikhompnyutha, zenza neethagethi zeminyaka emithathu, zokupasa kwizifundo (*academic performance*); impumelelo kulawulo (*management efficiencies*) (olufana nokungabikho esikolweni kootitshala nabafundi (*teacher and learner absenteeism*); uqeqesho lootitshala, ukucwangcisela ithayimthebhile nezifundo (*timetabling and academic planning*); izibonelelo nolondolozo. Izalathi-nkqubela zingqinelana nezinye zeethagethi zikazwelonke phantsi kwe-Action Plan 2014 (Makufundwe isiHlomelo) yaye zimataniswa neenkalo eziyi-9 ekujoliswe kuzo zovavanyo lwesikolo siphela. Ixabiso lesicwangciso sophuculo lwesikolo kusetyenziswa ikhompnyutha esinjengesi kukuba zonke izikolo zijolise ekuqhubeni amaphulo ongenelelo ngoncedo aphambili. I-SIP ikwayinxalenye yenkqubo yokumelwa kukuphendula, njengoko abanelungelo lokusayina kwisicwangciso bebandakanya inqununu, iSGB neSebe iWCED. Ngo-2013, izikolo zafaka iziCwangciso zazo ii-Action Plans ukucacisa amanyathelo eziza kuwathatha ukufikelela kwiithagethi ezimiselweyo kwii-SIPs zazo.

Indlela entsha eyaqalwa ngo-2012, eqhagamshelwe kwi-School Improvement Plans yaba kukubeka esweni ukwenziwa komsebenzi qho ngekota, i-School Improvement Monitoring, apho kulandelelwa khona imiba ephambili yokusa izibonelelo ezikolweni nokusebenza kwazo (*resourcing and school functionality*) umzekelo unyulo lweSGB, nokulungela unyaka omtsha. Ngenxa yokuba iingxelo zifakwe kwikhompnyutha, idatha inokufunyanwa yaye isetyenziselwe ukuphucula inkxaso enikwa izikolo. Idatha ibangele iSebe iWCED ukuba lihlale linolwazi ngakumbi ngokusiwa kweencwadi zokwenziwa komsebenzi, nto ke leyo ebe luncedo ngalo nyaka bekukho iingxaki ezingumngeni ngokumalunga noku.

2. Ulawulo lwenkcitho eyilahleko (Risk management)

IGosa eliMele uKuphendula ngoSetyenziso lweMali linoxanduva lokuphumeza i-Enterprise Risk Management (ERM) ngokungqinelana ne-National Treasury Public Sector Risk Management Framework. ICandelo iDirectorate Enterprise Risk Management (D: ERM) kwiSebe leNkulumbuso libonelela ngenkonzo endawonye yenkxaso kwizicwangciso (*strategic support service*) kwiSebe.

Ngaphezu koko, ngokungqinelana ne-National Treasury framework nokuzinzisa ngakumbi ulawulo lwenkcitho eyilahleko, uRhulumente weNtshona Koloni wavuma uMgaqo-nkqubo we-ERM ocacisa ingqwalasela emayinikwe liphondo ngokubanzi ngokumalunga ne-ERM.

IsiCwangciso i-ERM Implementation Strategy senziwa ngenjongo yokuba kufunyanwe i-Enterprise Risk Management Plan yesiCwangciso seSebe iWCED. Oku kuya kubangela ukuba ekugqibeleni iSebe lizenze iinkonzo zalo ezicaciswe kwiinjongo zeSebe, nezalathi-nkqubela nokuphucula ukwenziwa kwezigqibo ezimalunga nelahleko nokuphucula ngakumbi ukuthotyelwa kwemithetho echaphazelekayo. Sikwacacisa ngakumbi iindima nemisebenzi yabaphathi nabasebenzi ngokuzinzisa ulawulo lwenkcitho eyilahleko kwiSebe yaye sicacisa

imithetho, imigangatho, izixhobo, iinkqubo, nezibonelelo emazisetyenziswe ukuphumeza isicwangciso se-ERM.

KwiSebe iWCED, iKomiti yeSigqeba yeSebe kwangaxeshanye ikwenza inkonzo njenge-Enterprise Risk Management Committee (ERMCOM), yaye kuqeshwe amalungu ngokusesikweni ngolu hlobo. Kunyaka ophantsi koqwalaselo i-ERMCOM yahlangana qho ngekota ukubeka esweni iprofayili yenkcitho eyilahleko nokujongana nenkcitho eyilahleko yeSebe.

Uvavanyo lwenkcitho eyilahleko lwenziwa kumanqanaba eeprogram nezicwangciso qho ngekota ukwenzela ukujongisisa nokuhlaziya iilahleko ezikhoyo nokuqaphela iilahleko ezisaqalayo (*update existing risks and identify emerging risks*). Inkcitho eyilahleko ebonakalayo echaphazela iinjongo iyavavanywa ngokwezicwangciso neziphumo ezinokubakho; kwenziwa izicwangciso zokujongana nelahleko (*risk treatment plans*) nemihla yeethagethi yaye abanini-lahleko baziwe nokuba banoxanduva lokujongana nenkcitho leyo iyilahleko.

ICandelo le-ERM likwasebenzisana ngokusondeleyo nenkcuba-buchopho kwezenkcitho eyilahleko etyunjweyo ezincedisa ekuqhubeni inkqubo ye-ERM kwiSebe.

ISetyhula 5 ka-2013, yomhla we-1 Februwari 2013, yaqalisa uMgaqo-nkqubo: *UMgaqo-nkqubo ongeNkcitho eSetyenziswe Gwenxa, ngokuNgenanzuzo nangokuDyakraza nengaGunyaziswanga kwiSebe iWCED (Policy on Irregular, Fruitless, Wasteful and Unauthorised Expenditure in the Western Cape Education Department.*

Umgqo-nkqubo, ojongene phakathi kwezinye izinto nokwazi, ukurekhoda nokuxela inkcitho eyi-irregular, fruitless, wasteful and unauthorised expenditure ngokwesiqendu 38(1)(g) kuMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, 1999, (uMthetho 1 ka-1999) (*Public Finance Management Act, 1999 (Act 1 of 1999)*). Ujolise ekuqinisekiseni iinkqubo ezisebenzayo, nezisekuhlani zolawulo lwezemali neelahleko, nolawulo lwangaphakathi

3. Ubuqhophololo norhwaphilizo (Fraud and corruption)

URhulumente weNtshona Koloni wamkela i-Anti-Corruption Strategy engqina ukuzimisela kwephondo ekubutshabalaliseni neengcambu ubuqhophololo norhwaphilizo. ISebe likwavume isiCwangciso i- *Fraud Prevention Plan*.

Kuye kwaqhutyekwa nophando olumalunga nolwaphulo-mthetho (*Forensic Investigations*) yiYunithi iForensic Investigating Unit eyafakwa kwiZiko leeNkonzo zikaRhulumente (*Corporate Service Centre*) kwiSebe leNkulumbuso. Amajelo amaninzi okwenza iingxelo (*Various channels for reporting*) ngezityholo zokubakho kobuqhophololo norhwaphilizo, yaye ezi zinto zichazwa ngokukhulu kwi-Anti-Corruption Strategy nakwi-Departmental Fraud Prevention Plan. Isityholo ngasinye esifunyenweyo yi-Forensic Investigating Unit sarekhodwa kwi-Case Management

System esetyenziswa njengesixhobo solawulo sokunika ingxelo ngenkqubela eyenziweyo malunga namatyala anxulumene neSebe.

Siyabakhusela abaqeshwa abavula umlomo bathethe xa berhanela ukuba kukho ubuqhophololo norhwaphilizo nobusela ukuba oko kuxela kokukhuselekileyo (a *protected disclosure*) (kungeyonjongo yolunya). Ithuba lokuhlala ungaziwa ukuba ungubani na linikwa nawuphi na umntu oxela izenzo zobuqhophololo, ubusela norhwaphilizo yaye xa benokuthi bakwenze oko bona ngokwabo, amagama abo agcinwa eyimfihlo ngumntu abaxela kuye.

Bakuba buqinisekisiwe ubuqhophololo norhwaphilizo emva kokugqitywa kophando, umqeshwa ochaphazelekayo, othathe inxaxheba kwezi zenzo usiwa kwiingxoxo zoluleko. Kwiimeko ezinjengezi, ummeli we-WCG oqalisa iingxoxo zoluleko kufuneka anike iingcebiso ngokugxothwa komqeshwa ochaphazelekayo. Apho kufunyanisiwa ubungqina bembonakalo yokuqala (*prima facie evidence*) malunga nolwaphulo-mthetho, umbandelo wolwaphulo-mthetho uxelwa kwiNkonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika.

4. Ukunciphisa ukuNgqubana kweemfuno

Qho ngonyaka okanye njengoko iimeko zinokutshintsha, kufuneka abaphathi abakhulu (*senior management service*) bazalisa isibhengezo esibhalwe '*No conflict of Interest*' ('Akukho kungqubana kweemfuno') yaye basingenise. Onke amalungu ekomiti yokhuphiswano ngamaxabiso nabasebenzi beCandelo loLawulo lokuThengwa kweNkonzo neMpahla (*Supply Chain Management*) kufuneka kwakhona baxele naluphi na ungqubano lweemfuno lokudlelelela abanye. ISebe ngoku likwafuna ukuba zonke inkampani ezikhuphisana ngamaxabiso (*bidders*) zivakalise unxulumano lwazo olunokubakho nabo nabaqeshi okanye nabaqeshwa. Amalungu eKomiti yoPhicotho-zincwadi nawo kufuneka angenise iingxelo zawo ezithi 'Akukho kungqubana kweemfuno zokudlelelela abanye'.

5. Umgaqo wokuziphatha

Isebe lihamba ngqo ngokoMgaqo iPublic Service Code of Conduct.

UMgaqo-nkqubo iPolicy on the Acceptance of Gifts by Office-based Officials of the weSebe leMfundo leNtshona Koloni, wavunywa nge-27 Matshi 2013. Lo mgaqo-nkqubo ujongene, phakathi kwezinye izinto, neRejista yeZipho (*Gift Register*), iinkqubo zokuzaliswa kweefom ii-Declaration Forms, iMibuzo eBuzwa Rhoqo (*Frequently Asked Questions*) nethemplethi yeRejista yeZipho (*Gift Register template*).

6. Imiba yezempilo, ukhuseleko nemiba yokusingqongileyo

Ukhuseleko lwabafundi nootitshala ezikolweni ngowona mngeni uphambili kwaye iSebe limisele amaqumrhu obuhlakani namanye amasebe ephondo achaphazelekayo ukujongana nalo mba. Ukuthatha inxaxheba kwabahlali kuhlala kungumba ophambili kumlo ochasene nobundlobongela obuchaphazela izikolo zethu ezisengozini enkulu. ISebe lineekhamera ii-CCTV cameras kwizikolo ezithile ukwenzela ukuba iinqununu zezikolo zibeke esweni okuqhubekayo.

7. IYunithi yoLawulo lwaNgaphakathi

IYunithi yoLawulo lwaNgaphakathi (*Internal Control Unit*) yamiselwa ukususela nge-01 Novemba 2012. IYunithi yagqiba ungqinisiso kangange-100% lwazo zonke iivawutsha zentlawulo zango-2012/13 ukwenzela ukufumanisa inkcitho eSetyenziswe Gwenxa, ngokuNgenanzuzo, ngokuDyakraza nengaGunyaziswanga (*irregular, fruitless and wasteful and unauthorised expenditure*) kwakunye nokungathotyelwa kwemigqaliselo.

8. Ingxelo yoPhicotho-zincwadi (Audit Committee report)

URhulumente wePhondo leNtshona Koloni – ISebe lezeMfundo (IBhajethi 5 evunyiweyo (Vote 5))

Ingxelo yoPhicotho-zincwadi (Audit Committee report)

Sinovuyo lokwandlala ingxelo yethu yonyaka-mali ophela nge-31 Matshi 2013.

Amalungu eKomiti yoPhicotho-zincwadi noKubakho kwawo

IKomiti yoPhicotho-zincwadi inala amalungu adweliswe apha ngezantsi yaye ifanele ukuhlalanga ubuncinane amaxesha amane ngonyaka ngokwee-*terms of reference* ezivunyiweyo. Kunyaka-mali ophantsi koqwalaselo, ziyi-8 iintlanganiso ebezibanjiwe. UMnu Kingwill uya kuba nguSihlalo ukususela nge-18 Juni 2013 ngenxa yokulahla esikhundleni kukaProfesa Calitz obengusihlalo. UProfesa Calitz uya kuqhubeka njengelungu leKomiti yoPhicotho-zincwadi.

Igama leLungu neNani leeNtlanganiso ekuYiweyo kuzo

UProfesa E Calitz (USihlalo ophinde wanyulwa kwakhona nge-01 Januwariu 2013)	8
Mnu L Mdunyelwa	5
Mnu L Nene	7
Mnu RI Kingwill	7
Nks Z Abrams	4

Umsebenzi weKomiti yoPhicotho-zincwadi

IKomiti yoPhicotho-zincwadi inika ingxelo yokuba iyithobele imigaqo emalunga nemisebenzi yayo ngokwesiqendu 38(1)(a) se-PFMA ne-Treasury Regulation 3.1. IKomiti yoPhicotho-zincwadi ikwanike nengxelo yokuba isebenzise imigaqo efanelekileyo (*appropriate formal terms of reference*) njengeTshatha yeKomiti yoPhicotho-zincwadi, yaye ilawule imicimbi yayo ngokungqinelana nale tshatha yaza yenza yonke imisebenzi yayo njengoko iqulethwe apho kuyo.

Ukusebenza ngempumelelo koLawulo lwaNgaphakathi

Sizijongisisile iingxelo zaBaphicothi-zincwadi baNgaphakathi (*Internal Auditors*), ingxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele neeNgxelo-mali zoNyaka (*Annual Financial statements*) neNgxelo yoLawulo ye-Auditor-General of South Africa (AGSA); yaye nangona kuye kwaqatshelwe ukuphucuka komgangatho okubonakalayo, ikomiti iziqaphele ezo nkalo zichaziweyo kwingxelo yoLawulo ye-AGSA. Kuya kubekwa esweni amanyathelo olungiso abaphathi nokuzimisela kwabo ukujongana nokusilela kwiinkqubo zolawulo lwangaphakathi ngethuba leentlanganiso zethu zokujongisisa oku zaqho ngekota. Apha enyakeni, ukungasebenzi kakuhle kolawulo kwaqatshelwa luPhicotho lwangaPhakathi (*Internal Audit*) kwezi nkalo zilandelayo:

- UPuhliso looTitshala aBanobuchule (*Teacher Competency Development*)-Ootitshala bemfundo eneemfuno ezizodwa
- Inkcitho engagunyaziswanga
- IsiCwangciso soPhuculo lweSikolo – UCwangciso lweKharityhulam
- Ulondolozo lweziseko zophuhliso –izikolo eziqeshiweyo
- I-CEMIS/DMIS

Njengenxalenye ye-*Western Cape Government IT Internal audit plan*, uvavanyo lweemeko ezingqonge ulawulo nokhuseleko lwe-IT oluxhasa i-CEMIS ne-DMIS lwaqhutywa yi-*Ernst and Young* neyaqaphela ukusilela kulawulo olubalulekileyo.

Kuphunyezwa amanyathelo olungiso kule miba ingentla ngabapathi yaye ibekwe esweni yiKomiti yoPhicotho-zincwadi.

Sikhankanye ukuba iSebe lithathele kulo umsebenzi nobunini bokuphunyezwa kwemethodoloji nomsebenzi we-*Enterprise-wide Risk Management (ERM)*. Umngeni uhlala ikukumisela kwe-ERM kwiZiko lilonke. IKomiti yoPhicotho-zincwadi iqaphele inkcitho eyilahleko ekusafunwa ingcaciso ngayo (*emerging risks*) yaye iya kukubeka esweni oku rhoqo.

Inkqubela kwakunye nemibandela yophando ngeenkitho eziyilahleko kwiSebe (*forensic matters*) eliphantsi kophando kwiKomiti yoPhicotho-zincwadi qho ngekota, ibekwe esweni yiKomiti yoPhicotho-zincwadi. Lo gama kusaqwalaselwa iqela lemibandela, kuncitshisiwe ukusilela kwimibandela ethile.

Sikujongisisile yaye sakuvuma ukwamkelwa ngabaphathi kweNgxelo yoLawulo ye-AGSA. Siyangqina ukuba akukho miba ingasonjululwanga.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi yanelisekile yikhontenti nomgangatho weengxelo zekota ngokumalunga nolawulo lonyaka neengxelo zentsebenzo yaqho ngekota ezingeniswe ngokwe*National Treasury Regulations ne-Division of Revenue Act* ezilungiswe zaza zakhutshwa liGosa eliMele ukuPhendula ngoSetyenziso lweMali kunyaka ophantsi koqwalaselo.

Sisiphumezile isigunyaziso sethu ngokumalunga neengxelo-mali zonyaka njengoko kucacisiwe apha ngezantsi.

Ukuhlolwa kweNgxelo zoKusetyenziswa kweMali

IKomiti yoPhicotho-zincwadi:

- Ihlolisise yaza yaxoxa noMphicothi-zincwadi Jikelele neGosa eliMele ukuPhendula ngoSetyenziso lweMali ngeNgxelo-mali zoNyaka (*Annual Financial Statements*) eziza kubandakanywa kwiNgxelo yoNyaka;
- Ihlolisise i-*Auditor-General's Management Report* nempendulo yabaphathi ngokubhekiselele kuyo ;
- Ihlolisise iinguqu kwimigaqo-nkqubo yeze-akhawuntingi neenkqubo njengoko kwenziwe ingxelo kwiiNgxelo-mali zoNyaka ;
- Ihlolisise iinkqubo zeSebe zokungqinelana nemigaqo nemithetho elawulayo (*legal and regulatory provisions*);
- Ihlolisise ingcaciso emalunga neenjongo esele zimiselwe njengoko kucacisiweyo kwingxelo yonyaka;
- Ihlolisise uhlelwa-hleliso olubalulekileyo olubangelwe lolu phicotho yaye
- Ihlolisise yaye apho kufanelekileyo yacebisa ngeenguqu kwiingxelo-mali zethutyana njengoko zandlaliwe kwiSebe kangangeenyanga ezintandathu eziphela nge-30 Septemba 2012.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi iyavumelana yaye iyazamkela izigqibo zoMphicothi-zincwadi Jikelele malunga neNgxelo-mali yoNyaka, yaye icebisa ukuba iiNgxelo-mali eziPhicothiweyo (*Annual Financial Statements*) zamkelwe yaye zifundwe kunye nengxelo ye-AGSA.

Uphicotho-zincwadi lwangaphakathi

Ngokungqinelana neemfuno ze-PFMA nokuthathela ingqalelo i-*King III Report* malunga neemfuno zikaRhulumente weNtsebenziswano (*Corporate Governance*), uPhicotho-zincwadi lwangaphakathi (*Internal Audit*) lubonelela iKomiti yoPhicotho-zincwadi noLawulo (*Audit Committee and Management*) ngengqiniseko yokuba

iinkqubo zolawulo lwangaphakathi (*internal controls*) zifanelekile yaye ziyimpumelelo. Oku kunokufikelelwa ngokusetyenziswa kwesicwangciso sophicotho lwangaphakathi olusekelwe kwinkcitho eyilahleko (*a risk based internal audit plan*). Uphicotho lwangaphakathi luvavanya ukufaneleka nokusebenza ngempumelelo kolawulo lwangaphakathi ukunciphisa iilahleko yaye iKomiti yoPhicotho-zincwadi ibeke esweni ukuphunyezwa kwamanyathelo olungiso.

Uphicotho lolawulo lwangaphakathi olulandelayo lwacwangciswa yaye lwavunywa ngonyaka ophantsi koqwalaselo:

- Inkcitho engaGunyaziswanga
- Iziseko zophuhliso-Ulondolozo i-Schedule Maintenance
- Amaphulo ongenelelo ngoncedo eziCwangciso zoPhuculo lweZikolo (*School Improvement Plan Based Interventions*)
- Inkqubo yaBacebisi emalunga nokuNgqubana kweeMfuno (*Conflict of Interest Consulting Engagement*)


IKomiti yoPhicotho-zincwadi ihlala inenkxalabo ngokuba kufuneka kunikwe ingxelo ngophicotho-zincwadi ukuze kufikelelwe kwipesenti ebalulekileyo yeenkalo zenkcitho eyilahleko enkulu. IKomiti yoPhicotho-zincwadi iya kukhuthaza ingqinisekiso eyandisiweyo kwiinkalo zenkcitho eyilahleko ebonakalayo ngokongamela ukuphunyezwa kweemigqaliselo yengqinisekiso edityanisiweyo.

Ingxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele

Sijongisise isiCwangciso sophunyezo seSebe (*Department's implementation plan*) kwimiba yophicotho-zincwadi ephakanyiswe kunyaka ongaphambili qho ngekota. IKomiti yoPhicotho-zincwadi ihlangene noMphicothi-zincwadi Jikelele waseMzantsi Afrika (*Auditor-General South Africa*) ukuqinisekisa ukuba akukho mibandela ingasonjululwanga ethe yabangelwa yimithetho elawula uphicotho (*regulatory audit*). Amanyathelo okulungisa imeko ngeziphumo ezicacisa iinkcukacha ezininzi (*detailed findings*) ezibangelwe yimithetho elawula uphicotho olukhoyo njengangoku (*current regulatory audit*) aya kubekwa esweni yiKomiti qho ngekota.

Umbulelo


IKomiti inqwenela ukuvakalisa umbulelo kumagosa eSebe, kuMphicothi-zincwadi Jikelele waseMzantsi Afrika (*Auditor-General South Africa*) nakwiYunithi yoPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi (*Internal Audit Unit*) ngentsebenziswano nengcaciso abayinikileyo eyenze sabanako ukwenza le ngxelo.



Mnu RI Kingwill

USihlalo weKomiti yoPhicotho-zincwadi yeSebe leMfundo

Agasti 2013



ICandelo D
**ULawulo kwiCandelo
lezaBasebenzi**

1. Imithetho yoLawulo lweMicimbi yaBasebenzi

Ingcaciso enikwe kweli candelo imiselwe yiMimiselo yeNkonzo kaRhulumente (*Public Service Regulations*) (ISahluko 1, ICandelo III J.3 and J.4).

UMthetho weeMeko zeNgqesho ezisiSiseko, ka-1997 (UMthetho 75/1997) njengoko ufakelwe izilungiso (*Basic Conditions of Employment Act, 1997 (Act 75/1997)*),
"UMthetho wezoBudlelane emSebenzini" 1995 (uMthetho 66 ka-1995),
UMthetho woBulungisa kwezeNgqesho, 1998, (uMthetho 55 ka-1998),
I-Occupational Health and Safety Act, 1993 (Act 85 of 1993),
I-Compensation for Occupational Injuries and Diseases Act, 1993 (Act 130 of 1993),
I-Government Employees Pension Law, 1996 (Proclamation 21 of 1996),
UMthetho wezeNgqesho wooTitshala ka-1998, (UMthetho 76 ka-1998),
UMthetho weNkonzo kaRhulumente, 1994 (IsiBhengezo 103 sika-1994) kunye noMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996;
I-Promotion of Equality and Prevention of Unfair Discrimination Act, 2000 (Act 4 of 2000),
UMthetho woKhuthazo loFikelelo kwiNgcaciso, 2000, (uMthetho 2 ka-2000)
UMthetho oKhuthaza uLawulo ngoBulungisa, 2000 (UMthetho 3 ka-2000)
(*Promotion of Access to Information Act, 2000, (Act 2 of 2000)*)

Ingcaciso ibonisa ukuba ukuma kwesebe ngokweempawu ezimalunga nohlanga, isini nokukhubazeka, njengoko kuyimfuneko kuMthetho woBulungisa kwezeNgqesho neSebe leNkonzo kaRhulumente noLawulo. Izithuba ezabelwe amaziko zifuna amabanga emfundo awahlukeneyo afana neSatifikethi seMatriki, amabanga emfundo yobugcisa okanye abanezidanga neediploma nabanemfundo yasemva kwesidanga sokuqala, kwanabanobuchule bamanqanaba athile. UMthetho woBulungisa kwezeNgqesho (*Employment Equity Act*) ucacisa ukuba ekumiseleni amaqela ekubhekiswa kuwo ingaba amele ngokulinganayo na kuluhlu nakumanqanaba emisebenzi (*occupational category*) kubasebenzi bomqeshi (*employer's workforce*), inani lemiba emayithathelwe ingqalelo ebandakanya amanani abantu abaqeqeshwe ngokufanelekileup (*pool of suitably qualified people*) kwiqela ekubhekiswa kulo umqeshi ekulindeleke anyusele okanye aqeshe abaqeshwa. Amanani aboniswe kweli candelo awayithatheli ngqalelo le miba yaye awabonisi ukuba iinkcukacha-manani zabemi belizwe ezinikwe luBalo-bantu lwango-2011 (*2011 Census*), abonisa ipesenti encinane kakhulu yabemi baseNtshona Koloni abaneMatriki namabanga emfundo asemva kwemfundo yasemva kweyematriki. Lo mba ucacisa "amanani abantu abaqeqeshwe ngokufanelekileyo" apho uRhulumente weNtshona Koloni anokuqesha khona abasebenzi (njengoko kucacisiwe kuMthetho woBulungisa kwezeNgqesho (*Employment Equity Act*)). ISebe liyaqhubeka nokutyala imali kumanyathelo okwandisa iqela labasebenzi abafanele ukuqeshwa abanako ukukhuphisana ukwenzela amathuba ezengqesho ukwandisa, ukumela ngobulungisa kuwo onke amahlelo namanqanaba emisebenzini.

2. Intshayelelo

Isishwankathelo semiba yeCandelo lezaBasebenzi kwiSebe

Ulawulo lwamanani ezithuba ezabelwe amaziko zeSebe iWCED lubaluleke gqitha kwimpumelelo yezemfundo ezikolweni. ISebe iWCED labe izithuba eziyi-154 ngaphezulu ukulungiselela unyaka wokufunda ka-2013. Ngaphezu koko, iSebe laphumeza umlinganiselo wenani ophuculweyo womfundi notitshala (*improved learner/educator ratio*) kwiSigaba seSiseko. ISebe liphumelele ukwandisa amanani alo ootitshala abasisigxina yaye ke ngoko inkqubo yezemfundo izinzile ngokubanzi. Kuthathwe amanyathelo okuqinisekisa ukuba umlinganiselo wenani ophuculweyo womfundi notitshala ka-1:37 kwizikolo eziziprayimari nongu-1:33 kwizikolo eziphakamileyo. Isebe likwaqalise isicwangciso esijolise kwiinjongo sokufaka ootitshala kwezinye izithuba (*goal oriented deployment plan*) kootitshala abangaphezu kwemfuneko nokunciphisa inani bubungqina boku. Ngethuba elisusela kwi-1 April 2012 ukuya kwi-31 Disemba 2012, iSebe iWCED lanciphisa inani lootitshala abangaphezu kwemfuneko ngo-149. Abanye abayi-53 ootitshala abangaphezu kwemfuneko bafakwa kwizithuba kwikota yokuqala ngo-2013.

ISebe liphumelele ukukhupha izintlu zezithuba ezintlanu zootitshala kunyaka wesikolo ka-2012.

Iprayorithi zeHR ezimiselweyo kunyaka ophantsi koqwaselo nefuthe lazo

Isebe liwuthatha njengeprayorithi umba wokugaywa kwabaphathi abanobuchule amabaqeshwe njengenqununu ezikolweni. Abameli besebe kwezo phaneli zokhetho zilolu hlobo bebehlaniphele ukuqinisekisa ukuba inkqubo yokumangala esemthethweni iyalandelwa.

Enye iprayorithi ibe kukunciphisa amanani abaqeshwa abakwikhefu ithuba elide ukwenzela ukunika isiqabu kuxinzelelo lwezemali kwisebe kuba oku kubangela ukuba kuqeshwe ootitshala ababambelayo.

Inkqubo-sikhokelo yesicwangciso sabasebenzi (Workforce planning framework) nezicwangciso eziphambili zokuloba nokugaya abasebenzi abanezakhono nabanako ukusebenza (skilled and capable workforce).

ISebe leMfundo lanciphisa inani elingumndilili lootitshala bethutyana ukusuka ku-2 488 (2011/12) ukuya ku-2 260 (2012/13) kunye nenani elingumndilili lootitshala abanceda kwiindawo zabangekhoyo (*relief educators*) ukusuka ku-280 (2011/12) ukuya ku-262 (2012/13), ngokwenjenjalo kuqinisekiswa ukuzinza okukhulu kwinkqubo yemfundo ngokubanzi. ISebe leMfundo kwakhona lanciphisa inani labasebenzi benkonzo zikarhulumente bethutyana ukusuka ku-1 148 (2011/12) ukuya ku-910 (2012/13).

ISebe leMfundo kwakhona likwazile ukufaka abo baye bafumana ibhasari yeFunza Lushaka abayi-298 ukusombulula iimfuno zekharithulam kumaziko emfundo.

IPhondo leNtshona Koloni
ISebe leMfundo
IBhajethi 5 Evunyiweyo
INGXELO YEGOSA ELIMELE UKUPHENDULA NGOSETYENZISO LWEMALI
Kunyaka ophela nge-31 Matshi 2013

4. Ukusetyenziswa kweemali zabanikeli

ISebe leMfundo alizange lifumane naziphi na iimali zabanikeli ngethuba lokunika ingxelo.

5. Amaqumrhu orhwebo namaqumrhu karhulumente

ISebe leMfundo alinawo amaqumrhu alolo hlobo.

6. Amaqumrhu ahlawuliweyo

Iintlawulo zenziwa kwii-arhente zamasebe nakwii-akhawunti nakumaziko emfundo. Oku kunikwe iingxelo ngako kwiziHlomelo 1A no-B zeeNngxelo zeMali zoNyaka (*Annual Financial Statements*).

Iintlawulo zithunyelwa kumaziko emfundo ngokweMithetho yePalamente ewalawulayo. Umzekelo, iintlawulo zenziwa kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo zolwabiwo-mali lwe-*norms and standards funding* njengoko kuchaziweyo ngokoMthetho weZikolo waseMzantsi Afrika, ka-1996 (UMthetho No 84 ka-1996). IsiHlomelo 1B seeNngxelo zeMali zoNyaka zibonelela ngenkcazelo engaphezulu ngohlobo ngalunye lwequmrhu.

ISebe leMfundo lisebenzisa isiQendu 38(i)(j) soMthetho woLawulo lweeMali zikaRhulumente, ka-1999 (*PFMA*), efuna amaziko emfundo amkela iintlawulo ukungqina ukuba bachitha iimali ezo kwinjongo ezabelwe yona. Apha amaziko emfundo achaphazelekayo kufuneka abhengeze aze asayine isatifikethi phambi kokuba kuqaliswe ngeentlawulo ezilandelayo. Emva koko, ngokwemithetho ephathelele kumaziko emfundo athile, banoxanduva kwakhona lokungenisa iingxelo zemali ezi-odithiweyo kwisebe lemfundo ungadlulanga umhla osikiweyo ukwenzela ukuba uqwalaselwe kwakhona kunye nokuhambelana nenkqubo. Ii-Ofisi Zezithili zeMfundo zinika ingqwalaselo eyodwa ekuxhobiseni ngezakhiwo kulawulo lwezemali kwinqanaba lesikolo kunye nokunika inkxaso eqhubelekayo. Le nkqubo ibekwa esweni qho.

7. Intsebenziswano namaziko abucala norhulumente (*public private partnerships*) (*PPP*)

ISebe leMfundo alikhange lingene kuyo nayiphi na imvumelwano ngethuba lokunika ingxelo.

**IPhondo leNtshona Koloni
ISebe leMfundo
IBhajethi 5 Evunyiweyo
INGXELO YEGOSA ELIMELE UKUPHENDULA NGOSETYENZISO LWEMALI
Kunyaka ophela nge-31 Matshi 2013**

8. Amalungiselelo olawulo lweziko lezemfundo (*Corporate governance arrangements*)

Kucelwa ujonge ingxelo kwiSahluko C: EzokuPhatha.

9. Imisebenzi eyekiweyo / imisebenzi ekungasazi kuqhutyekwa nayo

Ayikho

10. Imisebenzi emitsha /ecetywayo

Ayikho

11. Ulawulo lwee-asethi

ISebe lemfundo liziphumeze zonke izigaba ezibalulekileyo (*milestones*), njengoko kucacisiwe kwii-*Asset Management reforms*. Inkqubo yokungqinisiswa kwee-asethi yenziwa qho kunyaka wesibini ukuqinisekisa ukuphucula imeko rhoqo. Zonke ii-asethi zifakwe ekhompuytheni kwirejista yee-asethi yaze imeko/ubume be-asethi nganye barekhodwa.

Iirejista zee-asethi zeeklasu ezizimobhayili nezinto zokufunda zaselayibrari zahlaziywa ngokutsha zaza zangeniswa kuMphicothi-ncwadi Jikelele njengexalenye yeemfuno ezingummiselo zika-2012/13. Ezo zinto zokufunda zaselayibrari ezingachazwanga njengee-asethi zisetyenziswa ziphele.

12. Iziganeko zasemva komhla wokunika ingxelo

Akukho ziganeko zenzekileyo phakathi kwe-31 Matshi 2013 kunye nomhla wokuvunywa kweengxelo zemali nge-31 Meyi 2013 nekwakufuna ukuba kulungiswe phaya naphaya iingxelo zemali.

13. Ingcaciso ngeenjongo esezichaziwe kwangaphambili

Ingcaciso ngokwenziwa komsebenzi irekhodwa qho ngekota ize ingeniswe kwi-Ofisi kaNondyabo wePhondo. Ukuphucula ukukwazi ukuphendula ngokwenzayo nokwenza izinto ngokusekuhlani (*accountability and transparency*), iSebe leMfundo lenze izalathi-nkqubela zalo ukongeza kwezo zimiselwe kuzwelonke licandelo lemfundo. Ezi zinto zibekwa esweni qho. Nakuba kunjalo, uninzi lwazo ziithagethi zaqho ngonyaka.

I-Central Education Management Information System (*CEMIS*) inika idatha yabafundi ize yona i-PERSAL inike inani labasebenzi kunye nenkcitho. Isebe lemfundo linomgaqo-nkqubo wokunika ingxelo kwaye bonke abaphathi bagcina baze babonelele ngobungqina ukunika inkxaso idatha njengoko

**IPhondo leNtshona Koloni
ISebe leMfundo
IBhajethi 5 Evunyiweyo
INGXELO YEGOSA ELIMELE UKUPHENDULA NGOSETYENZISO LWEMALI
Kunyaka ophela nge-31 Matshi 2013**

kufunekayo. I-*Basic Accounting System (BAS)* isetyenziselwa ukunika inkcitho kunye nedatha yengeniso.

14. Izigqibo ze-SCOPA

Izigqibo ze-SCOPA malunga nalo nyaka-mali njengoko zandlaliweyo.

Eyona ntsusa yengxaki	Isigqibo seSCOPA	Isigqibo esithathiweyo ngeZigqibo ze-SCOPA kubandakanywa neendleko ezinxulumene noko	Isiphumo sezigqibo kwimin-yaka-mali yexesha elizayo
<p>INGxelo ye-<i>Standing Committee on Public Accounts</i> yomhla we-4 Disemba 2012</p>	<p>IKomiti, ekubeni iye yaqwalasela iingxelo zemali ezibandakanyiweyo kwiINGxelo zoNyaka zonyaka-mali ophela nge-31 Matshi 2012, igqibe ukuba:</p>		
<p><u>Ikhasi:</u> 97 leNgxelo yoNyaka. <u>Isihloko:</u> “<i>Internal Audit</i>” (Umhlathi 6). <u>Inkcazo:</u> IKomiti iyavumelana ngenkxalabo evakaliswe yiKomiti yeOdithi, uMphathiswa wePhondo nee-HOD zawo onke amasebe yokuba konke ukwenziwa kwe-odithi okongezwayo kuyafuneka kwanokuba kukho imfuneko yezakhono ezingaphezulu, ngokukodwa ezemali, ukunika inkxaso eyandileyo kwiinkalo ezinelahleko kakhulu. Ukwenziwa kwe-odithi kunyaka-mali ka-2011/12 kukwi-40 pesenti, xa kuthelekiswa no-17.95 pesenti ngonyaka-mali ka-2010/11.</p>	<p>5.1.1UMphathiswa we-Phondo ne-HOD bayaqhuba-ka ukuthetha-thethana neKhabhinethi kunye ne-Ofisi kaNondyabo yePhondo ngokuphathelele koku ngenjongo yokwandisa kakhulu ukwenziwa kwe-odithi echaphazela isiqingatha sonyaka (<i>medium term</i>), ukwenzela ukunciphisa iziphumo ezingekho ntle kwiziphumo zee-odithi zexesha elizayo, ukwenziwa kwenkonzo kunye nokuphunyezwa kweenjongo ezichaziweyo kwangaphambili, ngokukodwa kwiinkalo ezibonisa ilahleko enkulu.</p>	<p>ISebe iWCED liziqaphele lazamkela iingcebiso zeKomiti.</p>	<p>Asikho</p>

**IPhondo leNtshona Koloni
ISebe leMfundo
IBhajethi 5 Evunyiweyo
INGXELO YEGOSA ELIMELE UKUPHENDULA NGOSETYENZISO LWEMALI
Kunyaka ophela nge-31 Matshi 2013**

Eyona ntsusa yengxaki	Isigqibo seSCOPA	Isigqibo esithathiweyo ngeZigqibo ze-SCOPA kubandakanywa neendleko ezinxulumene noko	Isiphumo sezigqibo kwimin-yaka-mali yexesha elizayo
<p><u>Ikhasi:</u> 102 - 105 yeNgxelo yoNyaka. <u>Isihloko:</u> "SCOPA Resolutions" (Umhlathi 14). <u>Inkcazo:</u> IKomiti ibulela iSebe leMfundo ngokuphumeza izigqibo zeKomiti kunyaka odlulileyo kwingxelo yonyaka ukwenzela ithuba elo liphantsi kwengqwalaselo.</p>	<p>5.1.2 Kwenziwa ithempleyithi yengxelo entsha epha-thelele kwimisebenzi yeSebe leMfundo malunga nezigqibo ze-SCOPA kunye nezicelo zokuba iSebe leMfundo liyayitshintsha ithempleyithi yengxelo endala ngale ngxelo yonyaka ka-2012/13 ukuya phambili, isakuba yamkelwe.</p>	<p>ISebe iWCED liziyaqaphela iingcebiso zeKomiti. Le ngxelo yenziwe ngokwethempleyithi yengxelo entsha ekhutshwe ngokwe-<i>Treasury Circular No. 20/13</i></p>	<p>Asikho</p>
<p><u>Ikhasi:</u> 106 yeNgxelo yoNyaka. <u>Isihloko:</u> "Infrastructure matters: Magqwaka case" (Umhlathi 19). <u>Inkcazo:</u> IKomiti iqaphele ukuba iSebe libe nengxoko okokoko neSebe lezoThutho kunye neMisebenzi kaRhulumente malunga nekheyisi kaMagqwaka. ISebe iWCED lilindele iziphumo zenkqubo yezomthetho ukunika ingxelo ngayo nayiphi na inkcitho enokuba sisiphumo souk.</p>	<p>5.1.3 ISebe leMfundo, ngokuthetha-thethana neSebe lezoThutho kunye neMisebenzi kaRhulumente malunga nembali, iinkcukacha nenkqubo yekheyisi kaMagqwaka.</p>	<p>Iya kucwangciswa yi-SCOPA Imiba ekumbandela kaMagqwaka yimiba yezolawulo lwekhontrakhi, nefakwa phantsi komsebenzi weDepartment of Transport and Public Works (DTPW) njenge-Implementing Agent (IA). Nakuba kunjalo, kuye kwakho iinzame ezidibeneyo ze-DTPW kunye neSebe iWCED ukusombulula lo mbandela. I-DTPW idlulisele lo mbandela kwiOfisi yeState Attorney ukufumana ingcebiso. Ngokwe-DTPW, akukho mpendulo iye yafumaneka ivela kwiState Attorney ukuza kuthi ga ngoku.</p>	<p>Asikho</p>

**IPhondo leNtshona Koloni
ISebe leMfundo
IBhajethi 5 Evunyiweyo
INGXELO YEGOSA ELIMELE UKUPHENDULA NGOSETYENZISO LWEMALI
Kunyaka ophela nge-31 Matshi 2013**

Eyona ntsusa yengxaki	Isigqibo seSCOPA	Isigqibo esithathiweyo ngeZigqibo ze-SCOPA kubandakanywa neendleko ezinxulumene noko	Isiphumo sezigqibo kwimin-yaka-mali yexesha elizayo
<p>Ikhasi: 110 leNgxelo yoNyaka.</p> <p>Isihloko: "Izizathu neMbono ngeNgxelo-mali ezinamakhwiniba (Basis for Qualified Opinion). Ii-asethi ezinokushenxiseka eziPhathekayo (Tangible Movable Assets)" (Umhlathi 6).</p> <p>Inkcazo: IKomiti iqaphele ukuba iSebe leMfundo lifumene isiphumo sokungangqinelani kwerejista yee-asethi kunye nemigaqo ye-Ofisi kaNondyebo ngenxa yokutshintshwa komgaqonkqubo we-akhawuntingi ngokuphathelele kwiiklasi ezizimobhayili. Isebe lemfundo lacelwa ukuba linike ingxelo ngeeklasi ezizimobhayili okokuqala. I-AG yafumanisa ukuba irejista yee-asethi enxulumene neeklasi ezizimobhayili, njl. njl. yayingagqitywanga. Izizathu zoku zibandakanya iindidi zeentlobo ezizimobhayili kunye neepriefbhu ezibandakanya amakhitshi aziimobhayili neeyunithi ezithengwe ngeemali ezivela kubaxhasi okanye kwii-SGB.</p>	<p>5.1.4 ISebe leMfundo linika ingcaciso ngokwenzeka-ying malunga nala manyathelo athathiweyo:</p> <p>(a) Ukwenza iikhrayitheriya neenkcazo zeeyunithi ezizimobhayili kunye nezo zingezizo iimobhayili;</p> <p>(b) Ukwenza iinkcazo kunye nenkqubo ezimele-ye yeeklasi zeBakala R ezizimobhayili kunye neeyunithi zeelayibrari;</p> <p>(c) Ukuvelisa inkqubo yokulandelela xa iyunithi zishenxiswa;</p> <p>(d) Ukwenziwa kwenkqubo yolawulo lokusetyenziswa kwemali ngokwahlukeneyo kwezo yunithi zithengwe liSebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente nokusebenzisa ezi nkqubo ngokwesikhokelo sikaNondyebo sikaZwelonke;</p> <p>(e) Ukwenziwa kwenkqubo yolawulo lokusetyenziswa kwemali ukwenzela ezo yunithi zithengwe zii-SGB kunye/okanye ekunikelwe ngazo kwanoquqinise-kisa ukuba zibonisiwe kwiirejista zee-asethi zezikolo;</p> <p>(f) Imvumelwano ekwafikelelwa kuyo liSebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente ngokumalunga neeyunithi ezithathwa njengesixina ngokunjalo nendima iSebe iWCED eliya kuyidlala, kuze kubandakanywe oku kwiMvumelwano yoKwenziwa kwee-Nkonzo kunye neSebe lezoThutho likaRhulumente; kunye</p> <p>(g) ISebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente</p>	<p>kwakuvunyelwene ngenkcazo ngeeyunithi ezizimobhayili phakathi kweSebe iWCED neSebe i-DTPW. Kwaye kwafikelelwa kwimvumelwano kwakhona phakathi kweSebe iWCED neSebe i-DTPW uku-gqiba ukuba zeziphina iyunithi ezithathwa njengezitraksha ezisisixina.</p> <p>Isebe lemfundo lenze irejista yee-asethi ukwenzela iyunithi zeeklasi ezizimobhayili apho kwasetyenziswa inkqubo apho ii-ofisi zezithili zazibandakanyeka khona. Ezi yunithi zibhalwe phantsi zizikolo/zizithili zazifakelwe ibhakhawudi.</p> <p>Inkqubo yokuxatyiswa kweeyunithi ezizimobhayili yaye yaqinisekiswa yaza yasetyenziswa ukuqiniseka ngexabiso leyunithi emobhayili nganye.</p> <p>Umboneleli-nkonzo wagunyaziswa ukuba aphicothe iincwadi zezikolo ukuqinisekisa ukuba zonke iyunithi ezizimobhayili kuchaziwe ngazo kwirejista yee-asethi yeeyunithi ezizimobhayili</p> <p>Lugqityiwe uphicotho-zincwadi nengxelo i-close-out nerejista yee-asethi</p>	<p>Asikho</p>

**IPhondo leNtshona Koloni
ISebe leMfundo
IBhajethi 5 Evunyiweyo
INGXELO YEGOSA ELIMELE UKUPHENDULA NGOSETYENZISO LWEMALI
Kunyaka ophela nge-31 Matshi 2013**

Eyona ntsusa yengxaki	Isigqibo seSCOPA	Isigqibo esithathiweyo ngeZigqibo ze-SCOPA kubandakanywa neendleko ezinxulumene noko	Isiphumo sezigqibo kwimin-yaka-mali yexesha elizayo
	liphumeza iinkqubo zokuqaphela kwanokuthintela izinto eziqhubeka ngolu hlobo.	zanikwa iSebe iWCED noMphi-cothi-zincwadi Jikelele Kwenziwe isaveyi kwiiyunithi eziziimbhayili ezithengwe zii-SGB kunye/ okanye ekunikelwe ngazo. Izikolo ziyalelwe ukuba zizibhale phantsi iiyunithi ezinjalo kwii-rejista zee-asethi zazo ngokoMthetho weZikolo zase Mzantsi Afrika, 1996 (UMthetho 84 ka-1996).	
<p><u>Ikhasi:</u> 112 leNgxelo yoNyaka.</p> <p><u>Isihloko:</u> “Iingxelo-mali zonyaka, usetyenziso lwemali neengxelo zonyaka” (Umhlathi 25).</p> <p><u>Inkcazo:</u> IKomiti ixhalabile kukuba izinto ezibhaliweyo ezingezizo eziphathelele (1) ekuhlени kwexabiso lee-asethi (<i>impairments</i>) (INgcaciso 28 – yi-R31.1 yezigidi), (2) inkcitho engagunyaziswanga (INgcaciso 24 – i-R30.5 yezigidi ne-R72.5 yezigidi), ku-(3) wee-<i>Accruals</i> (INgcaciso -20 – i-R14.3 yezigidi), (4) ISebe i-GMT (INgcaciso 33 – i-R45.2 yezigidi, ibe yi-R53.3 yezigidi kunye ne-R89.3 yezigidi), (5) Inkcitho yezemali ekuqeshiseni ngezakhiwo (<i>Finance lease expenditure</i>) (INgcaciso 4, yi-R19 yezigidi) kunye no-(6) ye-<i>Travel and Subsistence</i> (INgcaciso - 4 i-R19 yezigidi) ayizange</p>	5.1.5 ISebe leMfundo ngokungxamisekileyo liqalisa ngeenkqubo ezifanelekileyo zokuthintela nokuqaphela ukuqinisekisa ukuba ezo zinto zibhaliweyo zingezizo azenzeki kwakhona.	(1) Malunga nempendulo ngokunxulumene nee-asethi ezixabiso lazo lihileyo (<i>impairments</i>) khangela iSigqibo 5.1.9 (2) Inkcitho engagunyaziswa yaye yabhalwa phantsi njenge-R30.5 yezigidi. Emva kokuphandwa kwala matyala kunyaka-mali ka-2012/13, kufunyaniswe ukuba isixa se-R22.599 yezigidi yayisisiphumo senkcitho engagunyaziswanga kwaye ke ngoko eli nani laye lachazwa kwakhona njenge-R7.901 yezigidi. Kwakhona maku-fundwe iSigqibo 5.1.11. (3) Malunga nee- <i>accruals</i> , ngokwe-Ngcaciso	

**IPhondo leNtshona Koloni
ISebe leMfundo
IBhajethi 5 Evunyiweyo
INGXELO YEGOSA ELIMELE UKUPHENDULA NGOSETYENZISO LWEMALI
Kunyaka ophela nge-31 Matshi 2013**

Eyona ntsusa yengxaki	Isigqibo seSCOPA	Isigqibo esithathiweyo ngeZigqibo ze-SCOPA kubandakanywa neendleko ezinxulumene noko	Isiphumo sezigqibo kwimin-yaka-mali yexesha elizayo
<p>ithintelwe okanye iqatshelwe yisitim yolawulo lwangaphakathi lweSebe leMfundo kwanokuba oku kwakhokelela kungqinelwano nesiphumo sengxelo yophicotho.</p>		<p>eMfutsha-ne yeCandelo ye-zeLawulo nokuSetyenziswa kweMali malunga neevawutsha kunye neentlawulo ze-BAS, ezikhutshwe nge-26 Septemba 2012, zonke ii-ofisi zezithili ezisebenza ngee-invoyisi kunye/ okanye iintlawulo mazinikwe ingxelo qho ngee-accruals ngekhompyutha afakwe kwii-standardised accruals register.</p>	
		<p>Ukongeza koku kungasentla, zonke iintlawulo zeevawutsha ziya kuphicothwa ukuqaphela ii-invoyisi ezingahlawulwanga ekupheleni konyaka-mali (accruals). Uluhlu lwee-accruals luya kwenziwa kule ngcaciso ingasentla luze lubhengezwe kwi-AFS eya kungeniswa phambi kwe-31 Meyi. Emva kokungeniswa kwe-AFS, ukuphicothwa kweentlawulo zevawutsha ezifumaneke kwezi ofisi zilapha ngasentla ziya kuqhubeka kude kuyo kuba yi-30 Juni. (4), U-(5) no-(6) bonke babhekisa ekubhalweni phantsi kwezithuthi zeGMT. Izithuthi zeGMT zaye zabhalwa phantsi kwi-AFS phantsi kweliso elibukhali le-Ofisi ka-Nondyebo we-Phondo. ISetyhula</p>	Asikho

**IPhondo leNtshona Koloni
ISebe leMfundo
IBhajethi 5 Evunyiweyo
INGXELO YEGOSA ELIMELE UKUPHENDULA NGOSETYENZISO LWEMALI
Kunyaka ophela nge-31 Matshi 2013**

Eyona ntsusa yengxaki	Isigqibo seSCOPA	Isigqibo esithathiweyo ngeZigqibo ze-SCOPA kubandakanywa neendleko ezinxulumene noko	Isiphumo sezigqibo kwimin-yaka-mali yexesha elizayo
		ye-Ofisi kaNon-dyebo wePhondo No 43/2012 iya kwazisa amasebe ngeemfuneko zokusetyenziswa nokulawulwa kwemali kunye nokubhalwa phantsi kwamaxabiso aqingqiweyo amihla le okuqeshiswa ngemali kwezithuthi ze-GG ukwenzela unyakamali ka-2012/13.	
<p><u>Ikhasi:</u> 113 leNgxelo yoNyaka.</p> <p><u>Isihloko:</u> "ULawulo lokuThenga kweMpahla neeNkonzo neeKhontraki " (Imihlathi 28, 29 no-30).</p> <p><u>Inkcazo:</u> Le Komiti iqaphela iziphumo zo-Mphicothincwadi Jikelele zokuba iikhontraki (<i>contracts</i>) neekoteshini zanikwa abathengisi abanemibandela yerhafu engachazwanga njengechanekileyo nguSARS; yaye isistim yokukhetha abathile kuqala (<i>preference point system</i>) ayizan-ge isetyenziswe kuzo zonke iinkqubo zokuthengwa kweempahla ne-enkonzo ezingaphezulu kwe-R30 000 kunye nombawokuba ii-khontrakhi neekoteshini zanikwa iinkampani ezikhuphisana ngamaxabiso (<i>bidders</i>) ezazingazange zingenise nkcazo zokuxelwa kokuchaphazeleka ezifanelekayo.</p>	5.1.6 ISebe leMfundo ngokungxamisekileyo liqalisa ngeenkqubo zokuthengwa kweempahla neenkonzo kunye neenkqubo zokulawula iikhontraki eziqaphela zize zithintele ezi zenzo.	ISebe iWCED liyalamkela icebiso le-Komiti. ISebe leMfundo lenze inkqubela-phambili enkulu ngokuphathelele koku. Bekusoloko kuyimfuneko engummiselo ukuba iza-tifikethi ii-tax clearance certificates) mazingeniswe. Urhulumente unokungena kwimvumelwano kuphela nequmrhu eliyithobelayo imithetho yakhe. Inkqubo yokubeka esweni yenziwa ngokusetyenziswa kweethempleyithi	Asikho

**IPhondo leNtshona Koloni
ISebe leMfundo
IBhajethi 5 Evunyiweyo
INGXELO YEGOSA ELIMELE UKUPHENDULA NGOSETYENZISO LWEMALI
Kunyaka ophela nge-31 Matshi 2013**

Eyona ntsusa yengxaki	Isigqibo seSCOPA	Isigqibo esithathiweyo ngeZigqibo ze-SCOPA kubandakanywa neendleko ezinxulumene noko	Isiphumo sezigqibo kwimin-yaka-mali yexesha elizayo
		<p>zokuthengwa kwe-empahla neenkonzo ezikhutshwa yi-Ofisi kaNondyebo wePhondo (<i>Provincial Treasury</i>) (PT). Ezi thempleyithi maziqhotyoshelwe kwi-phakheji emalunga nokuthengwa kwe-empahla neenkonzo kwaye kufuneka ukuba igosa liqini-sekise ukuba isatifikethi esingqina uku-hambelana nemi-gaqo yezerhafu karhulumente kunye nokuchaza ukuba ngaba ku-khona na ukungqu-bana kweemfuno okukhoyo. UMyalelo we-Ofisi kaNondyebo wePhondo 5.2.1.2 uyalela ukuba ngamasebe kuphela anokwam-kela iikoteshini ezivela kubabone-lelnkonzo ababhallise ngokusemthethweni kwi<i>Western Cape Supplier Database</i> (WSCD). I-PT iyalele ukuba oku kuqa-</p>	

**IPhondo leNtshona Koloni
ISebe leMfundo
IBhajethi 5 Evunyiweyo
INGXELO YEGOSA ELIMELE UKUPHENDULA NGOSETYENZISO LWEMALI
Kunyaka ophela nge-31 Matshi 2013**

Eyona ntsusa yengxaki	Isigqibo seSCOPA	Isigqibo esithathiweyo ngeZigqibo ze-SCOPA kubandakanywa neendleko ezinxulumene noko	Isiphumo sezigqibo kwimin-yaka-mali yexesha elizayo
		<p>lise ukusu-sela nge-1 Apreli 2013. I-WCSD iqula-the ifom yezatifikethi zamaqumrhu ezinqina ukuthobela imigaqo karhulumente kunye nokungqinisisa ukuba ngaba kukhona na ukungqubana kweemfuno, phakathi kwezinye izinto.</p> <p>Amagosa akwiifisi zokuthengwa kweempahla neenkonziso eSebe iWCED anikwe ilungelo lokufikelela kwi-WCSD ukwenzela le njongo. Iiofisi zokuthengwa kweempahla neenkonziso kwakhona ezinyanzelekileyo ukucela iikoteshini kusetyenziswa iSourcelink (edibanisa i-WCSD) ize iSourcelink ngoko nangoko ibale amanqaku okukhethwa kwabathile ngokufezekisa imigaqo ethile. Ngenxa yoku, akusekho mfuneko yokwenjenjalo.</p>	

**IPhondo leNtshona Koloni
ISebe leMfundo
IBhajethi 5 Evunyiweyo
INGXELO YEGOSA ELIMELE UKUPHENDULA NGOSETYENZISO LWEMALI
Kunyaka ophele nge-31 Matshi 2013**

Eyona ntsusa yengxaki	Isigqibo seSCOPA	Isigqibo esithathiweyo ngeZigqibo ze-SCOPA kubandakanywa neendleko ezinxulumene noko	Isiphumo sezigqibo kwimin-yaka-mali yexesha elizayo
<p><u>Ikhasi:</u> 113 leNgxelo yoNyaka.</p> <p><u>Isihloko:</u> "ULawulo lokuThenga kweMpahla neeNkonzo neeKhontraki" (Imihlathi 31, 32 no-33).</p> <p><u>Inkcazo:</u> Le Komiti iqaphela okufunyaniswe nguMphicothi-ncwadi Jikelele ukuba abaqeshwa benza umsebenzi ohlawulelwayo ngaphandle kweeyure zengqesho yabo (<i>remunerative work outside their employment</i>) kwiSebe leMfundo. Abantu abakwinkonzo yeSebe leMfundo (nokuba ngabo uqobo okanye izalamane zabo, abahlobo okanye oogxa babo kwishishini) baneemfuno ezizezabo okanye ezoshishino kwiikhontrakhi ezinikwe iSebe leMfundo baza basilela ukunika ingcaciso elolu hlobo.</p>	<p>5.1.7 ISebe leMfundo lisebenzisa iinkqubo zolawulo lokuthengwa kweempahla neenkonzo nolawulo lweekhontrakhi eziqaphela zize zithintele ezi zenzo.</p>	<p>URhulumente waseNtshona Koloni uwuvumile umgaqonkqubo we<i>Re-munerative Work Outside the Public Service (RWOPS)</i> (umgaqonkqubo omalunga noKwenzu uMsebenzi oHlawulelwayo ngaphandle kweNkonzo kaRhulumente) ngo-Septemba 2012. Lo mgaqonkqubo umisela amaxesha aqingqiweyo aqinisekileyo ekufuneka ukuba bonke abaqeshwa bahambelane mbonawo. ISebe iWCED lawachaza amaxesha aqingqiweyo ukwenza izicelo kunyakamali ka-2013/14. Unxibelelwano luya kuthunyelwa qho ngonyaka ukukhumbuza abaqeshwa ukuba benze isicelo se-RWOPS. Ukuba umqeshwa, nakuba kunjalo, akenzi sicelo kwaza kwafumaniseka ukuba ukuba benza umsebenzi kunye nesebe lemfundo, umba onjalo uya kudluliselwa phambili ukwenzela ukuphanda ngaphezulu kunye nokuthatha inyathelo lezoluleko.</p>	<p>Asikho</p>

**IPhondo leNtshona Koloni
ISebe leMfundo
IBhajethi 5 Evunyiweyo
INGXELO YEGOSA ELIMELE UKUPHENDULA NGOSETYENZISO LWEMALI
Kunyaka ophela nge-31 Matshi 2013**

Eyona ntsusa yengxaki	Isigqibo seSCOPA	Isigqibo esithathiweyo ngeZigqibo ze-SCOPA kubandakanywa neendleko ezinxulumene noko	Isiphumo sezigqibo kwimin-yaka-mali yexesha elizayo
<p><u>Ikhasi:</u> 114 leNgxelo yoNyaka. <u>Isihloko:</u> "ULawulo lokuSetyenziswa kweMali " (Umhlathi 41). <u>Inkcazo:</u> Le Komiti iqaphela ukuba isicwangciso sophuculo lolawulo lwezemali sangqinwa njengesingagqibelela-nga ukulungisa iimpazamo zolawulo lwangaphakathi kwiiiphumo zengxelo yophicotho lwango-2010/11.</p>	<p>5.1.8ISebe leMfundo liqaphela lize lisebenzise iinkqubo ezisebenza ngobuchule zolawulo lwezemali kunye nosetyenziso lwayo ukwenzela ukucacisa iziphumo zengxelo yophicotho luka-2010/11 noluka-2011/12</p>	<p>ISebe iWCED liya-zamkela iingcebiso zeKomiti. IsiCwangciso soLa-wulo loPhuculo lwezeMali siye saphu-culwa. ISebe iWCED liye la-zalisa i-<i>Corporate Governance Review and Outlook (CGRO) of the Pro-vincial Treasury</i>, ne-chaza ngeenkalo ezifuna ingqwalase-lo. ISebe iWCED li-seke iYunithi yezo-Lawulo lwaNgaphakathi</p>	<p>Asikho</p>
<p><u>Ikhasi:</u> 114 leNgxelo yoNyaka. <u>Isihloko:</u> "ULawulo loKusetyenziswa kweMali " (Umhlathi 43). <u>Inkcazo:</u> Le Komiti iqaphela iziphumo zoMphicothi-zincwadi Jikelele nokungabikho kweenkqubo zolawulo zokubeka esweni nendlela yokulandelela abangekawahlawuli amatyala.</p>	<p>5.1.9 ISebe leMfundo liphumeza iinkqubo zolawulo zokubeka esweni kunye neendlela zokulandelela ezifanelekileyo ukwenzela ukunciphisa olo luhlu nokwanda kwabanamatyala abangekawahlawuli</p>	<p>Amanyathelo ent-shukumo athathi-weyo lisebe lemfundo ukunciphisa ityala kwisebe lemfundo abandakanya:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Ukuqeshwa kom-qokeleli-matyala omtsha ukususela nge-1 Meyi 2013. • Ukulandelelwa qho kwazo onke amatyala. 	<p>Asikho</p>

**IPhondo leNtshona Koloni
ISebe leMfundo
IBhajethi 5 Evunyiweyo
INGXELO YEGOSA ELIMELE UKUPHENDULA NGOSETYENZISO LWEMALI
Kunyaka ophela nge-31 Matshi 2013**

Eyona ntsusa yengxaki	Isigqibo seSCOPA	Isigqibo esithathiweyo ngeZigqibo ze-SCOPA kubandakanywa neendleko ezinxulumene noko	Isiphumo sezigqibo kwimin-yaka-mali yexesha elizayo
		<ul style="list-style-type: none"> • Ukuqatshelwa kwetyala elitha-thwa njengelinga-sena-kuhlawuleka kunye nokufakwa kwamatyala acin-yiweyo. • Oku kwenziwa ngemvume yeGqwetha likaRhulument e. Onke amatyala ayi-3 347 amadala ngaphezu kweminyaka eyi-3 kusasetyenzwa ngawo ukuqaphela amatyala anokucinywa okanye afuna ingqwalaselo engaphezulu. • Ukuza kuthi ga ngoku amatyala ayi-1 834 segqityiwe ukuze ayi-1 438 ayekutsho ku-R16.9 yezigidi aqatshelwa ukwenzela ukuba acinywe aza amatyala ayii-111 aqwalaselwa njengafuneka ukuba aqalwe ngokutsha njengoko abo banamatyala bebuyile ukuza kwenza inkonzo yesebe lemfundo. 	

**IPhondo leNtshona Koloni
ISebe leMfundo
IBhajethi 5 Evunyiweyo
INGXELO YEGOSA ELIMELE UKUPHENDULA NGOSETYENZISO LWEMALI
Kunyaka ophela nge-31 Matshi 2013**

Eyona ntsusa yengxaki	Isigqibo seSCOPA	Isigqibo esithathiweyo ngeZigqibo ze-SCOPA kubandakanywa neendleko ezinxulumene noko	Isiphumo sezigqibo kwimin-yaka-mali yexesha elizayo
		<ul style="list-style-type: none"> • Ukutshekisha ukuba ngaba amatyala asedlulelwe lixesha aye ahlaziywa na kwakhona kwaza kwaqaliswa ngokutsalwa kweemali emvuzweni. • Ukuqwalaselwa kwakhona kwezavenge ezihlawulwa qho ngenyanga. 	
<p><u>Ikhasi:</u> 132 leNgxelo yoNyaka.</p> <p><u>Isihloko:</u> "IMigaqo-nkqubo yoKulawulwa kweMali (Accounting Policies)"</p> <p><u>Inkcazo:</u> Le Komiti ixhalabile kukuba iSebe leMfundo aliwathobeli amaxesha esiqhelo avunyiweyo okwenziwa kweentlawulo kwiikhreditha zingadlulanga iintsuku eziyi-30 zokwamkelwa kwe-invoyisi.</p>	<p>5.1.10 ISebe leMfundo lidrafta igatya (clause) eliya kufakwa kwiMigaqo-nkqubo yokuLawulwa kweMali yeSebe leMfundo lingqina ukuzinikela kwalo ekuthobeleni amaxesha amkelekileyo ngokuqhelekileyo okuhlawulwa kweekhreditha zingadlulanga iintsuku eziyi-30 zokwamkelwa kwe-invoyisi.</p>	<p>Kuye kwafakelwa umhlathi ochaza ukuba iSebe leMfundo lingqinisa ukuzinikela kwalo ekuthobeleni amaxesha amkelekileyo ngokuqhelekileyo okuhlawulwa kweekhreditha zingadlulanga iintsuku eziyi-30 zokwamkelwa kwe-invoyisi kwiNgxelo yeGosa eliMele ukuPhendula ngokuSetyenziswa kweMali liSebe leMfundo, njengoko kufunekayo ngokweSetyhula ye-Ofisi kaNondyebo No 20/2013. Kuthathwe amanyathe lo ukulungisa lo mba ngokuqaliswa kwethem-</p>	<p>Asikho</p>

**IPhondo leNtshona Koloni
ISebe leMfundo
IBhajethi 5 Evunyiweyo
INGXELO YEGOSA ELIMELE UKUPHENDULA NGOSETYENZISO LWEMALI
Kunyaka ophela nge-31 Matshi 2013**

Eyona ntsusa yengxaki	ISigqibo seSCOPA	Inyathelo elithathiweyo malunga neZigqibo zeSCOPA kubandakanywa neendleko ezinxulumene nazo	Isiphumo soku kwiminyaka-mali yexesha elizayo
		pleyithi yoluhlu lokutshekisha iintlawulo efuna ukuqinisekiswa ukuba iintlawulo ziyenziwa zingadlulanga iintsuku eziyi-30 zokwamkelwa kwe-invoyisi.	
<p><u>Ikhasi:</u> 153 leNgxelo yoNyaka.</p> <p><u>Isihloko:</u> "Inkcitho engagunyaziswanga (Irregular Expenditure)" (ISaziso 24)</p> <p><u>Inkcazo:</u> Le Komiti ikuqaphela ngokuxhalabisayo okufunyaniswe nguMphicothi-ncwadi Jikelele bokuba inkcitho engagunyaziswanga ye-R52.408 yezigidi ichazwe njengenganeno njengoko ubungakanani obupheleleyo benkcitho egwenxa bebusaqwalaselwa liSebe ngethuba apho uMphicothi-zincwadi Jikelele wayenika inkcazo kwiKomiti.</p>	5.1.11 ISebe leMfundo liyasichazela i-SCOPA ngobungakanani obupheleleyo benkcitho engagunyaziswanga kwaye izeziphi iindlela ezisetyenzisiweyo ukuqaphela nokuthintela inkcitho engagunyaziswanga	Ukuphandwa kwemiba kubonise ukuba izixa ezininzi bezingafanelanga kudweliswa kwi-Annual Financial Statements (AFS) njengoko ezi zixa bezingekangqini siswa njengencitho engagunyaziswanga. Uphando olululo malwenziwe phambi kokuba kubhalwe izixa kwiNgxelomali zoNyaka (AFS). Umgaqonkqubo omtsha malunga nenkcitho egwenxa, engenanzuzo nekukudyakraza kunye nenkcitho engagunyaziswanga yaye yaphunyezwa, nebandakanya imisebenzi yama-Gosa ajongene	Asikho

**IPhondo leNtshona Koloni
ISebe leMfundo
IBhajethi 5 Evunyiweyo
INGXELO YEGOSA ELIMELE UKUPHENDULA NGOSETYENZISO LWEMALI
Kunyaka ophela nge-31 Matshi 2013**

Eyona ntsusa yengxaki	ISigqibo seSCOPA	Inyathelo elithathiweyo malunga neZigqibo zeSCOPA kubandakanywa neendleko ezinxulumene nazo	Isiphumo soku kwiminyaka-mali yexesha elizayo
		<p>noLawulo lweLahleko Oomasi-fundisane malunga nomgaqo-nkqubo omtsha baqhubeka ngo-Februwari nangoMatshi 2013. Kwiinzame zokuthintela inkcitho engagunyaziswa, isebe lemfundo liphumeze la manyathelo alandelayo –</p> <p>Amagosa aphambili ecan-delokuthengwa kweempahla neenkonzozoye aqeshwa kuzo zonke ii-ofisi zeSebe iWCED ukuphucula ukungathotyelwa kweMigaqo yeSCM.</p> <ul style="list-style-type: none"> • Isebe lemfundo liqalise ngenkqubo yokuthengwa kweempahla ne-enzonzo ngekhompyutha, eyiSourceLink, ukwenzela iikoteshini. 	

**IPhondo leNtshona Koloni
ISebe leMfundo
IBhajethi 5 Evunyiweyo
INGXELO YEGOSA ELIMELE UKUPHENDULA NGOSETYENZISO LWEMALI
Kunyaka ophela nge-31 Matshi 2013**

Eyona ntsusa yengxaki	ISigqibo seSCOPA	Inyathelo elithathiweyo malunga neZigqibo zeSCOPA kubandakanywa neendleko ezinxulumene nazo	Isiphumo soku kwiminyaka-mali yexesha elizayo
		<ul style="list-style-type: none"> • Isebe lemfundo liqalise ngoluhlu lokutshekisha iintlawulo ekufuneka lungqinisiswe ngumgunyazisi wentlawulo ukutshekisha ukuthotyelwa kwemimiselo yezowiso-mthetho neyokuthengwa kweempahla neenkonziso. • Kwiinzame zokuqaphela nayiphi na inkcitho engagunyazisi wanga ekunokwenzeka ukuba yenziwe isebe lemfundo liye laseka iYunithi yezoLawulo lwaNgaphakathi (<i>Internal Control Unit</i>) ukuqhuba uphicotho-zincwadi emva kophicotho lwazo zonke iintlawulo. 	

**IPhondo leNtshona Koloni
ISebe leMfundo
IBhajethi 5 Evunyiweyo
INGXELO YEGOSA ELIMELE UKUPHENDULA NGOSETYENZISO LWEMALI
Kunyaka ophela nge-31 Matshi 2013**

Eyona ntsusa yengxaki	ISigqibo seSCOPA	Inyathelo elithathiweyo ngeZigqibo zeSCOPA kubandakanywa iindleko ezinxulumene noko	Isiphumo soku kwiminyaka-mali yexesha elizayo
<p><u>Ikhasi:</u> 161 leNgxelo yoNyaka. <u>Isihloko:</u> "29.4: Ii-asethi ezincinane (Minor Assets)" <u>Inkcazo:</u> Le Komiti ixhalabile kukuba kungekho mgaqonkqubo ukhoyo kwiSebe leMfundo kunye ne-ofisi yoMphathiswa wePhondo elawula ii-asethi zemvelaphi elilifa lethu ngokuqapheleka kwazo, ukwaziswa kwazo, ukhuseleko, ukulondolozeka kunye nokuxabiseka kwazo.</p>	<p>5.1.12 ISebe leMfundo lidrafta lize lamkele umgaqonkqubo omalunga neeasethi zemvelaphi elilifa lethu lize lenze loo rejista, ngentsebenziswano ne-Palamente yePhondo yaseNtshona Koloni, kunye ne-<i>Heritage Western Cape</i> ap-ho kuyimfuneko khona. Le Komiti yathatha isigqi-bo ngaphezulu soukba iSebe leMfundo lilandelele lize libeke esweni yonke intshukumo enxulumene neeasethi zemvelaphi elilifa lethu kunye nokuba zonke iinkcukacha ezinjalo mazifakwe kwiingxelo zonyaka zalo zexesha elizayo.</p>	<p>Zonke iiasethi zemvelaphi elilifa lethu (<i>heritage assets</i>) zifakiwe kwirejista yee-asethi yesebe lemfundo.</p>	<p>Asikho</p>
<p><u>Ikhasi:</u> 169 leNgxelo yoNyaka. <u>Isihloko:</u> "IiNgxelo zezipho, izipho-mali neemali zenkxaso ezenziweyo neemali zezaphulelo, iimali zembuyiselo neentlawulo ezenziweyo njengezenzo zemfesane" (IsiHlomelo 1D). <u>Inkcazo:</u> Le Komiti ixhalabile kukuba iSebe leMfundo lingenawo umgaqonkqubo okhokela kulwamkelo, ekuhlolweni nasekunikweni okanye ekukhatyweni kwezicelo zokufumana izipho, izipho-mali kunye neenkxaso-mali eziya kwenziwa.</p>	<p>5.1.13 ISebe leMfundo liqulunqa lize lamkele umgaqonkqubo okhokela iNtloko yeSebe i-HOD malunga nokwamkelwa, ukuhlolwa nokunikwa okanye ukungamkelwa kwezicelo zokufumana iziphomali kunye neenkxasomali eziya kwenziwa, kunye nokuba idlulisele oku kwiKomiti ukwenzela ukuba kuxoxwe malunga nako; ngaphezulu iSebe leMfundo lifake iingcombolo ezingaphezulu ezinxulumene noku kwiingxelo zonyaka zexesha elizayo.</p>	<p>ISebe iWCED lamkela iingcebiso zeKomiti. Isebe lemfundo liphumeze umgaqonkqubo omalunga nokwamkelwa kwezicelo ngamagosa aseziyofisini esebe lemfundo. Lo mgaqonkqubo wasayinwa nge-25 Matshi 2013. Umgaqonkqubo wokukhokela iNtloko yeSebe i-HOD malunga nokuhlolwa nokunikwa okanye ukungavunywa kwezicelo zokufumana izipho, iziphomali kunye neenkxasomali eziya kwenziwa ufumana ingqwalaselo.</p>	<p>Asikho</p>

**IPhondo leNtshona Koloni
ISebe leMfundo
IBhajethi 5 Evunyiweyo
INGXELO YOMPICOTHI-ZINCWADI JIKELELE
kunyaka ophela nge-31 Matshi 2013**

15. Ulungelelwano lwangaphambili lweengxelo zokuphicothwa kweencwadi

Isebe liphumeze inkqubo yokujongana nezinto ezixhalabisayo neziphumo zoMphicothi-zincwadi. Kucelwa abaphathi abenza lo msebenzi ukuba benze isicwangciso sezinto eziza kwenziwa nesiza kuhlolwa yile komiti. Yakuba inkqubo yokuqinisekisa umgangatho igqityiwe, ukubekwa esweni kwayo kuya kuphunyezwa. Inkqubela ngalo mba ikwayingxelo eya kwiKomiti yoPhicotho-zincwadi

Ubume bokufaneleka nemiba emalunga nokuhambelani mbo nemigaqo	Unyaka-mali eyaqala ngawo ukuvela	Inkqubela-phambili eyenziweyo ekucaciseni/ekusombululeni lo mba
Isebe lemfundo belingenazo iinkqubo ezifanelekileyo ezimiseliweyo malunga nokurekhodwa kweeyunithi ezizimobhayili.	2011/12	Yenziwe irejista yee-asethi ezipheleleyo yazo zonke iyunithi ezizimobhayili .
Isebe lemfundo linoxanduva lokuhlawula iikhawunti zikamasipala zezikolo ezingakhange zihlawulwe zizikolo. Isebe lemfundo alinako ukuqiniseka ngesixa setyala elihlawuliweyo ebudeni bonyaka okanye ekusafuneka ukuba lihlawulwe njengoko ezinye ii-akhawunti zihlawulwa zizikolo ngqo. Ityala ngalinye liphononongwa ngokuzimeleyo kwaye akukho sibonelelo senziweyo esinokuba sisiphumo esenziweyo kwiingxelo-mali.	2011/12	Uninzi loomasipala banika uluhlu olupheleleyo lwazo zonke ii-akhawunti zezikolo zoomasipala. Isebe lemfundo ke ngoko linako ukuqinisekisa ngesixa kanye kanye setyala elihlawuliweyo enyakeni ngokunxulumene nabo masipala. Oomasipala abangenazo izintlu ezipheleleyo baya kucelwa kwakhona ukuba bayinike le ngcaciso.
Ukuhlawuleka kwemali ezamkelwayo (<i>receivables</i>) ezinxulumene nabasebenzi kunye namanye amatyala ewonke ayi-R71 yezigidi nge-31 Matshi 2012, abengekahlawulwa ngaphezu kweminyaka emithathu, kuyathandabuzeka.	2011/12	ISebe iWCED liwaqaphele amatyala athathwa njengangahlawulekileyo laza lawangenisa loo matyala ukwenzela ukuba acinywe okanye lawo afuna ingqwalaselo engaphezulu. Oku kwenziwa ngemvume yeGqwetha likaRhulumente. Onke amatyala ayi-3 347 amadala kuneminyaka emi-3 ayaqwalaselwa ukuqaphela amatyala anokucinywa okanye afuna ingqwalaselo engaphezulu. Ngenxa yoko ngamatyala ayi-1 834 asele eqwalaselwe aza amatyala ayi-1 438 ewonke ayi-R16.9 yezigidi aye aqatshelwa ukucinywa kunye namatyala ayi-111 aye aqatshelwa ukutsalwa emivuzweni njengoko abanamatyala bebuyele enkonzweni.

**IPhondo leNtshona Koloni
ISebe leMfundo
IBhajethi 5 Evunyiweyo
INGXELO YOMPICOTHI-ZINCWADI JIKELELE
kunyaka ophela nge-31 Matshi 2013**

Ubume bokufaneleka nemiba emalunga nokuhambelani mbo nemigaqo	Unyaka-mali eyaqala ngawo ukuvela	Inkqubela-phambili eyenziweyo ekucaciseni/ekusombululeni lo mba
<p>Inkcitho engagunyaziswanga ngenxa yokungathotyelwa kwemigaqo yecandelo lokuthengwa kweempahla neenkonz, iinkonz kunye namabhaso okuwonga (<i>awards</i>) abantu abakwinkonz yesebe lemfundo.</p>	<p>2010/11</p>	<p>Zonke iithenda ezingaphezu kwe-R500 000 ziyatsheshiswa ukuqinisekisa ukuba akukho baqeshwa babandakanyekayo. ISebe leMfundo kwakhona linomgaqo-nkqubo oyilwayo omalunga noKwenziwa koMsebenzi oHlawulelwayo Ngaphandle kweNkonzo kaRhulumente (<i>Remunerative Work Outside the Public Service (RWOPS)</i>). ISebe leMfundo liqalise ngenkqubo yokuthengwa kweempahla neenkonz ngekhompyutha ye-<i>Sourcelink</i> ukuqinisekisa ukuthobela imigaqo.</p> <p>Kuphunyezwe umgaqo-nkqubo omtsha omalunga neNkcitho eGwenxa, engeNanzuzo nekukuDyakraza eNgagunyaziswanga (<i>policy on Irregular, Fruitless and Wasteful and Unauthorised Expenditure</i>), nebandakanya imisebenzi yaMagosa ezoLawulo lweLahleko (<i>Loss Control Officers</i>). Oomasifundisane abamalunga nomgaqo-nkqubo omtsha baqhubeka ngoFebruwari nangoMatshi 2013. Amagosa aphambili ajongene necandelo lolawulo lokuthengwa kweempahla neenkonz aye aqeshwa kuzo zonke ii-ofisi zeSebe iWCED ukuphucula ukuthobela iMimiselo ye-SCM.</p>

16. Uxolelo (exemptions) nokutenxa kwimigaqo (deviations) okuvela kwi-Ofisi kaNondyebo kaZwelonke

Ukuchazwa ngokupheleleyo kwenkcitho yezithuthi ze-GG njengezengqeshiso zezemali, kubandakanywa neetheyibhile zeentlawulo ngezavenge ezilandelelanayo (*amortisation tables*), zonyaka-mali ka-2012/13 emva kokuba i-Ofisi kaNondyebo kaZwelonke iye yanika imvume ngokusemthethweni yokushenxa kwindlela yokuchaza esebenzisa iitheyibhile ukwenzela inkcitho yezengqeshiso zezemali ngokuphathelele kwizithuthi ze-GG ngo-2011/12, ngokwesiqendu 79 se-PFMA, njengoko kuyimfuneko ngokwe-*Departmental Reporting Framework Guide*.

IPhondo leNtshona Koloni
ISebe leMfundo
IBhajethi 5 Evunyiweyo
INGXELO YOMPICOTHI-ZINCWADI JIKELELE
kunyaka ophela nge-31 Matshi 2013

17. Iingxelo-mali zeThutyana

ISebe leMfundo lilungise iingxelo-mali zethutyana zekota njengoko zifunwa yi-Ofisi kaNondyebo wePhondo. Ezi ngxelo zethutyana zahlolwa nguNondyebo wePhondo laza iSebe iWCED lenza izilungiso eziye zathathwa njengezifanelekileyo.

18. Ukuthobela imigaqo yeentlawulo zeentsuku eziyi-30

ISebe iWCED lizibophelele ekuthobeleni amaxesha avunyiweyo ngokubanzi okuhlawula iikhreditha kunye neemfuneko ezingummiselo ezibhaliweyo ngokusemthethweni zokuhlawulwa kweekhreditha zingadlulanga iintsuku eziyi-30 zokwamkelwa kwe-invoyisi.

Kuye kwathathwa amanyathelo ukuqinisekisa ukuthotyelwa kwayo imigaqo nokuqaliswa kwethemphleyithi yoluhlu lokutshekisha iintlawulo (*payments' checklist template*) apho kufuneka kuqinisekiswa ukuba iintlawulo zenziwa zingadlulanga iintsuku eziyi-30 zokwamkelwa kwe-invoyisi.

ISebe iWCED lifumene iingxaki kwisistim yeBAS neziye zadluliselwa kwi-Ofisi kaNondyebo wephondo ukwenzela ungenelelo ngoncedo oluyimfuneko.

19. Ezinye

19. Imiba emalunga neziseko zophuhliso: Ityala likaMagqwaka

Umba wetyala likaMagqwaka uwela kumhlaba weSebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente (*Department of Transport and Public Works*) (DTPW) njenge-Arhente eYenza iMisebenzi kaRhulumente (*Implementing Agent*) (IA). Nakuba kunjalo, kuye kwakho iinzame zentsebenziswano phakathi kwe-DTPW neSebe iWCED ukusombulula lo mba. I-DTPW iwudlulisele lo mba kwi-Ofisi yeGqwetha likaRhulumente ukufumana ingcebiso. Ngokwe-DTPW, akukabikho mpendulo ifunyenweyo evela kwiGqwetha likaRhulumente.

19.2 IMisebenzi yeArhente/IMisebenzi eBalulekileyo

ISebe leMfundo laye lathatha inxaxheba kule misebenzi ye-arhente/kule misebenzi ibalulekileyo ilandelayo:

- NeSebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente (*Department of Transport and Public Works*) (DTPW) ukulungiselela imisebenzi enxulumene nophuhliso lweziseko, apho i-DTPW yayiyi-arhente yeSebe iWCED.
- NeSebe leMfundo esiSiseko (ISebe i-DBE) ukulungiselela i-*Accelerated School Infrastructure Development Initiative* (ASIDI) ukwenzela ukwakiwa kwezikolo neeklas, apho isebe lemfundo lisebenza njenge-arhente yeSebe i-DBE.

**IPhondo leNtshona Koloni
ISebe leMfundo
IBhajethi 5 Evunyiweyo
INGXELO YOMPICOTHI-ZINCWADI JIKELELE
kunyaka ophela nge-31 Matshi 2013**

- NeSebe leMfundo esiSiseko (ISebe i-DBE) ukulungiselela iiMvavanyo zoNyaka zikaZwelonke (*Annual National Assessments*) (ANA)) zokwenziwa kwee-ANA egameni leSebe i-DBE, apho isebe lemfundo lisebenza khona njenge-arhente yeSebe i-DBE.

Akukho fizi zafikayo okanye zahlawulwa ngeenkonzobu-arhente/zeenkonzobezibalulekileyo ngaphezu kwemali ekwakubonelelwe ngayo ukwenza imisebenzi ekwakuvunyelwene ngayo.

19.3 Intlawulo engaphezulu: kumqhubi kaMphathiswa wePhondo

Kunyaka ophantsi koqwalaselo, kwenziwa intlawulo engaphezulu kumqhubi womphathiswa wephondo eyathi yaqatshelwa. Lo mba wenzeke kwiminyaka emininzi edlulileyo, kodwa awubalulekanga kwiiNgxelo-mali zoNyaka kwaye usephantsi kophando. Kwakuba nje kuqinisekiwe ngesona sixa sayo, isiphumo sayo siya kubhalwa kwiiNgxelo-mali zoNyaka ka-2013/14.

20. Imvume

liNgxelo-mali zoNyaka ezichazwe kumakhasi 190 – 235 zivunywe liGosa eliMele ukuPhendula ngoSetyenziso lweMali (*Accounting Officer*).



**PA VINJEVOLD
IGOSA ELIMELE UKUPHENDULA NGOSETYENZISO LWEMALI
ISEBE LEMFUNDO LENTSHONA KOLONI
UMHLA: 31 Meyi 2013**

**IPhondo leNtshona Koloni
ISebe leMfundo
IBhajethi 5 Evunyiweyo
Inkcazo yoXanduva yeGosa elimele ukuphendula
ngokuphathelele kwiingxelo zemali
(Accounting Officer's Statement of Responsibility)
kunyaka ophela nge-31 Matshi 2013**

INgxelo ngoXanduva olumalunga neeNgxelo-mali zoNyaka kunyaka ophela nge-31 Matshi 2013

I-Ofisi eMele ukuPhendula ngoSetyenziso lweMali ijongene nokulungiswa kweengxelo-mali zonyaka zesebe kunye nezigwebo ezenziweyo kule ngcaciso.

IGosa eliMele ukuPhendula ngoSetyenziso lweMali lijongene nokuseka, nokuphumeza inkqubo yangaphakathi ngenjongo yokubonelela ngengqiniseko efanelekileyo ngokumalunga nokuthembeka (*integrity*) kunye nokunyaniseka (*reliability*) kweengxelo-mali zonyaka.

Ngokoluvo lwam, iingxelo-mali zibonisa ngokufanelekileyo imisebenzi yesebe lemfundo yonyaka-mali ophela nge-31 Matshi 2013.

Kusetyenziswana nabaphicothi-zincwadi bangaphandle ukuvakalisa uluvo olungangxengwanga malunga ne-AFS yesebe lemfundo.

Iphononongiwe i-AFS yeSebe leMfundo leNtshona Koloni yonyaka-mali ophela nge-31 Matshi 2013 ngabaphicothi-zincwadi bangaphandle yaye banike ingxelo yabo kwikhasi 183.

IiNgxelo-mali zoNyaka zeSebe leMfundo ezicaciswe kumakhasi 218 -260 zivunywe.



**Igama: Nks P A Vinjevold
IGosa eliMele ukuPhendula ngoSetyenziso lweMali
Umhla: 2013:05:31**

**IPhondo leNtshona Koloni
ISebe leMfundo
IBhajethi 5 Evunyiweyo
INGXELO YOMPHICOTHI-ZINCWADI JIKELELE
kunyaka ophela nge-31 Matshi 2013**

INGXELO YOMPHICOTHI-ZINCWADI JIKELELE KWIPALAMENTE YEPHONDO LENTSHONA KOLONI KULWABIWO-MALI OLUVUNYIWEYO NO. 5: KWISEBE LEMFUNDO LENTSHONA KOLONI

UKUNIKA INGXELO NGEENGXELO-MALI

Intshayelelo

1. Ndiziphicothile iingxelo-mali zeSebe leMfundo leNtshona Koloni (zeSebe iWCED) njengoko kucacisiwe kumakhasi 218 - 260 engxelo yolwabiwo-mali, ingxelo yobume bemali njengoko injalo nge-31 Matshi 2013, ingxelo yokusetyenziswa kwemali, ingxelo yokutshintsha kwii-net assets, ingxelo yokungena nokuphuma kwemali yonyaka osandula kuphela, kunye namanqakwana, asishwankathelo semigaqo-nkqubo ebalulekileyo yokusetyenziswa kwemali kunye nenye ingcaciso ecacisayo.

Uxanduva lwegosa elimele ukuphendula ngosetyenziso lwemali olumalunga neengxelo-mali

2. Igosa elimele ukuphendula ngosetyenziso lwemali linoxanduva lokulungiswa kwezi ngxelo-mali ngokwe-*Departmental financial reporting framework* njengoko kumiselweyo yi-Ofisi kaNondyabo kaZwelonke kunye nemimiselo eyimfuneko yoMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente woMzantsi Afrika, 1999 (uMthetho No. 1 ka-1999) (PFMA) kunye noMthetho we-*Division of Revenue Act of South Africa, 2012 (Act No. 5 of 2012) (DoRA)* kunye nokusingatha ulawulo lwangaphakathi njengoko igosa elimele ukuphendula ngosetyenziso lwemali limisela ukuba kuyimfuneko ukwenzela ukulungiswa kweengxelo-mali ezingenangcaciso igqwethiweyo (*material misstatement*), nokuba ngaba oko kwenzeka ngenxa yobuqhetseba (*fraud*) okanye yempazamo.

Umsebenzi oluxanduva loMphicothi-zincwadi Jikelele

3. Uxanduva lwam kukuvakalisa uluvo malunga nezi ngxelo-mali ezisekelwe kuphicotho-zincwadi lwam. Ndaye ndaqhuba uphicotho-zincwadi lwam ngokoMthetho woPhicotho-zincwadi kaRhulumente waseMzantsi Afrika, 2004 (uMthetho No. 25 ka-2004 (*Public Audit Act*) (PAA), ngokwesaziso ngokubanzi esikhutshwe ngokwalo Mthetho kunye neMigangatho yaMazwe ngaMazwe emalunga nophicotho-zincwadi (*International Standards on Auditing*). Loo migangatho ifuna ukuba ndingqinelane ngqo neemfuno zokwenziwa komsebenzi ongenachaphaza nesicwangciso ndize ndenze uphicotho-zincwadi ukufumana ingqinisekiso efanelekileyo malunga nokuba iingxelo-mali azinanto na igqwethiweyo.

**IPhondo leNtshona Koloni
ISebe leMfundo
IBhajethi 5 Evunyiweyo
INGXELO YOMPICOTHI-ZINCWADI JIKELELE
kunyaka ophela nge-31 Matshi 2013**

4. Uphicotho-zincwadi kubandakanya ukwenza iinkqubo zokufumana ubungqina bophicotho-zincwadi malunga nezixa-mali ezisetyenzisiweyo kunye nokuvakaliswe kwiingxelo-mali. Iinkqubo ezikhethiweyo zixhomekeke kwindlela abona ngayo umphicothi-zincwadi, kubandakanywa nokuhlolwa kwezinto eziyingxaki (*risks*) ezigqwethiweyo kwiingxelo-mali, nokuba oko kwenzeka ngenxa yobuqhetseba okanye yempazamo. Ukwenza ezo nkqubo zokuhlolwa kwezinto eziyingxaki (*risk assessments*), umphicothi-zincwadi uqwalasela ulawulo lwangaphakathi olufanelekileyo kumalungiselelo equmrhu eengxelo-mali, ukwenzela ukuqulunqa iinkqubo zokuphicotha iincwadi ezifanelekileyo kwiimeko ezo, kodwa oko kungenziwa ngenjongo yokuvakalisa uluvo ngokusebenza ngempumelelo kwenkqubo yequmrhu yolawulo lwangaphakathi. Uphicotho-zincwadi kwakhona lubandakanya ukufaneleka kwemigaqo-nkqubo yobalo-mali (*accounting policies*) esetyenziswayo kunye nokufaneleka koqikelelo lobalo-mali (*accounting estimates*) olwenziwa ngabalawuli, kwakunye novavanyo lokwandlalwa konke kweengxelo-mali.
5. Ndiyakholwa ukuba ubungqina bophicotho-zincwadi endibufumeneyo banele kwaye bufanelekile ukunika isiseko sokusekela uluvo lwam lophicotho-zincwadi.

Uluvo

6. Ngokoluvo lwam, iingxelo-mali zinika umfanekiso kakuhle, ngandlela zonke, wemeko yezemali yeSebe iWCED njengoko unjalo nge-31 Matshi 2013, kunye nendlela yokusebenza kwemali yalo neemali ezingenayo neziphumayo zonyaka osandula kuphela ngokwe-*Departmental Financial Reporting Framework* njengoko kumiselweyo kwi-Ofisi kaNondyabo kaZwelonke kunye neemfuno ezingummiselo ze-PFMA neze-DoRA.

Ukugxininiswa kwemiba

7. Nditsalela ingqondo kule miba ilapha ngezantsi. Uluvo lwam alutshintshanga ngokunxulumene nale miba.

Ukuphindwa kwakhona kwamanani angqinelanayo

8. Njengoko kwazisiwe kwisaziso 29 seengxelo-mali, amanani angqinelanayo ange-31 Matshi 2012 abuye aphindwa kwakhona ngo-R124 447 000 ngenxa yempazamo ekunikwe ingxelo ngayo kunyaka-mali odlulileyo malunga nokugqitywa kweeklasi ezizimobhayili.

**IPhondo leNtshona Koloni
ISebe leMfundo
IBhajethi 5 Evunyiweyo
INGXELO YOMPICOTHI-ZINCWADI JIKELELE
kunyaka ophela nge-31 Matshi 2013**

lingxaki ezibonakalayo (*material impairments*)

9. Njengoko kwazisiwe kwinqaku 10 nenqaku 28 leengxelo-mali zonyaka, isebe lemfundo lifumene ii-receivables eziya kutsho ku-R156 488 000 nge-31 Matshi 2013, apho imali ebenako ukuphinda ifunyanwe (*recoverables*) iye kutsho kwi-R58 842 000 nethandabuzekayo nenikiweyo.

Inkcitho engahambi ngokwemigaqo (*Irregular expenditure*)

10. Njengoko kwazisiwe kwinqaku 24 leengxelo-mali zonyaka, kwenziwa apha enyakeni inkcitho engahambi ngokwemigaqo eyi-R32 592 000. Ukongeza, umsebenzi wokuqaphela ezinye izinto ezifanayo zenkcitho engahambi ngokwemigaqo uyenziwa njengangoku.

Imiba engaphezulu

11. Nditsalela ingqondo kule miba ilapha ngezantsi. Uluvo lwam alutshintshanga ngokunxulumene nale miba:

lishedyuli ezihlonyelelweyo ezingaphicothwanga

12. Ingcaciso ehlonyelelweyo ecaciswe kumakhasi 260 – 265 asiyonxalenye yeengxelo-mali kwaye ichazwe njengengcaciso eyongezelweyo. Andikhange ndiziphicothe ezi shedyuli kwaye, kananjalo, andivakalisi luvo lwam ngazo.

Umgaqo-sikhokelo wokunika ingxelo ngezemali

13. Umgaqo-sikhokelo wokunika ingxelo ngezemali omiselwe yi-Ofisi kaNondyebo kaZwelonke (*National Treasury*) nosetyenziswa lisebe lemfundo ngumgaqo-sikhokelo emakungqinelwane nawo. Amazwi asetyenzisiweyo ukuvakalisa uluvo lwam ngokumalunga nomgaqo-sikhokelo emakungqinelwane nawo kufuneka ubonise ukuba iingxelo-mali zilungiswe ngokungqinelana nalo mgaqo-sikhokelo nokuba “zinika umfanekiso kakuhle”. Nakuba kunjalo, iSiqendu 20(2)(a) se-PAA, sifuna ukuba mna mandivakalise uluvo malunga nokunikwa komfanekiso kakuhle kwiingxelo-mali. Amazwi asetyenzisiweyo ukuvakalisa uluvo lwam ke ngoko abonisa le mfundo ingummiselo.

**IPhondo leNtshona Koloni
ISebe leMfundo
IBhajethi 5 Evunyiweyo
INGXELO YOMPICOTHI-ZINCWADI JIKELELE
kunyaka ophela nge-31 Matshi 2013**

INGXELO NGEZINYE IIMFUNO EZINGUMMISELO ZASEMTHETHWENI NEZOLAWULO

14. Ngokwe-PAA kunye nesaziso jikelele esikhutshwe ngokumalunga nayo, ndinika ingxelo ngezi ziphumo zilandelayo ezinxulumene nokwenziwa komsebenzi xa kuthelakiswa neenjongo ezichazwe kwangaphambili, ukungqinelana nemithetho nemigaqo kunye nolawulo lwangaphakathi, kodwa oku ndingakwenzi ngenjongo yokuvakalisa uluvo.

linjongo ezichazwe kwangaphambili

15. Ndenze amanyathelo okufumana ubungqina malunga nokuba luncedo kunye nokuthembeka kwengcaciso ekwingxelo yokwenziwa komsebenzi yonyaka (*annual performance report*) njengoko kucacisiwe kumakhasi 10 – 110 engxelo yonyaka.
